


**URhulumente  
weNtshona Koloni**  
EzeMfundo

**INgxelo yoNyaka 2011/2012**  
ISebe EzeMfundo

**Mnu Donald Grant  
UMphathiswa wezeMfundo**

*Ndingenisa le Ngxelo yoNyaka yeSebe leMfundo leNtshona Koloni yethuba eliqala ngo-Apreli 2011 ukuya kwi-31 Matshi 2012.*

A handwritten signature in black ink, appearing to read "PA Vinjevold".

**PA Vinjevold  
31 Agasti 2012**

**ISEBE LEMFUND  
IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO  
INGXELO YONYAKA KA-2011/2012**

<b>1.</b>	<b>INgcaciso ngokubanzi</b>	
	Umbono, injongo ephambili neemfundiso ezisisiseko .....	1
	Ukuma kwestraksha seziko eli .....	1
	Isigunyaziso seMithetho .....	2
	Amaqumrhu enza ingxelo kuMphathiswa.....	2
	Ingxelo yoMphathiswa .....	2
	Isishwankathelo seGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyziso IweMali .....	5
<b>2.</b>	<b>Ingcaciso kwiinjongo esele zimiselwe</b>	
2.1	Intsebenzo ngokubanzi.....	7
2.1.1	limali ezabiweyo .....	7
2.1.2	Injongo yolwabiwo-mali .....	7
2.1.3	liNjongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo zokuFunda ( <i>Strategic Outcome Oriented Goals</i> ).....	7
2.1.4	Inkazo ngemeko yokwenziwa kweenkonzo ( <i>Overview of service delivery environment</i> ) ngo-2011/12 ....	8
2.1.5	Inkazo ngemeko yokuqhube ka kwiziko ( <i>Overview of the organisational environment</i> ) ngo-2011/12 .....	9
2.1.6	UPhuhliso lwemigaqo-nkqubo ephambili neenguqu kwimithetho .....	11
2.1.7	Ingeniso yeSebe.....	13
2.1.8	Inkcitho yeSebe .....	14
2.1.9	lintlawulo ezenziweyo ( <i>Transfer payments</i> ) .....	15
2.1.10	ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ezabelwe ezinye iinjongo ( <i>earmarked funds</i> ).....	15
2.1.11	Utyalo-mali kwiiprojekthi zolwakhiwo ( <i>Capital investment</i> ), isicwangciso solondolozo ( <i>maintenance and asset management plan</i> ) .....	21
2.2	Intsebenzo kwiProgram .....	25
	IProgram 1: Ezolawulo .....	27
	Iprogram 2: Imfundo kwizikolo zikarhulumente .....	38
	Iprogram 3: linkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo .....	64
	Iprogram 4: Imfundo kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa .....	69
	IProgram 5: Imfundo noqequesho oluqhubelekayo .....	76
	IProgram 6: Imfundo noqequesho lwabadala .....	82
	IProgram 7: Uphuhliso lwemfundo yabantwana abasaqalayo .....	89
	IProgram 8: linkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo .....	95

<b>3.</b>	<b>lingxelo-mali zoNyaka .....</b>	<b>100</b>
	Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi ( <i>Audit Committee</i> ) .....	101
	INgxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ( <i>Accounting Officer</i> ).....	105
	INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele ( <i>Auditor General</i> ) .....	117
	INgxelo yoLwabiwo-mali ( <i>Appropriation Statement</i> ).....	124
	Ingcaciso ehamba neNgxelo yoLwabiwo-mali .....	134
	INgxelo yokuSetyenziswa kweMali ( <i>Statement of Financial Performance</i> ) .....	136
	INgxelo yoBume beMali ( <i>Statement of Financial Position</i> ).....	137
	INgxelo yokuTshintsha kwii-Asethi ii- <i>Net Assets</i> .....	138
	INgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali ( <i>Cash Flow Statement</i> ) .....	139
	Ingxelo yemigaqo-nkqubo yokulawulwa kwemali ( <i>Statement of accounting policies</i> ) .....	140
	Ingcaciso ( <i>notes</i> ) ehamba nengxelo yonyaka yokusetyenziswa kwemali .....	149
	Ingcaciso echaza amatyala ( <i>disclosure notes</i> ) kwingxelo-mali zonyaka .....	158
	IziHlomelo ( <i>Unaudited supplementary schedules</i> ) .....	174
<b>4.</b>	<b>ULawulo IwezaBasebenzi (<i>Human resource management</i>) .....</b>	<b>182</b>
<b>5.</b>	<b>Enye ingcaciso</b>	
	I-organogram .....	219
	IsiCwangciso seZinto eziza Kwenziwa ( <i>Action Plan</i> ) sika-2014 .....	222
	Uludwe Iweenkukacha zoqhagamshelwano .....	225
	Iminganiselo yeentsebenzo kwiiprogram zikazwelonke- iinkcazo .....	226
	Iglosari .....	237

## I Candelo 1 – INgcaciso ngoku Banzi

### Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ulwazi lokufunda nokubhala kanye nolwazi lokubala olubhetele ezikolweni zaseprayimari
2. Inani nomgangatho ongcono wabo bapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukuncipha kwenani lezikolo eziqhuba kakubi

### Injongo ephambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo iphela
- Imfundu kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundu kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente
- Imfundu noQeqesho oluQhubekayo kwikholeji ze-FET zikaRhulumente
- IMfundu noQeqesho IwaBadala (AET) kumaziko emfundo oluntu
- UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqequesho kootitshala nakwabo bangezotitshala
- Iprogram yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okuphelisa ubuhlwempu nawokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubabonelela ngeemeko zengqesho ezisisiseko, ngezikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yezempilo-qete yabasebenzi

### Imfundiso eziziseko

- Ukubaluleka komfundi okubekwa phambili
- Imfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo (*Bill of Rights*)
- Ukugqwesa ngokuthi kubonelelw yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela, abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Ukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Ukuthembela nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

### Ukuma kwestraksha seziko eli

ISebe leMfundu leNtshona Koloni likhokelwa yiNtsumpa-Jikelele. Mane (4) amacandelo amakhulu, ngalinye likhokelwa liSekela Mlawuli-Jikelele. La macandelo makhulu ngala: eloCwangciso IwezeMfundu (*Education Planning*); eloLawulo IweKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Management*); eloPhuhliso noQuquzelelo IwamaZiko (*Institution Development and Co-ordination*) kanye neleeNkonzo zeZiko (*Corporate Services*). Jonga i-Oganogram kwisiHlomelo A.

## **Isigunyaziso seMithetho**

UMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996)  
(*Constitution of the Republic of South Africa, 1996 (Act 108 of 1996)*)

UMthetho weMfundu weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997)  
(*Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)*)

UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996)  
(*South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)*)

UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundu kaZwelonke, 1996 (uMthetho 27 ka-1996)  
(*National Education Policy Act, (NEPA), 1996 (Act 27 of 1996)*)

UMthetho weMfundu noQeqesho oluQhubelekayo, (Act 16 of 2006)  
*Further Education and College Training Act, 2006 (uMthetho 16 ka-2006)*

UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundu noQeqesho ngokuBanzi, 2001 (uMthetho 58 ka-2001)  
(*General Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (Act 58 of 2001)*)

UMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998)  
(*Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)*)

UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999)  
(*Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)*),

UMthetho woLawulo lweMali yooMasipala, 2003 (uMthetho 56 ka-2003)  
(*Municipal Finance Management Act, 2003 (Act 56 of 2003)*)

IMithetho yoKwahluwlwa kweNgeniso yoNyaka  
(*Annual Division of Revenue Act*)

UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994)  
(*Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994)*)

UMthetho weGunya eliLawula iZiqinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho 58 ka-1995)  
(*South African Qualifications Authority Act, 1995 (Act 58 of 1995)*)

UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (uMthetho 31 ka-2000)  
(*The South African Council for Educators Act 9 (Act 31 of 2000)*)

UMthetho weMfundu noQeqesho IwaBadala, 2000 (uMthetho 52 ka-2000)  
(*Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*)

## **Amaqumrhu enza ingxelo (*reporting*) kuMphathiswa**

Akukho nalinye

### **INgxelo yoMphathiswa**

Ngumbono kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ukwandisa amathuba okuphila abafundi kwiphondo ngokuphucula phakathi kwezinye izinto, iziphumo zokufunda.

Ukucacisa lo mbono, siqulunge saza sakupha isicwangciso sobuchule sezemfundo ngo-2009 sethuba lango-2010-2019 esibophelela lo rhulumente:

- ekuphuculen i umgangatho wenkqubo yabafundi kulwazi lokufunda nokubhala nakulwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari zephondo;
- ekuphuculen i amanani nomgangatho wabafundi wokupasa kwimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kunye
- nokunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi (o.k.t. izikolo ezinereyithi yokupasa kwiBakala 12 engaphantsi kwe-60%) kwiphondo.

Esi sicwangciso sisekelwe kwinkqubo eya kuhlala iseberza ithuba elide, ecwangciswe ngendlela eyiyo negxininisa kwimiba emalunga nokuphucula iziphumo zokufunda.

Kwithuba elisusela ngo-2010 ukuya ku-2014, esi sicwangciso sandlala isiseko sophuculo lomgangatho wenkqubo yabafundi engagungqiqiyo (*solid improvements in learner performance*) kwithuba eliya kulandela ngo-2014 -2019, nekuya kuthi ngalo abafundi babe nethuba lokufundiswa kwimfundo elungiselelwwe nelawulwa ngenjongo yokuba iphumeze iithagethi zomsebenzi ezimiselweyo.

Ukususela ekwamkelweni kwesicwangciso, senze inkqubela ebonakalayo ekumiseleni iziseko eziyimfuneko ekuphuculen iiziphumo zokufunda eNtshona Koloni. Sinovuyo xa sibona inkqubela enika ithembu ngokumalunga nendllela izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziqhube ngayo kwiphondo, ngokukodwa kwiziphumo ezifunyenwe kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone kule minyaka mibini idlulileyo. Nakuba kunjalo, kukwakho nenqubela kwezinye izaalathi ezbondakalayo, umz. amanqanaba okugcina abafundi beqhubeka nokufunda ezikolweni anyukileyo (*increased retention rates*).

Oku kubonisa inkqubo yezemfundo yephondo esemgangathweni oya uvokotheka (*maturing provincial education system*) neyimpendulo enika ithembu kwimiba yenqubo ebhetel neya kuhlala iseberza ithuba elide. Kukwabonisa nokuba kunya ngamnye iSebe kune nezikolo zethu ziseberza bhetele sibambisene kune ukuphucula umgangatho wezemfundo eNtshona Koloni.

Kunyaka-mali ka-2011/2012 sabeka phambili ukubonelela ngenkxaso nangezibonelelo izikolo ezenza iinkonzo kwiindawo zabahlali abathwaxwa yintlupheko nakwiSigaba esiPhakathi.

Oku kwabandakanya ukumiselwa ngokusesikweni okokuqala ngqa kwephulo leencwadi zezfundo ezingaphezu kwezigidi ezi-2 neencwadi zokufunda kubafundi bamaBakala 1, 2, 3 no-10 ngaphezu kwezo bezibonelelo ngokwemimiselo kazwelone koykubonelela ngeencwadi zezfundo. Lo Rhulumente ukholelwwe mpela ukuba iincwadi zezfundo sisibonelelo sezemfundo esibalulekileyo sokuphuhlisa ukufunda, ukubhala nezakhono zolwimi.

Ngo-2011, sibuye sandisa inkqubo yeSebe yovavanyo kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kubafundi bamaBakala 3, 6 no-9. Ucazululo Iweziphumo zeemvavanyo zango-2011 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone nezolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala Iwasinceda ekubeni simisele iithagethi ezintsha zokuphucula imeko kwaza oko kwasinceda ekubeni senze bhetele ngakumbi isicwangciso sethu sonyaka wesikolo ka-2012.

Ukwenzela ukubonelela abafundi bethu ngendawo yokufundela eyona yakhe yahetel enokubakho ngo-2010, sazibophelela ekwakheni izindlu zezikolo ezitsha ezisisigxina eziyi-45 kwithuba leminyaka emithathu (kubandakanya izikolo nezibonelelo ezitsha ukutshintsha izikolo ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingekho mgangathweni).

Ukuza kuthi ga ngoku, sigqibe ukwakha izikolo ezitsha eziyi-23 yaye sele sitshintshe ezinye eziyi-8 ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingekho mgangathweni. Ngo-2012, silindele ukuggiba ukwakha izikolo ezitsha ezi-3 nokutshintsha izikolo eziyi-13. Zakuba ezi zikolo zigqityiwe, uRhulumente waseNtshona Koloni uya kuba uphumelele ekwakheni izikolo ezitsha eziyi-26 (eziya kunika indawo abafundi abayi-30,000 abongezelelweyo) nezikolo ezitshintshiweyo eziyi-21 (eziya kunika indawo abafundi abayi-27,000) kwiphondo kwithuba leminyaka emithathu elicwangcisiweyo. Oku kubethe kwadlula kwithagethi ebibekwe ekuqaleni.

URhulumente waseNtshona Koloni uzbophelele ekusebenziseni uninzi Iwezibonelelo zakhe ekuphuculen izipumo zokufunda kwizikolo ezikwiindawo zabahlali abangabona bathwaxwa yintlupheko ngokuggithisileyo kwiphondo lethu nokuqinisekisa ukuba phantse bonke abafundi abangabona basemgciphekweni ngokuggithisileyo (*most vulnerable*) banawo onke amathuba okufumana imfundu esemgangathweni. Abafundi besikolo abayi-60% abangabona bathwaxwa yintlupheko bafumana isabelo esisona sikhulu ngokwezalathi ezibalulekileyo ezifana nengxowa-mali eyabiwa ngokwemimiselo nemigangatho, iprogram yokutyisa abantwana ezikolweni, iziseko zophuhliso ezitsa nothutho lwabafundi. Ngokumalunga noku, sinovuyo ukunika ingxelo ethi sele kwenziwe inkqubela ebonakalayo ukususela ngo-2009 ekunciphiseni inani lezikolo eziqhube kakubi. Inani lezikolo eziphakamileyo zikarhulumente eziqhube kakubi lihlile ukusuka ku-78 ngo-2010 ukuya ku-30 ngo-2011.

Kule minyaka mibini izayo, sijonge phambili ngethemba ukuzinzisa umgangatho osele uqaliwe ukuba ufakwe ngokupheleleyo kwinkubo yemfundo yeli phondo ngokuphcula ekuhambeni kwethuba, umgangatho wokufundisa kwakunye nobunkokeli nolawulo kwizikolo zethu ngokubonelela ngamathuba ophuhliso agxila kwinkalo ezithile nokuqaliswa kwamanyathelo aphuculweyo okubanako ukuphendula ngokuqhube kayo. Sikwajonge ngethemba ekwandiseni ukusetyenziswa kwetekhinoloji ezikolweni zethu ukuphcula umsebenzi wokufundisa nokufunda ezikolweni zethu.

Kuyo yonke into esiyenzayo, siya kuqhube ka ngokubeka iimfuno zabafundi phambili nokuqinisekisa ukuba ootishala bethu baphathwa njengezifundiswa eziqeqlikayeo nezixabisekileyo njengoko benjalo.

Isiggibo ngasinye esithathwe malunga nezemfundo eNtshona Koloni siya kuthi ekuggibeleni sixhaswe ngumbono wethu wokuphcula amathuba okuphila abafundi bethu ngeziphumo zokufunda eziphculweyo.

**Donald Grant**  
**UMphathiswa wezeMfundu eNtshona Koloni**

## **Isishwankathelo seGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso IweMali**

Injongo eyongameleyo yeSebe iWCED kukugcina abantwana abaninzi kumaziko emfundo asemgangathweni kangangoko kunokwenzeka. Kunyaka ka-2011/12 saba nenkqubela encumisayo kule njongo.

Uphawu olutsha lwale nkqubela kukwanda kwamanani obhaliso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-2012, kwizikolo ezizimeleyo nakwizikolo zemfundu eneemfuno ezizodwa zikarhulumente. Ngeli thuba bekukwakho nokwanda okubonakalayo kwinani labantwana abancinci ababhaliswe kwiiklasi zeBakala R eNtshona Koloni. Ukongeza apha, bekukho nokwanda kwamanani obhaliso kwi-National Certificate (Vocational) kwiKholeji zeFET nakwiimviwo zamaZiko e-AET kwiphondo. Okona kwanda kakhlulu kurekhodiwego kube kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo apha kwabhaliswa abafundi abangaphezu kwe-4 000 ngo-2012 xa kuthelekiswa nango-2011.

Ukwanda kwamanani namanyathelo athathiwego ukuphucula umgangatho kukwachaziwe kule Ngxelo yoNyaka. UProgram 2 uchaza inkqubela kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo; uProgram 3 uchaza iZikolo eZizimeleyo; uProgram 4 ujongene neZikolo zemfundu eneeMfuno ezizodwa nenkqubo entsha ebandakanya zonke izikolo eyenziwa liSebe iWCED ukuqaphela nokuxhasa abantwana bethu. UProgram 5 no-6 bachaza umsebenzi owenziwe apha enyakeni kwiKholeji ze-FET nakuMaziko azii-Adult Centres ngokulandelelanayo. Okokugqibela, inkxaso nongenelelo ngoncedo yeSebe iWCED kwiBakala R icacisa kuProgram 7.

Kwiprogram nganye kwezi iSebe iWCED lijongene nomngeni ophinda-phindeneyo wokuniqa iindawo abafundi abaninzi ezikolweni (*accommodating more learners*) nokuphucula umgangatho wamava emfundo omfundu ngamnye. linzame zokuphucula umgangatho zicacisa kwiiProgram 1 - 8.Ukushwankathela, umsebenzi wethu kukuphucula amava okufunda abantwana bethu ngokujolisa ekwabeni izibonelelo eziyimali nezingabasebenzi apha zifuneka khona kakhlulu nalapho ziya kwenza khona elona galelo likhulu libonakalayo.

Ukwenzela ukuba sibenako ukwenza oku, siphucule ukuqokelewa nokusetyenzisa kwedatha. Ukuchaneka kwedatha ye-Central Education Management Information System (CEMIS) kwaphuculwa yaze yasetyenziselwa ukwaba izithuba zootitshala nezabo bangezotitshala, uku-odola iincwadi zezfundo, ukubonelelwu kweencwadi zomsebenzi, ii-Annual National Assessments (ii-ANA) neemvavanyo zamaBakala 3, 6 no-9.

Ucazululo nzulu lweemvavanyo zamaBakala 3, 6 no-9 nezeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke lwenza sanako ukuba sahlule yaye sijolise inkxaso yethu kootitshala nakwiinqunu. Kwaye kwaqeshwa abasebenzi abafaka idatha (*data capturers*) ukungqinisa ingcaciso yeBakala R zaza iikholeji zeFET zabonelela qho ngengcaciso ecazululwe nzulu njengenxalenye yokulandelela ukusetyenzisa kwegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango.

Idatha yenza lanako iSebe iWCED ukuba likulungiselele kwangexesha nangokuchanekileyo ukwabiwa kwezithuba zootitshala ezikolweni. Eli nyathelo kune neenzame ezidibeneyo zabantu ngabantu zokunciphisa inani lootitshala abangaphezu kwemfuneko neemeko ze-Policy on Incapacity Leave and Ill-Health Retirement (PIL/R) nokwanda kwenani lezintlu zezithuba kwenze kwaba nokusiwa ootitshala bethu, abavezona asethi zibalulekileyo nezibiza ixabiso eliphezulu, kwezinye izithuba ngendlela enobulungisa. Idatha ikwaxhase inkcitho yemali eyabelwe ezemfundu ngokuchanekileyo nangokufanelekileyo nangakumbi.

Sithathelo ingqalelo eyodwa ukuqequesha, ukugaya abasebenzi, nokukhetha nokuqesha iinqununu zezikolo. Bangaphezu kwe-200 abanqwenela ukuba ziinqununu nabo sele beziinqununu abafumana iibhasari zokuya kwikhosi ye-*Advanced Certification in Education (ACE)* eqhutywa ziijunivesiti zaseNtshona Koloni. ISBe iWCED nalo liqhube iikhosi ezingamiselwanga zeenqununu, amasekela-nqununu neentloko zamacandelo.

Bonke ootitshala beSigaba seSiseko nabeBakala 10 baya kuqequesho *Iwe-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)* olwaqaliswa kula maBakala ngo-2012. Amanani amakhulu ootitshala bezikolo eziziiprayimari baya kuqequesho lobungcali kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala *e-Cape Teaching and Learning Institute*. Bekukho iikhosi ezininzi zoqequesho kwizihloko ngezihloko zemiba eyodwa.

ISBe iWCED lifaka izibonelelo eziyimali ezibonakalayo ekuqinisekiseni ukuba bonke abantwana banazo iincwadi zezifundo, iincwadi zokwenza umsebenzi neencwadi zokufunda. Ukugcinwa kweencwadi zezifundo nokubuyiswa kwazo ngabafundi kubekwe phantsi kwengqwalaseloo kodwa kusekho umsebenzi omninzi ofuna ukwenziwa ukuqinisekisa ukuba ezi zibonelelo zokufunda zixabisekileyo ziyasetyenziswa ngabantwana yonke imihla.

ISBe i-WCED landise inani leeklasi ezintsha nezikolo kwiphondo laza lagcina yaye laphucula umgangatho wezakhiwo zezikolo ebesele zikho kakade.

Okokuggibela, ISBe iWCED landisa ukwazi ukufumana inkxaso yezentlalontle ebantwaneni: andile nawo amanani abo bakwazi ukufikelela kwiProgram yoKutyisa aBantwana eZikolweni kaZwelonke (*National School Nutrition Programme*), kwizikolo ezingabizi zifizi, ukufundiswa nge-HIV/AIDS, kwiiprogram zothutho Iwabafundi nezezikolo ezikhuselekileyo. Ngokusebenzisana neSebe leMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Culture Affairs and Sport*), sandise inkxaso kwiiprogram zasemva kokuphuma kwesikolo kwizikolo eziyi-180.

Indibanselwano yako konke oku kulapha ngentla ibe ziimpawu ezincinane kodwa ezibalulekileyo zokuphuculwa komgangatho wemfundo. Kwiimvavanyo nakwiimviwo ezininzi ezisetwe ngaphandle, amanani abafundi abapasayo andile xa kuthelekiswa neminyaka edlulileyo yaye bekukho nokwanda kumgangatho wokupasa kwabafundi. Nakuba kunjalo, ISBe iWCED lixhalabile ngomgangatho wokufundiswa kweBakala R, iireyithi zokupasa kumabakala 1 no- 9 namanani abafunda abenza nabapasa imathematika nesayensi kumabakala 10 - 12.

Ezi zinto ziya kufumana ingqwalaseloo neenzame ezidibeneyo zabantu ngabantu kunyaka-mali olandelayo.

## Icandelo 2- Ingaciso kwiinjongo esele zimiselwe

### 2.1. Intsebenzo ngokubanzi

#### 2.1.1. Imlali ezabiweyo

Uhlahlo-mali oluPhambili	Uhlahlo-mali oluHlenga- hlengisiweyo	Eyona Mali kanye eSetyenzisiweyo	Inkcitho engaphantsi kwebibhajethelwe
R13,331,843,000	R13,377,152,000	R13,361,153,000	R15,999,000
<b>UMphathiswa othweswe uxanduva</b>	UMphathiswa wezeMfundu wePhondo		
<b>ISebe eliBambe ezoLawulo</b>	ISebe leMfundu		
<b>IGosa elimele ukuphendula ngemicimbi yezemali</b>	INTloko yeSebe, iSebe leMfundu leNtshona-Koloni (iSebe iWCED) (INTsumpa-Jikelele yezeMfundu)		

#### 2.1.2. Injongo yolwabiwo-mali

Ukubonelela ngemfundu esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo kuya kwensiwa ezi nkonzozilandelayo zingundoqo:

- Ucwangciso luhela nolawulo lwenkubo yemfundu
- Imfundu kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundu kwizikolo zikarhulumente zemfundu eneemfuno ezizodwa
- Imfundu noQeqesho oluQhubekayo kwikholeji ze-FET zikarhulumente
- IMfundu noQeqesho IwaBadala (AET) kumaziko emfundu oluntu
- UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqequesho kootitshala nakwabo bangezotitshala
- Iprogram yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okunciphisa ubuhlwempu nawokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngeemeko zengqesho ezisisiseko, ngezikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yezempiro-qete yabasebenzi

#### 2.1.3 Injongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo zokuFunda

<b>Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokuFunda</b>	<b>ULwazi lokuFunda nokuBala kune noLwazi lokuBala olubhetele eZikolweni eziziiPrayimari<sup>1</sup></b>
<b>INkazo yeNjongo</b>	Makuphuculwe umgangatho wentsebenzo kuLwazi lokuFunda nokuBala noLwazi lokuBala ukwenzela ukuba:  I-40% yabafundi kwiBakala 3 ipase uLwimi ngokungqinelana neminyaka yobudala ( <i>age norms</i> ) engadlulanga u-2014 ize i-60% ipase i-Mathematika ngokungqinelana neminyaka yobudala. I-40% yabafundi kwiBakala 6 ipase uLwimi ngokungqinelana neminyaka yobudala engadlulanga u-2014 ize i-50% ipase i-Mathematika ngokungqinelana neminyaka yobudala. I-55% yabafundi kwiBakala 9 ipase uLwimi ngokungqinelana neminyaka yobudala engadlulanga u-2014 ize i-20% ipase i-Mathematika ngokungqinelana neminyaka yobudala.  Amanqaku makalandelelwengavavano Iwaqho ngonyaka aze amaphulo ongenelelo ngoncedo ahenga-hlengiswe ngokungqinelana nawo.

<sup>1</sup> Makupatshelwe ukuba iithagethi zoLwazi lokuFunda nokuBala kumaBakala 3 no-6, njengoko zimiselwe kwiNkazo yenjongo yeStrategic Plan (2010-2014), sele zihlenga-hlengisiwe ngokungqinelana nemigangatho engqongqo eyayisetenziswe ngokumiselweyo kwiimvavanyo zeSebe iWCED ngo-2011. lithagethi zokuqala zeBakala 9 zamiselwa kuba kungekho ziimpawu zokululinganisela (*benchmark*) malunga noku yaye ngoku zibonelelwengokweziphumo zovavanyo lokulingu lweminyaka emibini (2 year pilot testing).

Injongo 2 eCwangcisle ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokuFunda	Inani nomgangatho obhetele wabafundi abapase iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke <sup>2</sup>
INkcazo yeNjongo	Ukuphucula ireyithi yokupasa kwiNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprogram zoqeqesho lootitshala, ulawulo nenkxaso. lithagethi zango-2014 ngabafundi abayi-43 000 abapase iNSC ne-17 500 abamkeleyo kwisiDanga sokuQala ( <i>Bachelor's degrees</i> ); abafundi abayi-11 000 amabapase iMathematika nabayi-8 000 amabapase i-Physical Science.
Injongo 3 eCwangcisle ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuncipha kwenani lezikolo eziqhuba kakubi
INkcazo yeNjongo	Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo: oko kukuthi, makungabikho sikolo sinereyithi yokupasa engu-<60% engadlulanga u-2014. Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwabafundi kumanye amabakala okulunganiselwa ngee- <i>Annual National Assessment (ANA)</i> kumabakala 1 – 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9.

#### 2.1.4. Inkcazo ngemeko yokwenziwa kweenkonzo ngo-2011/12

Uxwebhu lwePhondo iProvincial Strategic Objective 2 Iwapapashwa ngoNovemba 2009. Uxwebhu lucacisa ukuba "URhulumente waseNtshona Koloni uya kuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana balo kwiphondo ngokubabonelela ngemfundo esemgangathweni. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuhlala besesikolweni kanganelo thuba linokwenzeka baze bazuze iziphumo ezigqwasileyo. Kuza kujoliswa, nangakumbi, ngeli thuba 2010 – 2019 ekuphuculeni izakhono zokufunda, zokubhala nezokubala zabafundi. Kwithuba eliqalela ku-2014 – 2014 kuya kwandlala isiseko (*lay foundation*) sezi nkondo ziphuculweyo. Kwithuba eliqalela ku-2014 – 2019 abantwana beli phondo baya kuvuna iziqhamo zale nkubo eseile ilungisiwe yaphantsi kolawulo ukufikelela kwiithagethi ezimiselweyo.

Ivunywa jikelele into yokuba umngeni ongowona mkhulu icandelo lemfundo esisiseko elijongene nawo, kukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ezikolweni. Iprogram zovavanyo ezininzi zamazwe ngamazwe zibonise ukuba umgangatho wabafundi baseMzantsi Afrika ungaphantsi kakhulu kowamanye amazwe achitha nganeno ngomfundu ngamnye yaye nawo abe ejongene nemingeni yentlupheko efana neyawo okanye engaphezelu. Le theyibhile ilandelayo inika iinkcukacha-manani eziphambili ezimalunga nolwazi lokubala nemathematika.

<sup>2</sup> Makuqatshelwe ukuba iithagethi zMathematika neFizikhali Sayensi ezichazwe kwiNkcazo yenjongo yeStrategic Plan (2010–2014), sele zihenga-hlengisiwe ngokungqinelana nepatheni zobhaliso zephondo nezikazwelonke ngokumalunga noku.

Amanqaku angumndilili emathematika kwiBakala 6 kwi-international SACMEQ programme (2007) <sup>3</sup>		I-% yabafundi beBakala 3 abaphumelele ezinye ubuncinane kwii- ANA numeracy tests ngo-2011	I-% yabafundi beBakala 6 abaphumelele ezinye ubuncinane kwii- ANA numeracy tests zango-2011	Ireyithi yokupasa kwimathematika yeBakala 12 (2010)	Abapase imathematika beBakala 12 ngo-2010 njenge- % yeqela labana-18 iminyaka yobudala
EC	470	49	29	37	9
FS	493	29	26	48	10
GP	545	38	47	60	17
KN	485	38	36	48	16
LP	448	19	20	40	16
MP	477	17	17	41	14
NC	499	22	27	52	10
NW	503	19	18	53	12
WC	566	51	55	66	16
SA	495	34	31	47	14

Icatshulwe:kwi-2007 SACMEQ dataset; official 2011 ANA report; official 2010 National Senior Certificate report. MAKUQATSHELWE: Ukwenzela iinkukacha-manani kwikholam yokugqibela, isayizi yeqela lamanani abemi belizwe, yabalwa liSebe leMfundu esiSiseko kusetyenziswa amanani ahenga-hlengisiweyo ukujongana nokungangqinelani kwamanani okuthile phakathi kwamanani obhaliso neenkukacha-manani zabemi belizwe.

Unyaka ka-2011/12 ubukhulu ibingunyaka ongaphazanyiswanga lugwayimbo lwabasebenzi. Oku kubangele iSebe iWCED ukuba ligxininise kumsebenzi walo ongundoqo wokuphcula iziphumo zokufunda. Zonke izibonelelo, abasebenzi nemali, nawo onke amaphulo ongenelelo ngoncedo, zasiwa kwezo zikolo zinemfuno enkulu yenqxaso.

Ubundlobongela, ulwaphulo-mthethelo neemeko zentlalo noqoqosho ziyaqhube ka nokubeka uxinzelelo lweemfuno ezimandla ezikolweni, ekuhambeni isikolo kwabafundi nakwiSebe iWCED.

Baliqela abantwana de bangaphezulu komndilili (ababhaliswe kwiBakala 1 emva kokutshintshwa komgaqo-nkqubo ngo-2004) abavela kwizikolo eziziiprayimari besiya kungena kwizikolo eziphakamileyo ngo-2011, yaye abafundi abakwiqela abangoontanga abatsha kwiphondo ababhaliswe ngo-2012, babangele uxinzelelo lwendawo yokufundela nakwizibonelelo kwinkqubo yezemfuno.

## 2.1.5. Inkazo ngemeko yokuqhube ka kwiziko ngo-2011/12

ISebe iWCED lenziwa yi-Ofisi yoMphathiswa wezeMfundu, ngundlunkulu wephondo, zii-ofisi zezithili zemfundu ezisibhozo nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezineemfuno ezizodwa, iikholeji zeFET, amaziko emfundu abantu abadala namaziko e-ECD. Ngo-2011 kwaggitywa ukulungiswa kwestraktsha seziko ukwenzela ukuba lisebenze ngempumelelo.

Injongo yeziko kukubonelela

- ngamagosa anenkathalo, anolwazi nakwazi ukunika inkxaso izikolo, ootitshala nabafundi
- ngootitshala abasoloko bekho emsebenzini, abazilungiseleleyo ukufundisa nokusebenzisa iitekhsti
- ngeemali ezisetyenziselwa ukukwandisa impumelelo
- ngezikolo ezanaleyo nezikhuslekileyo
- ngendawo elungele ukuba amahlakan kwezemfuno enze igalelo kwimfundu esemgangathweni: iimanyano zabasebenzi, amaBhunga oLawulo eZikolo, amacandelo ezoshishino, amaQumrhu angekho phantsi koRhulumente (*Non-Governmental Organisations*), izikolo ezizimeleyo, amaZiko eMfundu ePhakamileyo (*Higher Education Institutions*) neekholeji.

<sup>3</sup>Southern and Eastern Africa Consortium for Monitoring Educational Quality. Amanqaku enzelwa ukuvelisa i-avarej ka- 500 phakathi kwabafundi bamazwe athatha inxaxheba.


## Imisebenzi yeSebe iWCED –umhlaba ofikelelwego nomlinganiselo (scale)

<b>Abafundi</b>	
Abafundi bamaBakala 1-12 kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	923 224
Abafundi beBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	50 495 + 1 215 (Pre Grade R)
Abafundi kwiBakala R kwiZikolo kumaZiko aZimeleyo	20 087
Abafundi kwiZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa	18 878
Abafundi kwiZikolo eziZimeleyo	40 098
Abafundi kwii-FET Colleges (kubalwe umfundi ngamnye ( <i>headcount</i> )	40 403
Abafundi abadala	36 582
<b>Itotali</b>	<b>1 130 982</b>
<b>Ootitshala</b>	
Ootitshala	31 831
Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente (izithuba ezabelwe amaziko ezipunyiweyo)	8 479
<b>Amaziko</b>	
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	1 453
Izikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundu	74
Amaziko e-FET	6 (43 amaziko)
Amaziko eMfundu oluntu abantu abadala	287
li-Ofisi zezithili zemfundu	8

\* Amaziko akhoyo (Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, i-pre-Grade R ukuya kwiMatriki) (31 Matshi 2012)

\*\*Source 2011: Annual Survey for schools pre-Grade R to matric) 2012

li-ofisi zezithili zemfundu ezsibhozo zahlulwe zaba ziisekethe eziyi-49 nezinika ngqo inkxaso ezikolweni. likomiti zeesekethe ziikomiti ezenza imisebenzi emininzi ezinabacebisi ngezekharityhulam; iingcali zeenkonzo zemfundu eneemfuno ezizodwa (*special education service professionals*) (iisayikhlojisti, oonontlalontle, abacebisi bezibonelelo zokufunda (learning support advisers) nabacebisi beze-IMGP. ABaphathi beeKomiti zeeSekethe bakhokela ezi komiti zenkxaso.



Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo naBafundi ngeSithili seMfundu ngasinye neSekethe nganye (2011)										
Isithili semfundo		1	2	3	4	5	6	7	8	Itotali
Cape Winelands	Izikolo	40	35	33	38	30	30	33	36	275
	Abafundi	25 336	25 485	22 048	13 137	14 649	22 679	10 054	10 120	143 508
Eden and Central Karoo	Izikolo	33	32	24	32	38	38	28		225
	Abafundi	9 039	23 114	23 559	19 219	12 685	14 556	14 304		116 476
Metro Central	Izikolo	33	44	36	36	30	33			212
	Abafundi	20 759	21 989	22 162	23 369	20 669	23 401			132 349
Metro East	Izikolo	24	21	25	22	20	25			137
	Abafundi	24 898	25 545	25 071	23 132	21 947	28 177			148 770
Metro North	Izikolo	28	26	27	26	33	31	31		202
	Abafundi	25 281	19 156	31 045	23 898	22 940	21 260	32 164		175 744
Metro South	Izikolo	34	34	28	16	17	30	29		188
	Abafundi	26 569	21 137	17 855	12 788	18 630	33 360	28 813		159 152
Overberg	Izikolo	28	29	25						82
	Abafundi	10 524	18 817	10 528						39 869
West Coast	Izikolo	25	26	22	26	31				130
	Abafundi	14 129	9 841	16 704	7 734	10 658				59 066

I-Annual School Survey ka-2011 yayinezikolo eziyi-1451. Ziyi-9 izikolo ezavalwayo nge-31 Disemba 2011 (Buffelsvlei, Buffelsnek, Matjiesrivier, Herbertsdale, Oakhurst, Salt River Moslem, Robbeneiland, St. Louis, Eendekuil ) neziyi-11 izikolo ezavulwayo nge-1 Januwari 2012 (Beaufort West Primary, Disa Primary, Blue Downs Primary, Northpine Technical High, Rouxville Primary, Fisantekraal High, Abedare Number2 Primary, Delft Technical High, Louville High, Citrusdal Secondary, Melkbos High). Isikolo ngasinye sibonelela ngedatha kwi-national learner tracking system. Ngoko ke ziyyi-1451-9 (ezavalwa ngoDisemba 2011) +11 (ezavulwa ngoJanuwari 2012) =1453.

## 2.1.6. UPhuhliso Iwemigaqo-nkqubo ephambili neenguqu kwimithetho

### a. Izikolo

UMthetho i-Basic Education Laws Amendment Act, 2011, (Act 15 of 2011) waqalisa ukusebenza nge-19 Septemba 2011. Injongo yalo Mthetho kukulungiselela imiba engokudalwa kweSebe leMfundu esiSiseko nemibandela enxulumene noko. Ufakela izilungiso kuMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundu kaZwelonke, 1996 (uMthetho 27 ka1996) nakuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) nakuMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998); uMthetho weBhunga looTitshala laselMzantsi Afrika, 2000 (uMthetho 31 ka-2000) nakuMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundu noQeqesho ngokuBanzi, 2001 (uMthetho 58 of 2001). Lo Mthetho ngoku ucacisa iindidi ezahlukeneyo zezikolo ezineemfuno ezizodwa, imisebenzi eyongezelelwego yeenqununu zezikolo noqequesho Iwamabhunga olawulo ngumbutho wamabhunga olawulo ovunyiweyo.

ISebe leMfundu esiSiseko lifakele izilungiso kwi-National Norms and Standards for School Funding ukususela nge-1 Apreli 2011. Izilungiso zisingethe umba wokubonelelwa ngeengxowa-mali zokwenziwa komsebenzi (*operational funds*) kwizikolo ezingabizi zifizi (Paragraph 138A) nembuyiselo yokuxolelwa ekuhlawuleni ifizi (*compensation for fee exemptions*) kwizikolo ezibiza ifizi (Paragraph 170A). Esi silungiso samva sivumela iiMavanyo ii-Annual National Assessments kumaBakala 3 no-6 kwizikolo zikarhulumente, eziza kusetyenziswa ukujonga indlela yokupasa kwabafundi kwezo zikolo zizimeleyo ezikufaneleyo ukufumana inkxaso-mali, ukususela ngo-2012.

I-National Norms and Standards for Grade R funding (January 2008) ibethelela imfuno yokupuhhliswa kwezakhono nokucacisa ngokuthe gca umgaqo-sikhokelo wokwenziwa kweenkonzo izikolo ekufuneka zisebenze ngokumalunga nawo. ISebe iWCED laqlisa ubhaliso Iwamaziko abahlali njengezikolo ezizimeleyo, ngokwale nkqubo-sikhokelo.

I-The National Policy for an Equitable Provision of an Enabling School Physical Teaching and Learning Environment yabhengeza nge-11 Juni 2010 (Vol. 540, (No. Government Gazette No 33283). Ikakhulu, injongo yalo mgaqo-nkqubo kukulawula nokulungisa ukubonelelwa kwezikolo ngeziseko zophuhliso nokubonelela ngesikhokelo esijolise ekubonelweni ngokulinganayo ngezakhiwo zokufundisa nokufunda kubo bonke abafundi eMzantsi Afrika. Ukwacacisa iindima ezicacileyo nemisebenzi yabo bonke abathathi-nxaxheba yaye ucacisa ukumelwa kukuphendula ngokuqhubekeyo kwabafanele ukwenjenjalo ekubonelelweni kwezikolo ngeziseko zophuhliso. ISebe iWCED lenza isikhokelo salo ngokunxulumene nalo mbandela.

Ngo-2010/11, kwenziwa i-*Infrastructure Plans* ngokwemimiselo yoMthetho we-Government Immovable Asset Management Act (GAMA) (Act No 19 of 2007). I-*Infrastructure Plan* eyasetyenziswa kwixa elingaphambili ngokwemigqaliselo kaNondyebo kaZwelonke itshintshiwe kwafakwa endaweni yayo i-User Asset Management Plan (U-AMP), njengoko kucacisiwe kwiSebe leMisebenzi kaRhulumente likaZwelonke (National Department of Public Works).

UMgaqo-nkqubo ongoKuhamba iSikolo kwaBafundi (*Policy on Learner Attendance*) waphunyezwa kuzo zonke izikolo zikarhulumente ngoJanuwari 2011. Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukukhuthaza (a) ukuhamba isikolo rhoqo, nokufika ngexesha kwizikolo zikarhulumente, yaye (b) ubonelela izikolo namasebe ephondo ngenkqubo yokurekhoda, ukulawula nokubeka esweni ukuhamba isikolo kwabafundi.

INkazo yeKharityhulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) iye yalungiswa yaza yahlaziywa yayi-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS). I-CAPS icacisa ixesha lokufundisa lesifundo ngasinye, ikhontenti, izakhono, nee-Learning and Teaching Support Materials (LTSM) eziyimfuneko nobungakanani kwamanqaku ovavanyo (assessment weightings) nemigqaliselo. Okona kuthandekayo kolu xwebhu kukuba ludibanise zonke iimfuno ezingummiselo kuxwebhu olunye. I-CAPS yaphunyezwa kwiSigaba seSiseko nakwiBakala 10 ngo-2012, yaye iya kuphunyezwa kwiSigaba esiPhakathi nakwiBakala 11 ngo-2013nakwiSigaba saBadala nakwiBakala 12 ngo-2014.

Ngowe-1 Apreli 2010, zaqalisa ukusebenza izilungiso ezizezinye kwi-*Children's Act* (Act No. 38 of 2005). NgokweSiqendu 196 (3) soMthetho i-*Children's Act*, 2005 (Act 38 of 2005), ezo zikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundu lephondo njengangoku, ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*), kwithuba leminyaka emibini yokuqala ukusebenza kwesahluko esichaphazelekayo kulo Mthetho. Oku kuthetha ukuba izikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo eMzantsi Afrika zingatshintshelwa kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo ekupheleni kuka-Matshi 2012.

### b. liKholeji zeFET

ISebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training (DHET)*) lamiselwa ngoMeyi 2009 ngenjongo yokuba liya kuba lilo ekuggibeleni eliya kwenza umsebenzi kumaziko emfundu ephakamileyo, kwiikholeji zeFET, iiSETA nawe-AET. Ngokusekwa kwe-DHET, liKholeji zeFET namaziko emfundu noqequesho lwabada, ziza kuba ngamaziko aphantsi kolawulo lukazwelonke. I-DHET namasebe emfundu amaphondo basayne umgaqo wemvumelwano (*protocol of agreement*) ngotshintsho kunye nolawulo nokuphathwa kweekhokeji okweli thutyan.

UMthetho oyidrafti i-Constitutional Amendment wokutshintsha liKholeji zeFET ekubeni ngamaziko aphantsi kolawulo lwamaphondo zibe ngamaziko aphantsi kolawulo lukazwelonke (*national competence*) wapapashwa ekuqaleni kukaSeptemba 2011. I-DHET icele amaphondo ukuba anyule iikomiti zeephondo ii-provincial technical task teams, ukulawula ukutshintshwa kwemisebenzi yazo ibe phantsi kolawulo lukazwelonke.

UMthetho oYilwayo i-Higher Education and Training Laws Amendment Bill wapapashwa nge-7 Disemba 2010. Injongo zavo kukufakela izilungiso kuMthetho iFET Colleges Act ka-2006 ne-Adult Basic Education and Training Act, 2000, ukwenzela: ukuba kulungiswe iingcaciso-magama ezithile, ukwenza isibonelelo sokuqeshwa kootitshala kumaziko oluntu ngokufakela imigaqo ngokumalunga nabaqeshi bootitshala, imivuzo kunye nezinye iimeko zengqesho yoottitshala, amanani ezithuba zootitshala ezabelwa amaziko, amagunya abaqeshi, ukupeshwa nokuzaliswa kwezithuba, ukutshintshwa kootitshala, ukusekondwa kootitshala, ukuthatha umhlalaphantsi kootitshala; ukugxothwa kootitshala, ukungabi nakusebenza ngenxa yokugula (*incapacity*) nokuziphatha kakubi (*misconduct*) nokwenza eminye imisebenzi ngootitshala, ukubonelela ngamalungiselelo ngexesha lotshintsho lwethutyana ngokumalunga namaziko oluntu; ukwenza isibonelelo sokumiselwa komgaqo-nkqubo wemfundo kazweloneke wamaziko oluntu, ukwenzela imigqaliselo engumyalelo yomgaqo-nkqubo wemfundo kazweloneke, nokwenza amalungiselelo eenguqu (*transitional arrangements*) ngokumalunga namaziko oluntu; ukwenza amalungiselelo okuqinisekiswa komgaqo-nkqubo wezemfundo kazweloneke kumaziko oluntu, imigqaliselo yemiyaqo-nkqubo wezemfundo kazweloneke, ukulungiselela uthetha-thethwano ngomgaqo-nkqubo nemithetho, ukulungiselela upapasho lomgaqo-nkqubo wemfundo kazweloneke ukulungiselela ukubeka esweni nokuvavanywa kwemfundo yabadala noqeqesho; nokubonelela ngoqinisekiso lwemigangatho ngokumalunga namabanga emfundo abonelelwa ngamaziko oluntu nawabaucala.

UMthetho oYilwayo i-Further Education and Training Colleges Amendment Bill, 2011 (Gazette No. 34222) wandlalwa nge-27 Julai 2011 njengesiqendu se-76 somthetho oyilwayo. Njengangoku usayiniwe wanguMthetho nguMongamel. Injongo ikakhulu kukufakela izilungiso kuMthetho weFETC, ka-2006, ukwenzela ukuba "kususwe zonke izinto ezibhekiselele kumagunya ephondo, ukuba kufakwe endaweni yemisebenzi yangaphambili yeLungu leSigqeba soLawulo kufakwe eyoMphathisa; ukuba kususwe zonke izinto ezibhekiselele kwiNtloko yeSebe kufakwe endaweni yoko uMlawuli-Jikelele; ukwenza isibonelelo sokuthintela ilungu leBhunga okanye umqeshwa ukuba aqhube umsebenzi wokushishina ngqo okanye ngandlela yimbi ne-FETC echaphazelekayo, msebenzi wokushishina lowo othi ubangele ukudlelelela abanye uze udale ukungqubana kweemfuno (*conflict of interests*) neFETC karhulumente echaphazelekayo; ukwenza amalungiselelo ethutyana malunga nezithuba zenkonzo karhulumente kunye nezithuba zootitshala, nezabasebenzi, namanyathelo oluleko; kunye nomgaqo-nkqubo owensiwa liLungu leSigqeba soLawulo phantsi koMthetho oyintloko okanye kwavo nawuphi na umthetho wephondo, oyimfuneko ukwenzela ukuphatha, ukulawula nokuxhaswa ngemali kwee-FETC zikarhulumente".

Ekuqaleni kuka-2011, iikholeji zagunyaziswa ukuba ziqalise kwakhona ii-Report 191 Programmes zezfundo ezinxulumene nobunjinel i kumanqanaba N1-N3 nasekuqalseni kwakhona zonke ii-Report 191 Programmes kumanqanaba N4-N6. Kwangokunjalo amanani obhaliso ezi program abonisa ukwanda.

IMimiselo ii-Norms and Standards for the funding of FET Colleges yaphunyezwa ukususela nge-1 Apreli 2010. Imimiselo nemigangatho isekelwe kwinkitho yokubonelela nge-National Certificate: Vocational Programmes. Ifomula yenxaso-mali inamacandelo amathathu angala: i-personnel, capital ne-non-personnel/non-capital. Ukwabela imali iikholeji zeFET kwensiwa ngegranti ekhutshwa phantsi komqathango, nokwenziwa kweentlawulo ezenziwa qho ngenyanga (*monthly transfers*).

## 2.1.7. Ingeniso yeSebe

Itheyibhile elapha ngezansti ishwankathela ingeniso eqokelelwe liSebe, eyenziwa zezi ntlawulo zolawulo (*administration fees*), ii-insurance premium collections, iintlawulo zeenkonzo zokufotokopa nokovelisa amaxwebhu (*reprographic services*); ii-refunds) ngokumalunga nemicimbi yeminyaka edlulileyo nemicimbi yezemali kwii-asethi namatyala (*financial transactions in assets and liabilities*).

	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	I-% yomahluko kwithagethi
	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye kanye	
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
Ukuthengiswa kweempahla neenkonzo ezingezizo <i>ii-capital assets</i>	8,297	9,127	11,193	10,466	12,611	20.5%
lifayini, izohlwayo neemali ekuphulukenwe nazo	382	383	511	228	560	145.6%
Inzala, izahlulo nerenti yemihlaba	1,227	1,394	324	1,998	1,081	-45.9%
lntengiso zee- <i>capital assets</i> ( <i>Capital revenue</i> )	0	0	0	0	0	0
Imicimbi yezemali ( <i>Financial transactions</i> ) <i>Ukufunyanwa kweemali ebezityalwa</i> ( <i>Recovery of debts</i> )	12,639	15,543	10,206	11,333	19,666	73.5%
Zizonke iimali zesebe ezifunyenweyo ( <i>Total departmental receipts</i> )	<b>22,545</b>	<b>26,747</b>	<b>22,234</b>	<b>24,025</b>	<b>33,918</b>	<b>41.2%</b>

## 2.1.8. Inkitho yeSebe

Itheyibhile elapha ngezantsi ibonisa inkitho ngeProgram nganye kwiminyaka emi-2. Isebe lichithe i-99.9% kwibhajethi ebelabelwe yona ngo-2011/12.

liprogram	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye kanye	I-% yoma- hluko kwitha- gethi
	R'000	R'000	R'000	R'000	
1. Ezolawulo	489,163	497,574	532,038	532,038	0%
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	8,619,954	9,721,049	10,906,432	10,896,316	0.1%
3. linkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	55,522	59,696	64,188	63,554	1 %
4. Izikolo zemfundu eneemfuno ezizodwa zikarhulumente	634,604	727,646	791,341	791,341	0%
5. likholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	368,917	446,971	534,671	534,659	0%
6. IMfundu noQeqesho IwaBadala	29,479	32,152	33,098	33,098	0%
7. UPuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqlayo (ECD)	288,620	345,895	380,796	378,061	0.7%
8. liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo	127,054	124,760	134,588	132,086	1.9%
<b>Itotali</b>	<b>10,613,313</b>	<b>11,955,743</b>	<b>13,377,152</b>	<b>13,361,153</b>	<b>0.1%</b>

## 2.1.9. lintlawulo ezenziwego

Njengoko kubonisiwe kule theyibhile ilapha ngezantsi, isebe lihlawule (*transferred*) 99.9% yesixa ebésibhajethiwe kumaziko alo. Esona sixa sikhulu semali sibalwa ngokweeMimiselo neMigangatho yokuxhasa ngezimali amaziko ngamaziko.

### ltheyibhile: Isishwankathelo seentlawulo ezenziwego (*Transfer payments*) ngo-2011/12 (R'000)

liprogram	2009/10 Eyona kanye kanye	2010/11 Eyona kanye kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye kanye	I-% yoma- hluko kwitha- gethi
	R'000	R'000	R'000	R'000	
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	604,506	602,685	608,267	608,223	0%
Izikolo ezizimeleyo	55,522	59,696	64,188	63,554	1%
IZikolo ezinaBafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundu	115,014	119,552	128,346	128,346	0%
likholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	163,969	165,042	243,928	243,928	0%
I-ABET: Amaziko abucala	22,578	24,987	27,248	27,248	0%
Amaziko e-ECD: IBakala R: Izikolo zikarhulumente	89,441	150,753	126,080	126,080	0%
Amaziko e-ECD: IBakala R: Amaziko oluntu	45,732	45,287	46,838	46,838	0%
<b>Itotali</b>	<b>1,096,762</b>	<b>1,168,002</b>	<b>1,244,895</b>	<b>1,244,217</b>	<b>0.1%</b>

## 2.1.10. ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ezabelwe ezinye iinjongo (earmarked funds)

### ltheyibhile: Isishwankathelo seeGranti eziPhuma ngokweMiqathango ethile ngo- 2011/2012 (R'000)

Igranti eziphuma ngokwemiqathango ethile	Ulwabiwo oluhlen- gangisi- weyo 2011/2012	Ezigqithisi -weyo ( <i>Roll-over</i> ) ukusuka 2010/11	Itotali yeemali ezabiweyo 2011/12	Itotali yemali ezihlawu- lweyo ezifunyen- weyo	Inkcitho eyiyo kanye 2011/12	I-% yoma- hluko kwitha- gethi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
I-HIV/ AIDS (Imfundo ngezakhono zobomi)	16,388	0	16,388	16,388	14,088	14.0%
IProgram yoKutyiswa kwaBantwana kaZwelonke ( <i>National School Nutrition Programme</i> )	227,433	3,473	230,906	230,906	230,041	0.4%
likholeji ze-FET ( <i>Further Education and Training</i> )	534,671	0	534,671	534,671	534,659	0%
IGranti yeZiseko zophuhliso lwemfundo	385,039	0	385,039	385,039	385,039	0%
Ukuxhaswa ngemali kwakhona kweeSekondari zoBugcisa	8,619	0	8,619	8,619	8,610	0.1%
IZikolo zeDinaledi	6,720	0	6,720	6,720	6,684	0.5%
IGranti iSocial Sector Extended Public Works Programme Incentive Grant enikwa amaPhondo	5,675	0	8,070	8,070	8,066	0%

Zonke iimfuno ezingummiselo ngokwe*Division of Revenue Act, 2011*, ngokumalunga nezi Granti ziphuma phantsi kwemiqathango ethile kwahlangatyezwana nazo:

- Zonke iimali ezihlawulweyo (*transfers*) ezifunyenweyo zadipozithwa kwi-akhawunti yebhanki yesebe;
- Zonke iimali zachithwa ngokungqinelana nezicwangciso zomsebenzi owawuza kwensiwa;
- Yonke imiqathango yeegranti eziphuma ngokwemiqathango ethile, njengoko kumiselwe kwiziCwangciso zoMsebenzi (*Business Plans*) kwahlangatyezwana nayo.

IGRANTI	ISALATHI-NKQUBELA ( <i>worded as per national text</i> )	ITHAGETHI	EYIYO KANYE KANYE	INGXOXO NGOMAHLUKO
I-HIV/ AIDS (Imfundu ngezakhono zobomi)	<b>Ukugaya inkxaso</b> Ukwazisa izikolo nabahlali ngemiba yobungozi beHIV	1 524 izikolo (iikitii zoncedo lokuqala zisiwe kuzo zonke izikolo)	1 524 izikolo (iikitii zoncedo lokuqala zisiwe kuzo zonke izikolo)	Kufikelelwew kwithagethi
	<b>Uqequesho noPhuhliso</b> Oomasifundisane boPhuhliso IweZakhono bootitshala neenqununu : Uhlanganiso lwempilo yokufumana abantwana ( <i>sexual reproductive health</i> ) neeprogram zeHIV kwikharthulam yezikolo	1 020	1 122	Kufikelelwew kwithagethi
	<b>Co-curricular</b> <b>Izikolo eziziSekndari zeMfundu yoontanga (Peer Education Secondary Schools):</b> Iprogram yothintelo esemgangathweni esekelwe kwikharthulam kwiprogram yezakhono zobomi yezikolo (kweyokufundisana koontanga) ebonelelwa kwizikolo eziziisekondari ezikhethiweyo.	123 Izikolo	123 Izikolo	Kufikelelwew kwithagethi
	Oomasifundisane bePeer education (abaqequeshi abaneqhuzu) (master trainers) ngokuphumeza ii-NPOs	34 (abaqequeshi abaneqhuzu) (master trainers)	34 (abaqequeshi abaneqhuzu (master trainers)	Kufikelelwew kwithagethi
	liNkomfa zoLutsha zokuxoxa ngempilo yokufumana abantwana ( <i>sexual reproductive health</i> ), I-HIV, i-HCT, ukukhulelwa kolutsha olufikisayo, ezobudlelwane, ukuzikhethela ukuphila ngethembra ( <i>positive lifestyle choices</i> )	1 -inkomfa yolutsha kwisithili ngasinye	1- inkomfa yolutsha kwisithili ngasinye	Kufikelelwew kwithagethi
	Ukuxhasa uqequesho IweSoul Buddyz Clubs lootitshala ukwenzela ukulawula nokuxhasa iiklabhu iiSoul Buddyz clubs kwizikolo eziziiprayimari	50 ootitshala	49 ootitshala	Kufikelelwew kwithagethi
	Ikhempu yeBakala 7 yephondo yeeSoul Buddyz	100 abafundi /5 ootitshala	100 abafundi /5 ootitshala	Kufikelelwew kwithagethi
	<b>UkuNonophela nokuNika iNkxasso</b> Oomasifundisane babafundi abajolise kwiHIV/AIDS, ukukhulelwa kolutsha olufikisayo, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi neHCT	800 abafundi abasengozini enkulu	873 abafundi	Kufikelelwew kwithagethi
	Ukuhlawulwa kweemali kwizikolo ezikhethiweyo ukuxahsa iinkedama nabafundi abasengozini.	200 Izikolo	561 Izikolo	Imfuno emandla yezikolo yokuhlaziya ii-sick bays ukuxhasa abafundi, nezinokusetyenziswa ngunesi wesikolo kuvavanyo ebenzisana neSebe lezeMpilo.

IGRANTI	ISALATHI-NKQUBELA ( <i>worded as per national text</i> )	ITHAGETHI	EYIYO KANYE KANYE	INGXOXO NGOMAHLUKO
	<b>I-LTSM</b> I-LTSM efaneleke kubudala obuthile yeHIV/AIDS esetyenziswa ezikolweni.	571 Izikolo Izikolo eziziipraramari ze-Q1-3 kuphela (amabakala 1-7)	571 Izikolo Izikolo eziziipraramari ze-Q1-3 kuphela	Kufikelewe kwithagethi
	Ukuqulunwa nokusiwa kweLTSM kuzo zonke izikolo	501 izikolo eziphakamileyo ezithagethiweyo (amabakala 8-9) 1091 Izikolo eziziipraramari	501 Izikolo 1091 Izikolo eziziipraramari	Kufikelewe kwithagethi
	liklasi ezonezelelwego nezibonelelo zezakhono zobomi zeelayibrari zezikolo	365 izikolo eziphakamileyo	365 izikolo eziphakamileyo	Kufikelewe kwithagethi
	<b>Ukubeka esweni neNkxaso</b> Ukungeniswa qho kweengxelo zokubeka esweni ezivavanya ukusebenza kweeprogram zongenelelo ngoncedo zekharityhulam ngokuhanjelwa kwezikolo nezithiili.	256 Izikolo	75 Izikolo	Le thagethi ayifikelelwanga ngenxa yezithintelo ezimalunga nabasebenzi eziziindidi ngendidi.
IProgram yoKutyiswa kwaBantwana kaZwelonke (National School Nutrition Programme)	Ukuhamba isikolo kwabafundi okubhetelo	415 829 (1 000 izikolo)	426 707 (1 015 izikolo)	Ukwanda kungenxa yokuba ukususela ngo-Apreli I 2011 zonke izikolo ze-Q1 – Q3 zagunyaziswa ukuba zityise isikolo sonke ngokweemfuno ze-DORA.
	Inani labafundi kwizikolo eziziipraramari ze-Q1 – Q3 Inani labafundi kwizikolo eziziipraramari ze-Q1 – Q3 Inani labafundi kwizikolo eziziipraramari neeSekondari ze-Q4 – Q5	263 501 (598 izikolo) 87 859 (88 izikolo) 64 469 (316 izikolo)	269 244 (598 izikolo – zibandakanya iZikolo eziyi-39 ezizi- Special Needs' Schools) 94 157 (106 izikolo) 63 306 (311 izikolo)	Itotali yenani labafundi bezikolo eziziipraramari yandile kodwa inani lezikolo linciphile kuba ezinye zezikolo zadityaniswa okanye zavalwa. Inani lezikolo eziphakamileyo landile ngenxa yokutyswa kwesikolo sonke kwizikolo ze-Q1 – Q3.
Unyaka wesi-3 (2011): izikolo eziyi-250 zeqela lesibini – eneneni ezi yaba zizikoko eziyi-258	IQela 3 (izikolo eziyi-129) Uqequesho kuLwazi lokuBala ngeHolide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-129) Uqequesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeHolide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-258) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-258)
Unyaka 4 (2012): izikolo eziyi-258 zeqela lesibini kunya ka wesibini woqequesho	IQela 3 (izikolo eziyi-129) Uqequesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeHolide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-129) Uqequesho kuLwazi lokuBala ngeHolide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-258) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-258)
Le ndlela iya kuphindwa iminyaka emi-5 ukuya kweyi-8, o.k.t. phakathi ko-2013 no-2016, ukwenzela ukuba zonke izikolo zaseprayimari ziqequeshe yaye zinikwe inkxaso kwiincwadi zokufunda ( <i>reading schemes</i> ) nezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa kwithuba leminyaka eyi-8.	

Iprogram *iLiteracy and Numeracy Programme* ngo-2011 yabonelela izikolo eziziiprayimari eziyi-258 ngoqeqesho olumandla (*intensive training*) nangenkxaso eqhubekela kumaziko kootitshala bamaBakala 1- 6.

Uqequesho nophuhliso lo gama usenkonzweni lwenzelwa e-*CTLI*. likhosи zoqequesho eziyi-34 zenzelwa ootitshala kwiSigaba seSiseko, kwiSigaba esiPhakathi nakwiSigaba saBadala: Ootitshala abayi-1024 bayा kolu qeqesho lweekhosи zekharityhulam lweeveki ezintathu kulo nyaka-mali. Ziyi-392 iinqununu namalungu eekomiti yolawulo lwasikolo afumana uqequesho ngekhosi zolawulo eziyi-10 ezaqhutywa ngeli thuba. linkomfa neesemina kwimathematika, ekufundeni nasekubhaleni kwakunye nezeenqununu zafikelela kootitshala nakwiinqununu eziyi-3 413. Ngako oko bayi-4 829 bebonke abafumana uqequesho kwiikhosi ze-*CTLI* ngalo nyaka-mali.

#### *linqununu*

Ugxininiso kulo nyaka belusekuphuhliso nenkxaso kwiinqununu ebezingenawo amava, okanye ebezifuna ukunikwa ingcebiso engaphezulu, okanye ezinomdla wokuphucula amabanga emfundо yoqequesho kunye/okanye ukughubela phambili nezfundo. likhosи zabaphathi bezikolo zagxinisa kwizihloko ezibandakanya inqununu njengomphathi wekharityhulam; iindima nemisebenzi yamasekela-nqununu; iindima nemisebenzi yeentloko zezifundo (*heads of department*), iindima nemisebenzi yabo banqwenela ukuba ziinqununu noqhelaniso kumsebenzi weenqununu namasekela-nqununu; uqequesho lweekomiti zolawulo lwasikolo nabasetyhini abakulawulo nabaya kuba kulawulo.

Kusetyenziswa ipeyirolи yeSebe iWCED elingana ne-1% ukuphucula izakhono nobuchule babo bonke abaqeshwa beSebe iWCED. Amanqanaba ezakhono ootitshala, nabasebenzi benkonzo karhulumente asingethwe nawo ngokunjalo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo eProgram *iWorkplace Skills' Programme (WSP)*.

#### *Amabanga emfundо avuniweyo (Accredited qualifications)*

likhosи zokufundisa aphо kuthagethwa okuthile, ezifana ne-Advanced Certificate in Education (ACE) ezigxinisa kuBunkokeli eSikolweni zaqhutywa kumaziko emfundо ephakamileyo. Ezi khosi zixhaswa ngemali liSebe iWCED kwinzame zokuphucula amabanga emfundо ootitshala nokuphucula umgangathо wokufunda nokufundisa eklasini. Ziyi-1 202 iibhasari ezanikwa ootitshala abasenkonzweni ukuphucula amabanga abo emfundо neziyi-168 iibhasari zaphambi kokungena enkonzweni kwizifundo zeenkalo ezingqabileyo (*scarce subject areas*).

libhasari zaphambi kokungena enkonzweni zanikwa abo banqwenela ukuba ngootitshala, abajolise kwinkalo zezifundo zezakhono ezingqabileyo ezifana neMathematika, iSayensi, iThekhinoloi neSigaba seSiseko. Isixa-mali sezigidi eziyi-R8,145m, senziwa safumaneka kulo nyaka yaye kwafumana abafundi abayi-109 iibhasari. Ngabafundi abayi-31 abazigqibayo izifundo zabo ngo-2011 nabayi-83 abaqhubekayo ngo-2012. Kwakhutshwa iibhasari eziyi-90 ezintsha ngo-2012. Ziyi-230 iibhasari ezintsha ezanikwa abanqwenela ukuba ziinqununu nabasele bezinqununu ukuphucula amabanga abo emfundо ngeeprogram ze-ACE kwi-School Management and Leadership. Abayi-124 bazigqibile izifundo zabo ngo-2011 yaye bayi-248 abaqhubekayo ngezifundo zabo ngo-2012.

#### **Enye inkxaso enikiweyo**

##### *lincwadi*

Ngo-2011/12 iSebe iWCED lachitha izigidi eziyi-R127 kwiincwadi zokufunda neencwadi zezifundo ukunika inkxaso iCAPS kwiSigaba seSiseko (AmaBakala 1-3) neBakala 10. lincwadi zokufunda zoLwimi lwaseKhaya zanikwa izikolo eziyi-403 neencwadi zokufunda kwi-First Additional Language (FAL) kwisiNgesi nesi-Afrikansi zanikwa zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente ukunika inkxaso ukuqaliswa kwe-FAL njengesifundo kwiSigaba seSiseko. lincwadi zeMathematika zanikwa bonke abafundi kwiBakala 1. Isebe lichithe isigidi (R1-m) ukongeza iincwadi zoncwadi zeBakala 10 zolwimi lwasekhaya. Izigidi eziyi-R10 ezongezelelwego zachithwa ekuthengeni iincwadi zezifundo ezishotayo kumaBakala 9 - 12 kwizikolo ezikhethiweyo.

Izikim zokufunda *ii-structured reading schemes* zanikwa izikolo eziziiprayimari eziyi-508. Esi sibonelelo sakhatshwa yinkxaso eklassini. lincwadi zomsebenzi zamaBakala 1 - 6 zabonelelo liSebe leMfundu esiSiseko, laza iSebe iWCED lanika inkxaso ngokuzisa ezikolweni.

Ukongeza apho, ngo-2011/12, iSebe i-WCED lachitha izigidi eziyi-R 4-m kwiincwadi nakwezinye izinto zeelayibrari zezikolo kwizikolo eziziiprayimari ezifundisa ngesiXhosa kuManqanaba eNtlupheko 1, 2 no- 3 kazwelonke laza labeka esweni ezinye iindlela ezinokwenziwa ukuqinisekisa ukuba ezi zibonelelo ziya setyenziswa. Ziyi-378 izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziziisekondari neziyi-1 090 izikolo eziziiprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo ezanikwa iseti yeencwadi ze-HIV/AIDS, ezinexabiso le-R3.5m yezigidi, ukwenzela iilayibrari zazo.

Njengenxalenyen yeprogram yokugaya inkxaso nophuhliso phantsi kwe-Literacy and Numeracy Strategy, iibhilibhodi ezibekwe kwindawo ebubuchule (*strategically-placed billboards*) zazibuza imibuzo ephambili enjengale "Ingaba umntwana wakho ukhe wabhala, wafunda, waprekhtiza i-maths namhlanje?" ISebe iWCED likwahambise iincwadana eziyi-100 000 kubazali babafundi beBakala 1 nezicacisa ukuba bangabaxhasa njani na abantwana babo kunyaka wabo wokuqala esikolweni.

#### *I-Mathematika neFizikhali Sayensi*

IsiCwangciso esitsha iMathematics and Physical Science Strategy saqulunqwa saza saqaliswa ukusetyenziswa ngo-2011. Injongo yile:

1. Ukwandisa amaqondo othatho-nxaxheba kwi-Mathematika neFizikhali Sayensi kwiCandelo le-FET.
2. Ukwandisa amanani abo bapasa iMathematika neFizikhali Sayensi kumaBakala 12.
3. Ukuphucula umgangatho wokupasa kwiBakala 12 ngokumalunga namanqaku ayi-avareji aphuculweyo kunye(okanye amanani aphuculweyo abafundi abafumana iisimboli ezingu-A, B no-C.

Esi sicwangciso sinemingxilo emihlanu : *Izikolo* (zibandakanya ukukhethwa kwakhona kwezikolo zeprogramm yeDinaledi, ukuseka izikolo *ii-incentive schools*" nokuhlela izikolo zonke ngokwamanani obhaliso kwizifundo ukwenzela amaphulo ongenelelo ngoncedo ekujoliswe kuwo nenkxaso yesithili enentsingiselo); iNkxaso noPhuhliso looTitshala (*Teacher Support and Development*) (ibandakanya uqequesho lootitshala nenkxaso, ukubeka esweni okuqhube ka eklassini nokugaya ootitshala nokufakwa kwabo kwezinye izithuba zomsebenzi (*teacher recruitment and deployment*); iZibonelelo neNkxaso (*Resources and Support*) (zibandakanya zonke izibonelelo ezifana nezixhobo, iLTSM, i-ICT nezinto ze-e-learning material nenkxaso); abafundi (kubandakanya inkxaso kubafundi, efana nee-telematics programmes, ii-olympiads, amaphepha emibuzo okuprekhtiza (*practice examination papers*), iingcebiso, izifundo ezongezelelweyo (*extra lessons*), ukufumana ulwazi ngemathematika nesayensi kwezorhwebo nakwihlabathi); nephulo lenkxaso i-Monitoring, Evaluation and Advocacy.

#### *I-Physical Education*

I-Physical Education ibe ngundaba-mlonyeni njengenxalenyen ebalulekileyo ye-CAPS. ISebe iWCED liqalise isicwangciso sokuthatha inxaxheba (*proactive strategy*) ukunceda ootitshala ngokubanika i-Physical Education Manual enengcaciso ebanzi. Le ncwadana ibonisa isicwangciso sezifundo i-40-week lesson plan samaBakala 1 – 9 kunye ne-DVD ebonisa ukuba i-Physical Education inokufundiswa njani na. Le ncwadana yasiwa kuzo zonke izikolo eziziiprayimari nezikolo eziphakamileyo kwiphondo kunyaka-mali ka-2010/11. Kwasekwa iqumrhu leengcali ii-Lead Teachers and Physical Education experts ukwenzela ukucwangcisa ukuqaliswa ngokusesikweni kwe-Physical Education kwiphondo. Bayi-53 aBacebisi ngezeKharityhulam beSigaba seSiseko nootitshala abaziinkokheli abayi-120 beSigaba seSiseko abaqeqeshwayo kwithuba leentsuku ezi-3 ngoMatshi 2012. Kuya kulandelwa inkubo efanayo yokuvuselela iPhysical Education kwisigaba esiphakathi nakwisigaba sabadala ngokwesicwangciso sophunyezo seCAPS (*CAPS implementation strategy*).

### *IProgram yeZikolo eziPhakamileyo*

IProgram yokuPhucula iZikolo zamaBakala aPhakamileyo (*High School Improvement Programme*) ijolise ekwandise ni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhe. I-High School programme yaqala ngo-Januwari kwaye inendlela enomahluko eqhuba ngayo kuzo zonke izikolo eziphakamileyo kwiphondo. Kwizikolo apho kwapasa abafundi abangaphezu kwe-90% ngo-2010 ; zanikwa inkxaso ephakathi negxininisa kwizifundo ezithile zifumene ireyithi yokupasa engu-60% – 89%, ukanti inkxaso enkulu kwisikolo siphela yanika ezo zinabafundi abapase ngaphantsi ko-60%.

NgoJanuwari 2011 nango-2012 kwakhona, iSebe iWCED, libambisene nezikolo ezichaphazelekayo, lacalula iziphumo zesikolo ngasinye, ngokwesifundo nangokwephepha lemibuzo ngalinye. Kwamiselwa izicwangciso, neethagethi ezhambelana nezikolo ngqo, ngokususela kolu cazululo. Kwamiselwa ngesikolo nangesithili ngasinye iithagethi zamanani okupasa abafundi abanokwamkelwa kwizidanga zokuqala (*B-degrees*). Inkxaso eyodwa ibonelelwe kubafundi abasengozini.

Iprogram yokufundisa (*tutoring programme*) iqhutywa ngootitshala abaziingcali apha ngaphakathi kwiSebe iWCED nangaphandle kwalo. Izifundo iitelematics lessons zasarazwa kwizikolo eziyi-147 ngo-2011 yaye inkxaso engamandla yabonelelwa ngaBacebisi ngezeKharityhulam kwezo zikolo zafumana ngaphantsi kwe-avareji yephondo (*provincial average*) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu. Bekukho iimviwo zikaSeptemba kuzo zonke izikolo neziye zaxhaswa ngabasebenzi bezithili. Incwadana yeengcebiso zokufunda nephekhi yamaphepha emibuzo yanika umfundu weBakala 12 ngamnye. Kwasekuqaleni iprogram ka-2012 yandiswa ukuze ifikelele kuwo onke amabakala kwizikolo eziphakamileyo nokuba kugxininiswe kwiseti yekhrayitheriya ezongezelelweyo ngaphezu kwereyithi yokupasa yeBakala 12.

### *Ukucwangcisa*

iSebe iWCED lihubekile ngenjongo yalo ecacisiweyo yokunika inkxaso ebonakalayo kootitshala kwiinkalo eziqatshelwe ngootitshala ngokwabo. Oku kwensiwe ngokuthi kuncitshiswe uxinzelo kootitshala ekwenzeni imisebenzi yezolawulo nokuya qho koomasifundisane neentlanganiso. likhalenda zoCwangciso (*Planning Calendars*), ezipwelise imihla ephambili, enjenge-ngaleyo yokuqala nokuggiba iimviwo, neminye imihla ebekiweyo yezolawulo, yathunyelwa ezikolweni kwakhona ngo-2011 ukunceda izikolo kwangaphambili ekucwangciseni u-2012. Bekukho amabhaso ephondo ootitshala abagqwesileyo, emva kwenkubo ebaluleke gqitha yokhetho. La mabhaso anika ingqwalasela impumelelo yootitshala nokuza kwabo nezinto ezintsha.

### *Unyulo lweeSGBs*

Ngo-2012 kwanyulwa iiSGBs ezintsha. iSebe iWCED laqhube iphulo lokupapasha ukabaluleka kwalo msebenzi yaye lanika izikolo inkxaso eyodwa kulo mba. Iprogram yoqhelaniso nomsebenzi (*programme of induction*) iya kugxininiswa kuqeqesho kupuhhliso lwezicwangciso ii-School Improvement Plans nakulawulo lwezemali.

### *IZikolo eziKhuselekileyo*

Iprogram iSafe Schools Programme inesicwangciso sobuchule esinjongo zintlantlu-ntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: (i) Ukbonelelwa ngendlela zokhuseleko ezingundoqo (*core security mechanisms*), (ii) iiProgram zokuxhasa utshintsho kwindlela yokuziphatha nendlela yokusinga (*behavioural and attitudinal change*) (iii) iiprogram zeesistim zibandakanya iinkqubo zesikolo siphela nokunxibelelana nee-arrhente ezichaphazelakayo ezinokunceda ekwenzeni indawo engqonge isikolo ibe yekhuselekileyo.

iSebe iWCED lihuba i-Safe Schools Call Centre, apho kunokuxelwa khona imiba ngemiba emalunga nolwaphulo-mthetho ezikolweni nobundlobongela nalapho nelikwanika iingcebiso nentuthuzelo kwabo bantu baxhwalekiswe kukothuka kakhulu.

Ukongeza kwiZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*) nenkxaso yokhuseleko lweziseko zophuhliso, iSebe iWCED libonelela ngeeprogram zemfundo ukukhuthaza izinto ezakhayo ezifana nezemidlalo, imisebenzi yobugcisa, idrama nengcaciso ngamakhondo emisebenzi exa elizayo. liprogram zigxininisa kutshintsho olumalunga neendlela zokusinga okanye indlela yokuziphatha, iinkqubo zobuchule nezakhayo ekusombululen iimbambano kwezelawulo noqequesho kulamlo. Abasebenzi bokhuseleko abazii-Safety Fieldworkers baqeshelwe ukunika inkxaso izikolo neekomiti zokhuseleko zezikolo nezicwangciso zokhuseleko; ukumisela inkxaso kunye/okanye iiprogram zokuthintela okungekehli nokuba ngumzekelo omhle onika ithembababacebisi kwizikolo eziyi-109 ezsengozini exhomisa amehlo.

Aba basebenzi abazi-Safety Fieldworkers bayabalandela abafundi abatshungayo baze baphonononge iingxaki zabo. Babanika iingcebiso baze banike inkxaso abafundi abasengozini yaye baqinisekise ukuba abafundi bayafikelela kwiinkonzo abazifunayo. Baquuzelela ii-Safe Schools Youth Clubs njengenxalenye yeprogram yeholide. Le projekthi ijolise ekubetheleleni iindlela zokusinga ezinika ithembababacebisi nokuziphatha ngendlela eyiyo ngokusa abafundi abasengozini kwizitraktsha zemfundo ezifanelekileyo nokuphuhlisa izakhono nokuphumeza iiprojekthi zabahlali zezakhono.

Zingamashumi amahlanu izikolo eztsha ezafumana iziseko zophuhliso zokhuseleko ezingundoqo (iigeyithi ezizivulekelayo (*motorized gates*); iigeyithi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo (*pedestrian monitoring gates*); iisistim ze-alam (*alarm systems*) eziqhagamshelene kwi-armed response; iingcingo ii-barbed wire nee-mesh wire; ii-burglar bars) nezithe zaxhamla kuqequesho lwee-peer mediators. Lingingo kwizikolo ezsengozini zalungiswa; iikhamera iiCCTV cameras zafakwa kwizikolo ezikhethiweyo kwabonelelwa nangokhuseleko ngethuba leeholide apha kuyimfuneko. Kwaqhutywa uqequesho kwi-Occupational Health and Safety and Disaster Management, noqequesho kumgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo zokuvavanyelwa iziyobisi zabonelelwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkqubo zokusetsa nokuhlutha iziyobisi notywala nokubonelelwa ngeditektha ii-hand held metal detectors kwizikolo eziyi-50 ezizezinye ezikhethiweyo. Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo namahlakani kunye namasebe karhulumente nee-NGOs.

Imimiselo emibini emitsha yokomeleza ulawulo nenkxaso ezikolweni yaggityezelwa:

i) *IMimiselo ePhathelele kuLuleko, ukuNqunyanyiswa nokuGxothwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eNtshona Koloni (Regulations Relating to Disciplining, Suspension and Expulsion of Learners at Public Schools in the Western Cape)* yapapashwa nge-15 Disemba 2011. Le mimiselo ibonelela, phakathi kwezinye izinto, uphando ngokuziphatha kakubi kakhulu komfundti okunokwenzeka, ukuziphatha kakubi kakhulu, ukunqunyanyiswa komfundti, isaziso esiya kumfundti nomzali seengxoxo zoluleko (*disciplinary hearing*), ukutyunjwa nokwakhiwa kwekomiti yoluleko, iingxoxo zoluleko (*disciplinary hearing*), iingcebiso ngokugxothwa komfundti ezenziwa libhunga lolawulo, ukufaka isibheno nokufikelela kwezemfundo. Le mimiselo yaphunyezwu ukususela nge-2 Apreli 2012.

ii) *ISikhokelo sokuSetsha nokuHlutha ngeQubuliso, ukuVavanyelwa uTywala neZiyobisi eziNgekho Mthethweni kwiZikolo zikaRhulumente (The Guidelines for Random Search and Seizure and Alcoholic Liquor and Illegal Drug Testing at Public Schools)* sathunyelwa ezikolweni ngeSetyhula 24 ka-2011 yomhla we-3 Oktobha 2011. Umgapro-nkqubo oyi-pro forma policy wezikolo wabandakanya neenkucukacha zoqhagamshelwano zeZiko leeFoni i-Safe Schools call centre, nengcaciso ngokubanzi ekufuneka ifumanek ngokukhawuleza xa kuqhagamshelwana neZikolo eZikhuselekileyo.

Njengenxalenyen yenqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokuthintela indlela yokuziphatha engeyiyo, nokubonelela ngamathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Cultural Affairs and Sport (DCAS)*) liqalise amaziko azii-Sport MOD centres (*Mass participation, access to Opportunity and Development*) kwizikolo eziyi-180 kwizithili zemfundo ngokubanzi. Amaziko ayi-98 kula asekwa kwizikolo eziziiprayimari ngo-2011. Iprogram ziqhutywa emva kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhtiza imidlalo nezinye izinto zokupuhhlisa izakhono zabo. Zombini iiprogram, eye-Safe Schools neye-School Enrichment zeSebe iWCED ziyaqhagamashelana namaziko azii-MOD centres. Izikolo ezimeleneyo ezingeyiyo inxalenye yeprogram nazo zivumelekile ukujoyina la maziko.

#### Iziseko zophuhliso

Isicwangciso seziseko zophuhliso seSebe iWCED kwi-Medium Term Expenditure Framework (MTEF) ukususela ngo-2010 – 2013 saqaphela ezi nkalo zophuhliso zilandelayo:

- Ukungasetyenziswa kweeklasi kwizikolo ezikhoyo
- Ukwakha iiklasi ezintsha kwizikolo ezikhoyo ukuphelisa ingxinano
- Ukwakha izikolo ezitsha, kubandakanywa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ukuphelisa uxinzelelo kwindawo yokufundela (*accomodation pressures*)
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye iiklasi ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga
- Ulondolozo nolungiso lwezakhiwo
- Ukubonelelwa ngeeklasi zeBakala R
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweehostele

Ukongeza, ukubonelelwa nokusetyenziswa kweeklasi eziziimobhayili kusoloko kuyimfuneko ukwenzela ukubonelela ngendawo yokufundela kwiimeko zeemfuno ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga.

Ke ngoko isicwangciso seMTEF sacebisa oku:

	Ezitsha	Ezitshintshwayo	Itotali
Inani lezikolo	26	23	49
Inani leeklasi	768	583	1 351

Iziseko zophuhliso ezacwangciselwa ukwakhiwa ngo- 2010/11 zidweliswe apha ngezantsi, kunye namanani kanye kanye ezo ziza kwakhiwa.

Udidi	Ezithagethiweyo	Inani kanye lezikolo
Izikolo ezitsha	13	12 (+3 Izikolo eziziimobhayili)
Izikolo ezitshintshwayo	9	8
liklasi zeBakala R	35	68
liklasi zokuphungulela ( <i>Relief Classrooms</i> )	Akukho thagethi zimiselweyo	14
Ukwandiswa kweeklasi		44
liklasi eziziimobhayili		59

Nangona kukho le program yokwakha ecaciswe apha ngentla, ukwanda okuqhubeka okokoko kwamanani abafundi kubeka uxinzelelo kwinkqubo yezemfundu. Ngo-2011, bayi-50 992 abafundi abathuthwayo ukuya nokubuya esikolweni yonke imihla – bande ngaphezu kwe-2000 kwi-48 796 eyayithuthwa ngo-2010.

### Iprogram 3: linkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo

#### Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996

#### Le program yeZikolo eziZimeleyo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo

*Isigaba sasePrayimari*

- ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ezifundisa amaBakala 1-7

*Isigaba saseSekondari*

- ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ezifundisa amaBakala 8 -12

#### Injongo ecwangciswe ngobuchule

<b>Injongo ecwangciswe ngobuchule 3.1</b>	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nomthetho ochaphazelekayo ukwenzela ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo
---	--

#### Ukuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo yeeProgram ngo-2011/12

#### Imimiselo emalunga nobhaliso nenkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo

UMphathiswa weMfundu kwiPhondo leNtshona Koloni, ngokungqinelana neSiqendu 46 no-48 zoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), ofakelwe izilungiso, upapashe imimiselo ehlaziyiweyo emisela ou kulandelayo:

Imimselo imisela oku kulandelayo:

1. limfuno nemiqathango yobhaliso
2. linkqubo zobhaliso
3. Izatifikethi zobhaliso
4. Imvume enikwa abafundi yokubhalisela nokuhlalela iimviwo
5. Ukubeka esweni nokwazi ukufikelela kwizikolo ezizimeleyo
6. linkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo
7. Ukurhoxiswa kobhaliso nokuvalwa kwezikolo ezizimeleyo
8. Izibheno ezenziwa kuMphathiswa wePhondo

Imimiselo yapapashwa nge-6 Disemba 2011 yaze yathunyelwa kwizikolo ezizimeleyo nakubathathi-nxaxheba.

Isicwangciso esibanzi sokunika inkxaso (*a comprehensive advocacy plan*) sele siqaliwi ukulungiselela u-2012 ukuqinisekisa utshintsho olungenamagingxi-gingxi- ukusuka kwimimiselo emidala ukuya kwemitsha. Le nkxaso iya kugxininisa kwizinto ezintathu: (1) ukukhuthaza ubhaliso IweZikolo ezizimeleyo ezingabhaliswanga; (2) ukuqinisekisa abo baza kuba ngabanini bezikolo ezizimeleyo bayazibhalisa izikolo eztsha phambi kwe-30 Juni kunyaka ngamnye ukulungiselela unyaka ozayo; kunye (3) nokuqinisekisa ukungqinelana nemigaqo yeziqendu 46 no-48 zoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika kwakunye nemimiselo yeSebe iWCED.

Isikhokelo seSebe iWCED: “*Amalungelo neMisebenzi eluxanduva IweZikolo eziZimeleyo (Rights and responsibilities of Independent Schools)*” kwakunye noluhlu lokutshekisha i-Management Checklist, zathunyelwa kwizikolo ezizimeleyo eNtshona Koloni. Ifom yesicelo sokubhalisa izikolo ezizimeleyo njengangoku ingqinelaniswe nesikhokelo.

#### Injongo eziCwangciswe ngobuchule nezalathi-nkqubela

**Imilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram (Imilinganiselo kaZwelonke)**

- PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo

ST301	Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo –Imiba ephambili	2009/10 Eyiyo kanye kanye	2010/11 Eyiyo kanye kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyiyo kanye kanye
<b>lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)</b>					
3.1 Isigaba sePrayimari	22,610	24,015	28,563	28,563	
3.2 Isigaba seSekondari	32,912	35,681	35,625	34,991	
<b>Itotali</b>	<b>55,522</b>	<b>59,696</b>	<b>64,188</b>	<b>63,554</b>	
<b>lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)</b>					
lintlawulo zalo nyaka-mali	0	0	0	0	
Imbuyiselo yabasebenzi	0	0	0	0	
limpahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	0	0	0	0	
Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	55,522	59,696	64,188	63,554	
lintlawulo zee-capital assets	0	0	0	0	
<b>Itotali</b>	<b>55,522</b>	<b>59,696</b>	<b>64,188</b>	<b>63,554</b>	
<b>linkcukacha-manani zentsebenzo</b>					
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>					
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	-	-	-	-	
<b>Amanani obhaliso</b>					
<b>Abafundi kwizikolo ezizimeleyo abafumana inkxaso-mali</b>	<b>17 928</b>	<b>16 625</b>	<b>15 000</b>	<b>17 330</b>	
- Isigaba sasePrayimari	11 657	10 844	10 000	11 357	
- Isigaba saseSekondari	6 271	5 781	5 000	5 973	
<b>Abafundi abangafumanu nkxaso kwiZikolo eziZimeleyo</b>	<b>9 096</b>	<b>19 515</b>	<b>15 000</b>	<b>22 768</b>	
- AmaBakala 1-7	6 218	10 721	10 000	12 106	
- AmaBakala 8-12	2 878	8 794	5 000	10 662	
<b>Itotali (bonke abafundi bezikolo ezizimeleyo)</b>	<b>27 024</b>	<b>36 140*</b>	<b>30 000</b>	<b>40 098</b>	

ST301	Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo –lmiba ephambili	2009/10 Eyiyo kanye kanye	2010/11 Eyiyo kanye kanye	2011/11 Ithagethi	2011/12 Eyiyo kanye kanye
<b>Amaziko</b>					
Izikolo ezifumana inkxaso-mali (a)		106	97	104	99
3.1 Isigaba sePrayimari		80	40	83	82
3.2 Isigaba seSekondari		26	57	21	17
Izikolo ezingayfumaniyo inkxaso-mali		125	115	120	97
<b>Itotali</b>		<b>231</b>	<b>212</b>	<b>224</b>	<b>196</b>
Izikolo ezifumana inkxaso-mali ezityelwayo apha enyakenbi ukulungiselela iinjongo zokubeka esweni (b)		106	97	104	99
► Umlinganiselo wentsebenzo kwiiProgram*					
► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo		17 928	16 625	15 000	17 330
<b>Makuqatshelwe:</b>					
* Umahluko kwidatha yomfundu ngumba wepatheni engathembekanga yokungeniswa kweeseti zedatha zizikolo ezizimeleyo kwixa elidlulileyo.					
Zonke izikolo eziyi=99 ezifumana inkxaso-mali zatyelelw apha enyakeni ukulungiselela iinjongo zokubeka esweni. Inani elipheleleleyo lezikolo ezinikwa inkxaso-mali lingaphantsi kwelo liqikelelweyo					
* Inkcazo yomahluko phakathi kweethagethi nezona kanye inikwe kule theyibhilie ingezantsi.					

**Imilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram, iiNJongo eziCwangciswe ngoBuchule, neZalathi-nkqubela : lingxoxo ngoMahluko**

► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo

Eyandlalelayo (actual output 2010/11) : 16 625

Ithagethi: 15 000

Eyiyo kanye: 17 330

lingxoxo: Amanani obhaliso andile kwizikolo eziziiprayimari nezikolo eziphakamileyo.

## Inkazo

### Amanani obhaliso

Ukungeniswa kweeSaveyi i-SNAP *ne-Annual Surveys* zizikolo ezizimeleyo kwiSebe iWCED kuye kumana kutshintsha-tshintsha. Iprogram yokutyelela izikolo ezizimeleyo ka-2010 yakhokelela ekwandenya ngamandla kweengxelo ze-SNAP Survey ngo-2010 yaye zonke izikolo eziyi-185 zangenisa iimpendulo zazo ngo-2012.

Bekukho abafundi bezikolo eziziiprayimari abayi-11 357 nabayi-5 973 bezikolo eziphakamileyo ababhalise kwizikolo ezizimeleyo ngo-2011/12, ukwanda ngabafundi abayi-705 bebonke. Bekukho abafundi abongezelweyo abayi-3 253 ababhaliswe kwizikolo ezizimeleyo ezinganikwa nkxaso-mali. Ukwanda kule meko yamva mhlawumbi kubangelwe yidatha ebhetele nokwandiswa kwecandelo.

### INkxaso eNikiweyo

Kwatyelawa iZikolo eziZimeleyo eziyi-127 ukuzibonelela ngenkxaso kulawulo, kwikharityhulam nasekuphathweni kweziko. ISebe iWCED likwaqhube uphando ngezikhalazo ezifana nokuqhuba kakubi kwizifundo, ulawulo olukumgangatho ophantsi, ififi zesikolo nokuqhuba kwesikolo njengeziko elingabhaliswanga. Ukuphicothwa kweencwadi zemali zezikolo ezingaqhubi kakuhle kube ngunozala wokukhutshwa *kweSimon Este School* kwiincwadi zobhaliso. Esi sigqibo nakuba kunjalo, sakhatya yiNkundla ePhakamileyo yaseKapa (*Cape Town High Court*) ngoFebruwari 2012 ngenxa yezitenxo kwiinkqubo (*procedural irregularities*).

Imodeli yenkxaso yezikolo, iMimiselo neMigangatho yenkxaso-mali, ithagetha ezona zikolo zihlelekileyo. Inkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo ihlawulwa ngamanqanaba ka- 60%, 40%, 25%, 15% okanye 0% enkcitho yephondo eqikelelwego kubafundi (*provincial per capita expenditure for learners (PAEPL)*) kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. I-PAEPL ka-2011/12 yayiyi-R9 459 (kudidi lwezikolo eziziiprayimari) ne-R10 620 (kudidi lwezikolo eziziisekondari) ngokulandeletanayo.

ISebe iWCED lihlawule iinkxaso-mali kwizikolo eziyi-99, ebandakanye izicelo ezitsha. Zibini izicelo ezitsha zobhaliso ezaphunyezwayo ngo-2011.

Ikomiti yeemonitha zokuqinisekisa umgangatho zahambela izikolo eziyi-123 ngoMatshi 2012 zaza zangqinisisa ngokubanzu ukungqinelana okwanelisayo ngokubhekiselele koku:

- Ukungqinelana neeSaveyi (*Survey compliance*) - Annual School Survey (ASS) ne-Snap Survey (SS)
- Ukvunywa (*accreditation*) ngu-Umalusi
- Ukungqinelana nezemali (*Financial compliance*) –inkxaso-mali nokufumaneka kweengxelo zokuphicothwa kweencwadi
- Ukwanela nokuba nezibonelelo ngokufanelekileyo kwamagumbi okufundisela
- Ukufundiswa kwekharityhulam
- UKwanela nokuChaneka kwe-LTSM
- Ubhaliso kwiSACE
- Ukbakho kwabasebenzi emsebenzini
- li-Performance Management Systems

- IProgram yoPhuhliso lwaBasebenzi
- Ucazululo lweziphumo zeemvavanyo zeWCED zenkuqbo yezemfundo zamaBakala 3, 6 no- 9 zango-2011

### IZiphumo zeeMvavanyo

Iziphumo zezikolo ezizimeleyo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2011 zezi zilandelayo:

Iziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zeWCED ngo-2011						
	Ababhalayo ngo-2010	Abapasayo ngo-2010	Ababhalisa kwisi-Danga sokuQala ngo-2010	Ababhalayo ngo-2010	Abapasayo ngo-2011	Ababhalisa kwSiDanga sokuQala ngo-2011
Izikolo ezizimeleyo	2 622	2 372 90.5%	1479 56.4%	2 654	2 446 92.2%	1 573 59.3%

Iqela elandayo lezikolo ezizimeleyo lathatha inxaxheba kwiimvavanyo zokuchonga ingxaki zeSebe iWCED ngo-2011 yaye kulindeleke ukuba zithathe inxaxheba ngokoMmiselo 8 (b) kwiMimiselo ePhathelele kuBhaliso lweZikolo eziZimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (Kungabandakanywanga iZikolo eziziiPrayimari eziZimeleyo) (*Regulations Relating to the Registration of and Subsidies to Independent Schools (Excluding Pre-Primary Schools)*), isikolo esizimeleyo siya kufaneleka ukuba siqwalaselelw inkxaso-mali ukuba sithatha inxaxheba kwi-Annual National Assessments (ANAs) kunye(okanye kuvavanyo lwesebe lokuchonga ingxaki (*department's diagnostic testing*).

Ukuthatha inxaxheba nokubhala iiMvavanyo zenkqubo yemfundo yeSebe iWCED ngo-2010 nango- 2011 kumi ngolu hlobo lulandelayo:

Iziphumo zeNkqubo yeMfundu kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2011												
Iziphumo zeZikolo eziZimeleyo												
IBakala	Ulwazi lokuFunda nokuBhala /Ulwimi						Ulwazi lokuBala/iMathematika					
	Izikolo		Abafundi		Abapasileyo		Izikolo		Abafundi		Abapasileyo	
	2010	2011	2010	2011	2010	2011	2010	2011	2010	2011	2010	2011
IBakala 3	Zange zavava-nywa	54	Zange bavava-nywa	1 721	Zange bavava-nywa	1 241 (72%)	Zange zavava-nywa	54	Zange zavava-nywa	1 722	Zange zavava-nywa	1 386 (80%)
IBakala 6	29	47	937	1 435	832 (89%)	1 161 (81%)	29	47	939	1 433	729 (78%)	1 017 (71%)
IBakala 9	22	32	1 135	1 331	591 (52%)	1 161 (87%)	22	32	1 139	1 327	1 016 (89%)	617 (46%)

### Upuhliso lootitshala:

Ootitshala kwizikolo ezizimeleyo bayo koomasifundisane bekharityhulam abohlukaneyo nabaququzelelw zii-ofisi zezithili zemfundo. Izikolo ezizimeleyo zaqequesha kwi-CEMIS kwaza kwamiselwa isixhobo sokulawula idatha ukulandelela ukutyelelw kwezikolo neengxelo ezifunyenwego. Uthatho-nxaxheba kwiCEMIS yenze yeemfuno zobhaliso lwezikolo ezizimeleyo kwiphondo.

### Intsebenziswano

lintlanganiso ezimbini zabanjwa ne-National Alliance of Independent School Associations (NAISA) kunye ne-Independent Schools' Association of South Africa (ISASA) ngo-2011 apho kwaxoxwa ngemiba ezichaphazelza ngokufanayo yaye kwagxininiswa kwintsebenziswano.

#### Iprogram 4: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente ezineemfuno eziZodwa

**Injongo:** Ukubonelela ngemfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996, ne-*White Paper 6 on Special Needs' Education: Building an Inclusive Education and Training System*

**Iprogram yeMfundo yeZikolo ezineemfuno eziZodwa zikaRhulumente iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:**

##### *Izikolo*

- ukubonelela izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente ngezibonelelo *linkonzo zokufundisa*
- ukunika inkxaso izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa *Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi*
- ukubonelela ngoqeqesho nolunye uphuhliso lootitshala nabangezo titshala kwizikolo ezineemfuno ezizodwa

#### **Injongo eCwangciswe ngoBuchule**

<b>Injongo ecwangciswe ngobuchule 4.1</b>	Ukwandisa ngokupheleleyo ukufunda ngempumelelo nothatho-nxaxheba lwabo bonke abafundi kwizinto eziqhube ka kwezi zikolo nakwikarityhulam yamaziko emfundo nokunciphisa izithintelo ekufundeni ( <i>Education White Paper 6</i> )
---	--

#### **Ukuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo yeeProgram ngo-2011/12**

Ngowe-1 Apreli 2010 uMthetho i-*Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, waqalisa ukusebenza. NgokweSiqendu 196 (3) soMthetho i-*Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, ezo zikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundo lephondo njengangoku ziluxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*), kwithuba leminyaka emibini yokuqalisa kwesahluko esifanalekileyo kulo Mthetho. Umsebenzi uya kudluliselwa kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*) ukususela ngoJanuvari 2013.

#### **Injongo eziCwangciswe ngobuchule nezalathi–nkqubela**

<b>Imilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram (Imilinganiselo kaZwelonke)</b>
PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo ezineemfuno ezizodwa zikarhulumente
PPM402: Inani lootitshala kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

ST401	Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa – Imiba ephambili	2009/10 Eyiyo kanye kanye	2010/11 Eyiyo kanye kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyiyo kanye kanye
<b>lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*</b>					
4.1 Izikolo	605,280	695,013	756,751	756,751	756,751
4.2 linkonzo zokufundisa	0	-3	0	0	0
4.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	0	0	0	0	0
4.4 ligranti ephuma ngokwemiqathango ethile	29,324	32,636	34,590	34,590	34,590
<b>Itotali</b>	<b>634,604</b>	<b>727,646</b>	<b>791,341</b>	<b>791,341</b>	<b>791,341</b>
<b>lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*</b>					
lintlawulo zalo nyaka-mali	491,033	557,233	622,495	622,495	622,495
Imbuyiselo yabasebenzi	484,440	551,270	607,313	607,313	607,313
Ootitshala	389,140	449,427	495,932	495,932	495,932
Abasebenzi abangezotitshala	95,300	101,843	111,381	111,381	111,381
limpahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	6,593	5,963	15,182	15,182	15,182
Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	114,247	128,680	129,463	129,463	129,463
lintlawulo zee-capital assets	29,324	41,733	39,383	39,383	39,383
<b>Itotali</b>	<b>634,604</b>	<b>727,646</b>	<b>791,341</b>	<b>791,341</b>	<b>791,341</b>
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>					
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	1 746	1 768	1 750	1 829	
Inani labasebenzi abangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	984	958	980	973	
<b>Amanani obhaliso</b>					
Ukuya kufikelela kwiBakala 7	8 522	9 411	9 500	8 958	
IBakala 8 nangaphezulu	9 444	8 881	8 900	9 920	
<b>Amaziko neziseko zophuhliso</b>					
Izikolo	74	72	74	74	74

ST401	Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa – Imiba ephambili	2009/10 <i>Eyiyo kanye kanye</i>	2010/11 <i>Eyiyo kanye kanye</i>	2011/12 <i>Ithagethi</i>	2011/12 <i>Eyiyo kanye kanye</i>
<b>► Imilinganiselo yentsebenzo yeprogram *</b>					
► PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo ezineemfuno ezizodwa zikarhulumente	17 966	18 292	18 400	18 878	
► PPM402: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa eziqhelekileyo	1 746	1 768	1 750	1 829	
► PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	984	958	945	973	
<b>► Izalathi-nkqubela zeNtsebenzo yeProgram*</b>					
PPI 4.1. Amaziko eZibonelelo	8	17	12	20	
* Inkazo yomahluko phakathi kweethagethi nezona kanye inikwe kule theyibhilie ingezantsi.					

**Imilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram, iiNJongo eziCwangciswe ngoBuchule, neZalathi-nkqubela : lingxoxo ngoMahluko**

► PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo ezineemfuno ezizodwa zikarhulumente

Eyandlalelayo (actual output 2010/11) : 18 292

Ithagethi: 18 400

Eyiyo kanye: 18 878

Ingcaciso: Ukwanda kwamanani abafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kusisiphumo sokukhula kokwanda kwezikolo zezakhono ezikhoyo kwithuba leminyaka emine kukho izikolo zezakhono, ukuvulwa kwezikolo zezakhono ezongezelelweyo nokusekwa kweeyunithi ezi-5 ezongezelelweyo ze-*Autism Spectrum Disorders (ASD)* kwizikolo ezikhethiweyo zemfundo eneemfuno ezizodwa.

► PPM402: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa eziqhelekileyo

Eyandlalelayo (actual output 2010/11) : 1 768

Ithagethi: 1750

Eyiyo kanye: 1 829

Ingcaciso: Izithuba zabelwa amaziko konyaka ongaphambili kodwa iimfuno zekharityhulam, ukwanda kwamanani abafundi nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kube nefuthe kumanani angawo kanye. Umahluko unokubangelwa kukulahla kwabasebenzi emsebenzini (*resignations*), ukupheliswa kweekhontrakthi, ukuqeshwa kwabasebenzi, ukunyuselwa kwabasebenzi nokutshintshwa kwabo (*transfers*).

► PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

Eyandlalelayo (actual output 2010/11): 958

Ithagethi: 945

Eyiyo kanye 973

Ingcaciso: Izithuba zabelwa amaziko konyaka ongaphambili kodwa iimfuno zekharityhulam, ukwanda kumanani abafundi nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kube nefuthe kumanani angawo kanye. Umahluko unokubangelwa kukulahla kwabasebenzi emsebenzini (*resignations*), ukupheliswa kweekhontrakthi, ukuqeshwa kwabasebenzi, ukunyuselwa kwabasebenzi nokutshintshwa kwabo (*transfers*).

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram

PPI 4.1. Amaziko eZibonelelo

Eyandlalelayo (actual output 2010/11): 17

Ithagethi: 12

Eyiyo kanye 20

Ingcaciso: Ithagethi yayimiselwe kwangaphambi kokuphela konyaka-mali wangaphambili. Ekupheleni konyaka-mali ka-2010/2011, bekukho iZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa eziyi-17/Amaziko eZibonelelo (*Resource Centres*) (16 amaziko azii-*Resource Centres* neziko elinye lephondo). AmaZiko eZibonelelo amathathu amatsha awongezelelweyo e- 1) *Mary Harding* (eliziko lokulinga lekomiti i-pilot multi-disciplinary therapeutic team yabantwana abakhubazekileyo ngokwasengondweni ngokumandla, 2) i-Jan Kriel School ne-3) Tafelberg Schools. Ezi zibini zokugqibela zixhasa izikolo ezipakamileyo. Oku kuba nesiphumo esingu-20 ewonke.

Ingcaciso

**Amanani obhaliso**

ISebe njengangoku linezikolo eziyi-74 ekuzizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezinabafundi abayi-18 878 ekungabafundi abaneemfuno ezizodwa nekungabafundi abayi-586 ngaphezulu kunonyaka-mali ongaphambili. Njengangoku bayi-6 143 abafundi ababhalise kwizikolo zezakhono babe yi-614 abafundi kwiiyunithi zezakhono kwizikolo ezineemfuno ezizodwa. Izikolo zezakhono ziyyinxaleny yeSigaba saBadala seGET (AmaBakala 7– 9). ISebe iWCED liya komeleza inkxaso kubafundi abakwizikolo ezifundisa bonke abafundi (*mainstream schooling*) ngo-2012 nakwithuba elizayo.

Ukwanda kwamanani abafundi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kusisiphumo sokukhula kokwanda kwezikolo zezakhono ezikhoyo kwithuba lemnyaka emine kukho izikolo zezakhono, ukuvulwa kwezikolo zezakhono ezongezelelweyo nokusekwa kweeyunithi ezi-5 ezongezelelweyo ze-*Autism Spectrum Disorders* (ASD) kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezikhethiweyo. Iiyunithi ze-ASD zise-Glenbridge School (2 iklasi), eLigstraal School (1 iklasi) nase-Cheré Botha (1 iklasi). Ikomiti yephondo enika uncedo kwi-*Autism Spectrum Disorders* (ASD), ese-Vera School enabafundi abane-ASD, incedisa ekumiseleni iiyunithi, ukuhlolwa kwabafundi (*screening of learners*), ukuxhotyiswa kootitshala ngezakhono, ibeka esweni ukuphunyeza kwezicwangciso zongenelelo ngoncedo ezithile nokubonelela ngenkxaso xa kuyimfuneko.

I-Bishops School of Skills yavulwa ngo-Apreli 2011. Ukwahlulwa kweKlein Karoo School e-Oudtshoorn ibe yi-Klein Karoo School yabafundi abanezithintelo ezimandla ngokwasengqondweni (*intellectual barriers to learning*) ne-Oudtshoorn School of Skills sabafundi abanezithintelo ezingagqithisanga (*mild intellectual barriers*) ekufundeni zaqalisa ukususela nge-1 Januwari 2012. Ngokuvulwa kwe-Bishops School of Skills, izikolo zezakhono eziyi-18 neeyunithi eziy-5 zoqequeso kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zisekw eNtshona Koloni.

### INkxaso eNikiwego

Ukuhlanganiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi nokusekwa kwezitraksha zenkxaso kuhlala kuyinto ephambili kwiSebe iWCED ukwenzela ukuba kuqinisekiswe ufikelelo olukhulu kwimfundo ngabo bonke abafundi abanezithintelo ekufundeni kubandakanywa nabafundi abakwizikolo ezifundisa bonke abafundi kwizikolo ngokubanzi (*learners in the mainstream*).

ISebe iWCED liqinisekisa ngokubonelela okukhulu ngamathuba okufunda kubo bonke abafundi abanezithintelo ekufundeni nophuhliso ngezinto ezininzi abanokuzenza apha ngaphakathi kwizikolo ezineemfuno ezizodwa zemfundo nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. Kwezinye iimeko iimfuno zemfundo zomfundi onengxaki yezithintelo ekufundeni nasekukhulen ikwakhe kunokuhlangabewana ngcono nazo ngokubonelela ngenkxaso eyongezelelweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokungqinelana nokwandiswa kwemfundo ngakumbi nokuqaliswa ngokusesikweni kweMfundu eBandakanya bonke abafundi (*Inclusive Education*.) Inani elikhulu labafundi abaneemfuno ezisezantsi ukuya kwezipakathi bafumana inkxaso kungokunje kwizikolo zikarhulumente neZikolo ezenza zonke iiNkonzo zokufundisa (*Full Service/ Inclusive Schools*). Injongo yeSebe iWCED kukuba ibe ngabafundi abaneemfuno ezizodwa ezingamandla ekufuneka belungiselelwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa.

Isicwangciso seSebe iWCED i-**ten-point WCED plan** senkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa savunyuwa ngo-2011 yaye oko kwalandelwa sisigaba sokuqala sophunyezo. lingongoma eziphambili zezi:

- i. Uqequeso olongezelelalo lwabasebenzi
- ii. Uqinisekiso lomgangatho wezikolo
- iii. Ukufumana amathuba okwazi ngeemodeli ezigqwesileyo
- iv. Ukubonelelwa kweendawo ezongezelelweyo kwiZikolo ezineelMfuno ezizodwa ezinemfuno yenkxaso engamandla
- v. Ukuqulunqwa kweeprgram zemfundo ezifanelekileyo
- vi. Inkxaso kubafundi abangangasekho sikolweni (*out-of-school learners*) abanezithintelo ekufundeni
- vii. Ukubethelela ubuhlakani phakathi kwamacandelo asebenzisanayo
- viii. Ukulawula igalelo labazali nemibutho yabahlali
- ix. Ukuqulunqwa kweeprgram zemfundo ezifanelekileyo
- x. Ikomiti ii-specialist teams ziya kubonelela ngeeprgram zemfundo ezifanelekileyo nenkxaso kubafundi abanengxaki yezithintelo ekufundeni nabakwizikolo ezifundisa bonke abafundi.

ISebe iWCED limisele izitraktsha zokuququzelela ukuqaliswa ngokusesikweni kwesi sicwangciso siyi-*ten-point plan* *ngokwenza oku kulandelayo*:

- iiKomiti zenkxaso ezikwizithili zemfundo
- ukomeleza izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezikhethiweyo ukuba zibe ngamaziko angoovimba;
- ukusekwa kweeyunithi ii-*ELSEN-units/Resource Classes* kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezitshintshwe zaba zizikolo ii-*Full-Service/Inclusive Schools*; kunye
- nophuhliso lweekomiti ii-*Institutional Level Support Teams*.

Amaziko angoovimba awongezelelwego achazwa njengala-*Tafelberg School, Jan Kriel School ne-Mary Harding School* yaye kukho malunga nezikolo eziyi-20 kungokunje zeemfuno ezizodwa ezisebenza njangamaziko angoovimba. La maziko abonelela ngenkxaso kubafundi abanezithintelo ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ii-*full service schools/ inclusive schools*.

Ukuhlolwa komgangatho wemfundo yaBafundi abaNgevayo eNtshona Koloni (*Deaf in the Western Cape*) kwaggitywa ngo-2012 yaye iingcebiso ngokujongisisa kwakhona imigaqo-nkqubo; iinguqu kwikharityhulam; ukuhlolwa kwasekuqaleni, ukuqatshelwa (*identification*), uvavanyo (*assessment*) nenkxaso; ezabasebenzi; ukubonelelwa kwethekhnoloji efanelekileyo nezihobo ezincedisayo (*appropriate technology and assistive devices*); iziseko zophuhliso zezakhiwo (*physical infrastructure*) nezothutho, sele ziwalaselwe.

### **Iziphumo zeeMvavanyo**

Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa azikabandakanywa kwiiprogram zovavanyo lwezikolo eziziiprayimari ukuza kuthui ga ngoku. Ngo-2011 bekukho abaviwa abayi-120 bezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezithandathu ezabhalo iiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Izikolo ezine zafumana ireyithi yokupasa engu-100% nesinye esafumana ireyithi yokupasa engu- 87%. Yi-23% yabo bapasileyo abanokungenela izifundo zesiDanga sokuQala (*Bachelor's Degree*). U-Louzanne Coetzee, wasePioneer School, wahlonitshwa njengomviwa ophumelele emagqabini wesikolo esineemfuno ezizodwa kuzwelonke. Wafumana iiNkwenkwezi ezi-6 (*6 Distinctions*), kuquka no- 97% kwi-History.

### **Uphuhliso lootitshala**

Uqequesho Iwango-2011 kubandakanywa uqequesho kwimodeli ehlaziywego yenkxaso yeekomiti ezenza igalelo kwezemfundo (*inclusive education outreach teams*) kumaziko azii-Special School Resource Centres, kubandakanywa neesayikhoholjisti zezikolo, iitherapisti, nootitshala bemfundo eneemfuno ezizodwa. Abasebenzi abanika iNkxaso kwiZithili (*District Specialised Education Support staff*) baqequesha kwimodeli yenkxaso ehlaziywego (*revised support model*). Bekukwakho noqequesho ngemiba yeeMfundu eneeMfundu ezizodwa (*Special Educational Needs' aspects*) kwiinqununu nakootitshala beZikolo zeMfundu eneeMfundu ezizodwa. Apha bekugxininiwa kwizikolo zabangevayo nakwinkxaso kubantwnaa abengxaki enkulu yokukhubaze ka ngokwasengqondweni (*children with profound intellectual disabilities*) nakwabo bane-autism spectrum disorder.

### **Enye inkxaso enikiwego**

I-Western Cape Forum for the Intellectually Disabled yafaka isicelo malunga nabantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni (*severely and profoundly intellectually disabled children*) kwiNkundla ePhakamileyo noRhulumente kaZwelonke kunye noRhulumente waseNtshona Koloni ngokunjalo njengabamangalelw kaityala lembambano (*respondents*). Isicelo eso saphelela ekubeni kuwiswe isigwebo nomylelo yiNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni nge-11 Novemba 2010. Umyalelo wayalela abamangalelw bobabini ukuba bathathe amanyathelo afanelekileyo nathathela ingqalelo amalungelo abantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni eNtshona Koloni ngokumalunga nemfundu esisiseko (*basic education*); ukhuseleko ekubeni bangakhathalelw okanye bajongelwe phantsi; ukuphathwa ngokulinganayo nokunikwa isidima somntu ngokufanelekileyo.

Umyalalelo wenkundla ubenesiphumo samaphulo entsebenziswano phakathi kwamasebe karhulumente. ISebe iWCED liseke iProvincial Outreach Team for Profound Intellectually Disabled ese Mary Harding School ngo Novemba 2011.

Umsebenzi wale komiti kukumisela uhlobo nenqanaba lenkxaso efunwa kwiziko ngalinye kumaziko alishumi (10) akhethwe njengamaziko azii-Special Care Centres; ukuvavanya amabanga emfundo abanonopheli nokwanelo kononophelo olubonelelwa kwii-Special Care Centres; ukubonelela ngoqequesho nenkxaso kubasebenzi be-Special Care Centre; ukuvavanya ukufumaneka, imeko nemfuno yezixhobo ezincedisayo nokucebisa ngemodeli efanelekileyo nefikelelekayo yononophelo ekumelwe lubonelelwe.

I-National Association for the Blind yanikwa ithenda yokuqwalasela ukuveliswa kweBreyili (*an audit into Braille production*) nombhalo omkhulu oyi-enlarged print ezikolweni nakumaziko abangaboniyo. ENtshona Koloni i-Athlone School for the Blind, Pioneer School ne Pioneer Printers zaye zabandakanywa nazo yaye iziphumo zingeniswe kwiSebe leMfundu esiSiseko.

## **IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo**

### **Injongo:**

Ukubonelela ngemfundo yeFET kwiikholeji zeFET zikarhulumente ngokungqinelanayo noMthetho i-Further Education and Training Act (2006)

### **Iprogram yeFET yenziwa zezi program zisekelayo zilandelayo:**

#### *Amaziko karhulumente*

- Ukubonelela iikholeji zeFET zikarhulumente ezithile ngezibonelelo zoncedo (*resources*)  
*linkonzo zokufundisa*
- ukunika inkxaso iikholeji zeFET zikarhulumente  
*Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi*
- ukubonelela ngophuhliso loqequeso lootitshala nabangezotitshala kwiikholeji zeFET zikarhulumente

### **Injongo ecwangciswe ngobuchule**

<b>Injongo ecwangciswe ngobuchule 5.1</b>	Ukuqinisekisa ungginelwano lwezicwangciso zeziko neeprogram ukwenzela ukuba kwensiwa iiprogram ezifanelekileyo, eziphendulayo ekuphumezeni iimfuno zoosomashishini bengingqi, imizimveliso yengingqi, zabahlali nabafundi kwanokulondoloza indawo ekhuthaza ukwensiwa kweeprogram zethiyorzepraktikhali ezidibeneyo ezikumgangatho ophezulu ngokusebeniza ulawulo nokuphathwa kwamaziko kunye nenkxaso kwimisebenzi eyenziwayo.
---	---

### **Iprogram yophuhliso lomgaqo-nkqubo ngo-2011/12**

Amaziko emfundo ephakamileyo, iikholeji zeFET, iiSETA namaziko eMfundo noQeqesho IwaBadala ngoku onganyelwe ngokudibeneyo ngamasebe amaphondo naliSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*) (DHET). Imigaqo yemvumelwano (*protocol agreements*) ephakathi kweSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho i-DHET namasebe emfundo amaphondo neentloko zezopolitiko emalunga nexesha lotshintsho nokuphathwa nolawulo lweekholeji okwethutuya iya kusebenza zide zibe zonke iimeko ezyimfuneko zimiselwe.

UMthetho oYilwayo i-Constitution Amendment Bill of 2011, wapapashwa nge-21 Januari 2011. Injongo yawo kukufakela izilungiso kumgaqo-siseko ngokungqinelanayo nesiqqibo sokutshintshela imisebenzi yamaphondo enxulumene neFET kunye neAET isiwe kwiSebe i-DHET.

UMthetho oYilwayo, i-Further Education and Training Colleges Amendment Bill, 2011, wandalwa nge-27 Julayi 2011, njengesiqendu 76 somthetho oyilwayo. Ngoku usayiniwe wanguMthetho osebenzayo. Injongo ebanzi yawo kukufakela izilungiso kuMthetho weeKholeji zeFET ka-2006, ukwenzela ukuba "kususwe zonke izinto ezibhekiselele kumagunya ephondo; kufakwe endaweni yemisebenzi yangaphambili yeLungu leSigqeba soLawulo eyoMphathiswa; ukuba kususwe zonke izinto ezibhekiselele kwiNtloko yeSebe kuze kufakwe endaweni yoko uMlawuli-Jikelele; ukuthintela ilungu leBhunga okanye umqeshwa ukuba aqhube umsebenzi wezoshishino, ngokucacileyo okanye ngandlela yimbi neFETC echaphazelekayo, nomsebenzi lowo unqubanayo ngokweemfuno (*conflict of interest*) neFETC karhulumente echaphazelekayo; ukuthintela ilungu leBhunga okanye kumsebenzi, ngokucacileyo okanye ngandlela yimbi neFETC echaphazelekayo; ukwenza amalungiselelo ethutuya malunga nezithuba zenkonzo karhulumente kunye nezootitshala, nezabasebenzi, namanyathelo oluleko; nomgaqo-nkqubo owensiwe liLungu leSigqeba soLawulo phantsi koMthetho oyintloko okanye phantsi kwawo nawuphi na umthetho wephondo, ofunekayo ukwenzela ukuphatha, ukulawula nokuxhaswa ngemali kweeFETC zikarhulumente.

Injongo ephambili isoloko iyeyokuba iikholeji zeFET ziya kuba phantsi kwegunya likazwelonke.

I-Green Paper on Post School Education and Training yavulelwa ukuba kwensiwe iikhomenti luluntu kude kuge ngowe-30 Apreli 2012. Injongo ye-Green Paper kukucacisa imingeni ejongene nenqubo elandela emva kokufunda esikolweni ize icacise umgaqo-nkqubo obanzi:

- wokwandiswa ukubonelelwa kokufundisa okulandela emva kokufunda esikolweni ukwenzela ukuphucula ukwazi ukufikelela kolu hlobo lwemfundo
- wokomeleza amaziko ukuba aphucule umgangatho
- wokucacisa umbono neendlela zokufikelela kwinkqubo elandela emva kokufunda esikolweni ngamandla nangentsebenziswano, kunye nokudibanisa kakuhle amacandelo ahlukeneyo, kwakunye nokulungelelanisa iindidi ezahlukeneyo zamaziko naphakathi kwamaziko emfundo namaziko oqequesho nelizwe lempangelo.

Amanyathelo alandelayo aya kubandakanya ukubhalwa kweNgcaciso yoMgaqo-nkqubo i-White Paper nokungeniswa kwayo kwiKhabhinethi ukwenzela ukuba ivunywe okokugqibela njengomgaqo-nkqubo karhulumente. Oku kuya kulandelwa kukulungelelaniswa kwemithetho (*alignment of legislation*), kwemimiselo kunye nenqubo yesebe ne-White Paper nokusetyenziswa kwayo.

Ekuqaleni kuka-2011, iikholeji zagunyazisa ukuba ziqalise kwakhona i-Report 191 Programmes zezifundo ezinxulumene nobunjinel kumanqanaba N1-N3 nokuqlisa kwakhona zonke i-Report 191 Programmes kumanqanaba N4-N6. Kwangokunjalo amanani obhaliso ezi program abonisa ukwanda ku-2012 ukuza kuthi ga ngoku.

### **Injongo ezicwangciswe ngobuchule kunye nezalathisi**

#### **IMilinganiselo yeProgram yeNtsebenzo (imilinganiselo kazwelonke)**

PPM501: Inani labafundi ababhalise kwizifundo zeNC(V) kwiikholeji zeFET

PPM502: Inani labafundi beNC(V) beekholeji zeFET abaggibe izifundo zabo zonke ngempumelelo

ST501	Imfundo noqeqesho oluqhubelekayo – Imiba ephambili	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye
<b>lintlawulo ngokohlelo lwezoqoqosho (R'000)*</b>					
5.1 Amaziko karhulumente	368,917	446,971	534,671	534,659	
5.2 linkonzo zokufundisa	0	0	0	0	
5.3 Uphuhliso lvezakhono zabasebenzi	0	0	0	0	
5.4 ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	0	0	0	0	
<b>Itotali</b>	<b>368,917</b>	<b>446,971</b>	<b>534,671</b>	<b>534,659</b>	
<b>lintlawulo ngokohlelo lwezoqoqosho (R'000)*</b>					
Intlawulo yangoku	212,675	251,685	259,565	259,553	
Imbuyiselo yabaqeshwa	212,670	251,685	259,565	259,553	
Ootitshala	180,045	217,825	224,180	224,168	
Abangengotitshala	32,625	33,860	35,385	35,385	
impahla neenkonzo nokunye	5	0	0	0	
limali ezihlawuliweyo (transfers) neenkxaso-mali	156,242	195,286	275,106	275,106	
lintlawulo zee-asethi i-capital assets	0	0	0	0	
<b>Itotali</b>	<b>368,917</b>	<b>446,971</b>	<b>534,671</b>	<b>534,659</b>	
* Ithagethi ka-2010/11 yeNkcitho luLwabiwo-mali lokuGqibela luka-2010/11					
<b>Ezabasebenzi</b>					
Inani labangezotishala (abaqeshwe ngurhulumente)	24	24	24	24	24
<b>Abafundi ababhalisileyo</b>					
Inani labafundi abasisigxina elilinganayo*	28 053	38 120	36 700	24 948	
Abafundi (ukubalwa ngabanye ngabanye)	42 291	45 056	42 000	40 403	
Abangamabhinqa	15 247	22 550	24 600	21 265	
abangamabhinqa akumacandelo obugcisa	1 154	2 279	2 000	1 429	
Abafundi abaggiba iiprogram ngempumelelo apha enyakeni	21 665	27 000	28 000	17 814**	
*Ukuhla okuqaphelekyo kubhaliso lwabafundi kwensiwa kukuba itotali ayibabandakanyi abafundi ngezamakhondo omsebenzi yaye idwelisa kuphela i-NC(V) namanani eReport 191					
**Qaphela ukuba ingcaciso-magama enikiweyo yalungiswa ukwenzelwe ukuba ibhekiselele "Kubo bonke abafundi abaye bangenela, bafunda baze bagqiba, bafumana isiqinisekiso ngo-2011"					

ST501	Imfundu noqeqesho oluqhubelekayo – Imiba ephambili	2009/10	2010/11	2011/12	2011/12
		Eyona kanye	Eyona kanye	Ithagethi	Eyona kanye
<b>linkcukacha-manani zoqhelaniso nomsebenzi</b>					
Kukho iimvumelwano zoqhelaniso nomsebenzi ezisebenzayo kwiphondo**	4 196	6 336	6 000	9 058	
► <b>Imilinganiselo yentsebenzo yeprogram***</b>					
► PPM501: Inani labafundi ababhalise kwizifundo zeNC(V) kwiikholeji zeFET	12 742	12 967	13 000	13 778	
► PPM502: Inani labafundi beekholeji zeFET beNC(V) abagqibe izifundo ezipheleleyo ngempumelelo:	2 308	3 429	7 000	4 587	
Qaphela:					
1. ** Ababoneleli-nkonzo bakarhulumente nababucala bathatha inxaxheba kwinkqubo yoqhelaniso nomsebenzi. Le datha imele iikholeji zeFET zikarhulumente yaye ibonisa iimvumelwano ngezoqhelaniso nomsebenzi ezsayiniweyo phakathi kweekholeji nabafundi.					
2. *** Apha ngasezantsi kunikwe iinkcazo zokungangqinelani phakathi kweethagethi nawona manani kanye.					

<b>IMilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram, linjongo ezicwangcisle ngobuchule neZalathisi: Inkcazo ngomahluko</b>
► PPM 501: Inani labafundi ababhalise kwizifundo zeNC(V) kwiikholeji zeFET
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 12 967
Ithagethi: 13 000
Eyona kanye: 13 778
Inkcazo: iikholeji zabhalisa ngaphezulu kwethagethi ngenxa yokwanda kwesibonelelo seebhasari zeSebe i-DHET ezaye zenza ukuba abafundi abaneemfuno zemali bakwazi ukubhalisa.
► PPM 502: Inani labafundi beNC(V) beekholeji zeFET abaggibe iiprogram zoqhelaniso nomsebenzi ngempumelelo
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 3 429
Ithagethi: 7 000
Eyona kanye: "Eyona kanye" isenokuba ngaphezulu kancinane kuba ayibandakanyi ziphumo zeemviwo zokuxabangela. Kukho ukuphucuka okuqaphelekayo kwireyithi yokufumana iziqinisekiso zemfundo. Kukho ukwanda nge-1 158 kwitotali ngo-2010/11.

## Inkcazo

### Ubhaliso Iwabafundi

NgoFebruwari 2012 iikholeji zabhalisa abafundi abayi-33 091 xa kuthelekswa ne-27 157 yabafundi ngoFebruwari 2011. Oku kubandakanya ukwanda ngabafundi abayi-1 878 beNC(V) ukususela ku-2011. Kubafundi abayi-33 091, abafundi abayi-29 450 bakwiiprogram ezixhaswa ngemali ngurhulumente, nekukho kuzo iimali zikarhulumente eziyi-80% zokuxhasa itotali yeendaleko zeprogram. Njengoko iikholeji zibhalisa abafundi kumanqanaba ahlukaneyo enyakeni kulindeleke ukuba amanani ewonke enyuke, ngokukodwa ngenxa yesiphumo sokusetyenziswa kwakhona kwe-Report 191 programmes.

### Inkxaso ebonelelweyo

NgokoMgaqo weMvumelwano ophakathi kweSebe iWCED neSebe i-DHET iphondo lisoloko linoxanduva lokunika inkxaso iikholeji zide izilungiso ezifakelweyo kuMgaqo-siseko neenguqu kuMthetho weFETC zibe ziyaphunyezw. ISebe iWCED linika inkxaso iikholeji ngokucwangcisa, ukunika inkxaso yemali nokuhlawula imali ngoomatshini, ukulawula nokuphatha, inkxaso yezekharityhulam nezolawulo lweemviwo. AmaSebe iWCED neSebe iDHET abeka esweni aze anike ingxelo ngenkqubo yeeholeji malunga nobhaliso, ulawulo lwezemali, ukumodareyithwa kweemvavanyo neemviwo.

Ulwabiwo lwebhajethi ka-2011/12 yeProgram 5 lwandiswa ukunika ithuba abafundi abangaphezulu ababhalise ezikholejini. limali zika-2010/11 ze-Schedule 4 FET Colleges Conditional Grant zathunyelwa kwiikholeji njengoko kucwangcisiwe. Kuyaqhube ka ukwakhiwa kobudlelane phakathi kweekholeji zeFET neeSETA nemizi-mveliso. Uqeqeshelo-msebenzi ufunda (*internship*) nokufakwa emsebenzi ngethuba usafunda (*on-course work placement*) kucwangcisle ngentsebenziswano neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho laseNtshona Koloni, iiSETA, iBhunga lezoRhwebo laseKapa (*Cape Chamber of Commerce*) nabathathi-nxaxheba bemizi-mveliso.

NgoJanuwari 2011 iSebe i-DHET lavumela iikholeji ukuba zibhalise kwakhona abafundi kwi-Report 191 (NATED) N4-N6 nakwi-Engineering N1-N3 ezaziyekisiwe kwixesha elidlulileyo. Eli nyathelo lalikhatswa kukwanda kolwabiwo lweebhasari kwakunye nokuvumela abafundi be-Report 191 ukuba baxhamle kwesi skim seebhasari.

Ingxelo yango-Oktobha 2011 yeeBhasari zeeKholeji zeFET kwiSebe i-DHET ibonisa ukuba kubafundi abayi-22 806 beNC(V) nabayi-13 192 be-NATED bafumana iibhasari ngokupheleleyo okanye ngokuyinxeny ezihlawulela iindleko zokufunda, ezokuhlala neentlawulo zemali yohambo. Iprogram yangaphambili yokunika inkxaso kubafundi bephondo eyayibandakanya ulwabiwo lweebhasari, iphelisiwe ngo-2011.

ISebe iWCED liqhubekile ngokuxhasa iikholeji lisebenzisa inkxaso-mali ebekelwe bucala (*ring-fenced funding*) yokubonelela abafundi ngenkxaso ebanzi kwizifundo. Inkxaso kwizifundo ibandakanya inkxaso kwimathematika, kwiklasi zokuncedisa abatsala nzima ekuqonden (*remedial classes*), kwityuthoriyal, kwizinto zokuncedisa ukufunda ezongezelweyo nakwizikim zokondla ezisisiseko (*basic feeding schemes*).

Iikholeji ziqaqhubeka ngokwandisa iindlela namaxesha azo okufundisa ukwenzela ukubhalisa abafundi abaninzi. lingxelo zeekholeji zibonisa ukuba kwiimeko ezininzi umthamo wazo ufilelele ekuzaleni yaye ngoku azikwazi kuthatha abafundi abaninzi ngaphandle kwestiko sezophuhliso esandisiweyo. Uninzi lweekholeji lusebenzisa amaziko alo okufunda avulelekileyo ukuba kuxhamle abafundi babo kwanabahlali abakufutshane.

ISebe i-DHET limisele iithagethi ezicacileyo zokwandisewa kokufundiswa kwemfundo noqequesho oluqhubelekayo. Indlela yokukhula ekujoliswe kuyo ziikholeji zaseNtshona Koloni kukubhalisa abafundi abayi-85 000 ngonyaka ngamnye engadlulanga u-2015. Iikholeji ziyakhuthazwa ukuba zibandakanyeke kakhulu ekufundiseni ngemisebenzi nezophuhliso lwamagcisa emisebenzi yezandla (*artisan development*). ISebe i-DHET, ukongeza, lidala amathuba okuxhasa ngemali iikholeji angaphezulu ngokusebenzisa iNgxowa-mali yeZakhono zikaZwelone (National Skills Fund) neeSETA.

### Iziphumo zovavanyo

Ithebile elapha ngasezantsi ibonisa ireyithi yokufumana iziqinisekiso kwabafundi ababengenele, baza babbala zonke izifundo ezifunekayo kwiziqinisekiso zabo.

NC(V)	Ababhalisele izifundo eziyi-7	Ababhale izifundo eziyi-7	Abapase izifundo eziyi-7	I-% yokufumana iziqinisekiso ngababehhalile
INqanaba 2	7 425	4 361	2 597	59,6%
INqanaba 3	3 412	2 325	1 192	51,3%
INqanaba 4	1 933	1 651	798	47,7%

INgxelo 191 191/NATED	Ababhalisele izifundo eziyi-4	Ababhale izifundo eziyi-4	Abapase izifundo eziyi-4	I-% yokufumana iziqinisekiso ngabo bebehalile
N1	539	252	171	67,9%
N2	234	144	57	39,6%
N3	339	250	95	38%
N4	1 883	1 497	682	45,6%
N5	2 441	2 074	934	45%
N6	523	456	214	46,9%

Ingxelo ka-Umalusi ka-2011 yoviwo lukazwelone income iikholeji zaseNtshona Koloni ngenqubo eqhubeka okokoko kuzo zonke iiprogram neziqinisekiso ngokunjalo nokugqwesa amanye amaphondo kuninzi lweeprogram.

### Uphuhliso lwezakhono zabahlohi

ABacwangcisi bezeKharityhulam beSebe iWCED bayaqhubeka nokunika inkxaso eqhubeka okokoko yokufundiswa kwekharityhulam ngokuxhobisa ngezakhono abahlohl nokunika inkxaso eziklasini. linkqubo zokuvavanya nokumodareyitha ziqaqhubeka ngokuphucula umgangatho wezixhobo zovavanyo neendlela zokufundisa.

### Izibonelelo zoncedo/enye inkxaso enikwayo

ISebe iWCED lixhase iikholeji zeFET ngenkxaso-mali yokuqala ukuba zifumane i-electronic college administration programme entsha. Le sistim seyisetyenziswa ngokupheleleyo ngoku kuzo zonke iikholeji. ISebe iWCED liyaqhubeka nokuxhasa ukusetyenziswa kwestim yolawulo lwezfundo ebizwa ngokuba yi-ASSET (*Advanced Software Solutions to Education and Training*). Le sistim ye-ASSET isetyenziselwa ukucwangcisa uvavanyo qho lwangaphakathi (*internal continuous assessment*), ukuqinisekisa umgangatho wezixhobo zovavanyo ezenziwe yikholeji nokumodareyitha iinkqubo zovavanyo ukuqinisekisa iziphumo ezithembakeleyo.

## IProgram 6: IMfundo noQeqesho IwaBadala

Injongo: Ukufundisa i-ABET ngokungqinelana noMthetho weMfundo noQeqesho IwaBadala, ka-2000

### Iprogram ye-ABET inezi program zisekelayo zilandelayo:

*linkxaso-mali kumaziko abucala*

- ukunika inkxaso kwizikolo zabucala ze-AET ezithile ngokusebenzisa iinkxaso-mali (*subsidies*)

*linkonzo zokufundisa*

- ukunika inkxaso kwizikolo ze-AET

*Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi*

- ukunika uphuhliso lokuqeleshelwa umsebenzi kootitshala nabangezotitshala kumaziko e-AET

## INjongo eCwangciswe ngoBuchule

<b>INjongo eCwangciswe ngoBuchule 5.1</b>	Ukunika inkxaso kulawulo nokupathwa kwe-A(B)ET ngokusebenzisa uphuhliso lomgaqo-nkubo nongenelelo ngoncedo olubalulekileyo ukulungiselela ukufundisa kwekharityhulam ngempumelelo kumaZiko eMfundo yaBadala; ukubonelela ootitshala nabafundi kwizikolo ze-A(B)ET ngenkonzo yenqxaso kwikharityhulam elawulwa lisebe lemfundo nokubonelela ngophuhliso lokuqeleshelwa umsebenzi kootitshala nabangezotitshala
---	---

## IProgram yophuhliso lwemigaqo-nkubo ngo-2011/12

UMthetho oYilwayo i-**Constitution Amendment Bill** of 2011, wapapashwa nge-21 Januvari 2011. Injongo yawo kukufakela izilungiso kumgaqo-siseko ngokungqinelana nesiqibo sokutshintshela imisebenzi yamaphondo enxulumene neMfundo noQeqesho oluQhubelekayo neMfundo noQeqesho IwaBadala (*Further Education and Training and Adult Education and Training*) kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*).

UMthetho oYilwayo i-**Higher Education and Training Laws Amendment Bill** wapapashwa nge-7 Disemba 2010. Injongo yawo kukufakela izilungiso kuMthetho weFET, ka-2006 nakuMthetho weMfundo yaBadala noQeqesho, ka-2000, ukwenzela ukuba kufakelwe izilungiso kwiingcaciso-magama ezithile, ukwenza isibonelelo sokuqeshwa kootitshala kumaziko karhulumente ngokufakela imigaqo ngokumalunga nabaqeshi bootitshala, imivuzo nezinye iimeko zengqesho yootitshala, amanani ezithuba zootitshala ezabelwa amaziko, amagunya abaqeshi, ukuqeshwa nokuzaliswa kwezithuba, ukutshintshwa kootitshala, ukusekondwa kootitshala, ukuthatha umhlala-phantsi kootitshala; ukugxothwa kootitshala, ukungabi nakusebenza ngenxa yokugula (*incapacity*) nokuziphatha kakubi (*misconduct*) nokwenziwa komnye umsebenzi ngoootitshala, ukwenza amalungiselelo ethutyana ngexesha lotshintsho ngokumalunga namaziko karhulumente; ukwenzela ukubonelela ngokumiselwa komgaqo-nkubo wemfundo kazwelonke wamaziko karhulumente, ukwenzela uthetha-thethwano ngomgaqo-nkubo kunye nemithetho, ukwenzela upapasho lomgaqo-nkubo wemfundo kazwelonke nokwenzela ukubeka esweni kunye nokuphonononga imfundo noqeqesho Iwabadala; nokwenzela ukuqinisekiswa komgangatho ngokumalunga neziqinisekiso ezikhutshwa ngamaziko karhulumente nawabucala.

## IMimiselo enxulumene noBhaliso IwamaZiko e-ABET aBucala

Emva kopapasho lokuqala ngenjongo yokucela iikhomenti kuluntu, le mimiselo yaphinda yasetyenzwa ngokutsha yaza kwakhona yangqinelaniswa noMthetho oFakela iZilungiso kwiMfundo noQeqesho IwaBadala (*Amended Adult Education and Training Act*), owawupapashwe ngoDisemba 2010 liSebe leMfundo ePhakamileyo. Le mimiselo yapapashwa kwiGazethi yePhondo, No. 6838, nge-4 Matshi 2011.

### **IMimiselo enxulumene nokusekwa kwamaBhunga oLawulo amaZiko**

Kwapapashwa imimiselo ngenjongo yokucela iikhomenti kuluntu ngoFebruwari 2012. Umhla wokuvalwa ukwamkelwa kweekhomenti yayingowe-20 Matshi 2012. Akuzange kubekho zikhomenti zafikayo. Le mimiselo iya kupapashwa ke ngoko ngo-Apreli 2012. Amabhunga olawulo amaZiko eMfundu yaBadala aya kunyulwa ngo-2012.

### **iSatifikethi seThutyana seMfundu noQeqesho ngokuBanzi (GETC) neMfundu noQeqesho IwaBadala (AET)**

Nge-11 Disemba 2009, iSatifikethi esihlaziyiweyo sethutyana seMfundu noQeqesho ngokuBanzi (*General Education and Training Certificate*) (GETC) neseMfundu noQeqesho IwaBadala (AET) sabhaliswa phantsi kwe-ID No 64309 kwaSAQA saza sapapashwa. Esi siqinisekiso safakwa kwigazethi nge-5 Novemba 2009, yaye sivunyiwe ukulungiselela abafundi abadala be-

*ABET Level 4 (NQF level 1) kumaziko karhulumente nawabucala.*

### **INjongo eziCwangciswe ngoBuchule neZalathisi**

#### **IMilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram (imilinganiselo kazwelonke)**

PPM601: Inani labafundi ababhalise kumaZiko e-ABET karhulumente

PPM602: Inani lootitshala abaqeshwe kumaZiko e-ABET karhulumente

ST601	Imfundo noqeqesho Iwabadala – Imiba ephambili	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye
<b>lintlawulo ngeprogram esekelayo (R'000)</b>					
6.1 linkxaso-mali kumaziko abucala	29,479	32,152	33,098	33,098	
6.2 linkonzo zokufundisa	0	0	0	0	
6.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	0	0	0	0	
<b>Itotali</b>	<b>29,479</b>	<b>32,152</b>	<b>33,098</b>	<b>33,098</b>	
<b>lintlawulo ngohlelo lwezoqoqosho (R'000)</b>					
Intlawulo yangoku	6,901	7,165	5,850	5,850	
Imbuyiselo yabaqeshwa	6,621	6,098	5,670	5,670	
Ootitshala	5,663	5,171	5,002	5,002	
Abangezotitshala	959	927	668	668	
Impahla neenkonzo nokunye	280	1,067	180	180	
limali ezihlawuliweyo ( <i>transfers</i> ) neenkxaso-mali	22,578	24,987	27,248	27,248	
lintlawulo zee-asethi i-capital assets	0	0	0	0	
<b>Itotali</b>	<b>29,479</b>	<b>32,152</b>	<b>33,098</b>	<b>33,098</b>	
<b>Ezabasebenzi</b>					
Inani labangezotitshala(abaqeshwe ngurhumente)	3	4	4	2	
Inani labasisigxina abangezotitshala (abaqeshwe ngurhumente)	8	8	8	7	
<b>Ubhaliso Iwabafundi</b>					
Kwinqanaba leGET	18 894	19 577	16 000	18 934	
Kwinqanaba leFET	19 159	20 543	20 500	17 648	
<b>Itotali</b>	<b>38 053</b>	<b>40 120</b>	<b>36 500</b>	<b>*36 582</b>	

\*kubandakanywa iSebe leeNkonzo zoLuleko namaZiko aBucala abhalise kwiSebe iWCED

ST601	Imfundo noqeqesho lwabadal – Imiba ephambili (kuyaqhube)	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye
<b>Amaziko</b>					
	Amaziko afumana inkxaso-mali	102	107	110	103
► Iprogram yemilinganiselo yentsebenzo*					
	► PPM601: Inani labafundi ababhalise kumaZiko e-ABET karhulumente	38 053	40 120	36 000	36 582
	► PM602: Inani lootitshala abaqeshwe kumaZiko e-ABET karhulumente	8	962	1 250	1 039

\*Kule thebhile ilapha ngezantsi kunikwe iinkcazo zokucacisa ukungangqinelani (*variances*) phakathi kweethagethi nawona manani kanye.

## **Imilinganiselo yeprogram yentsebenzo, iinjongo ezicwangciswe ngobuchule kunye nezalathisi: inkcazo yokungangqinelani kwengcaciso**

► PPM601: Inani labafundi ababhalise kumaZiko e-ABET karhulumente

Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 40 120

Ithagethi: 36 500

Elona kanye: 36 582

Inkcazo: Ngenxa yesindululo esicebisa ukupheliswa kwesiqinisekiso seMatriki sexesha langaphambili nohlaziyo lwamvanje kuloo malungiselelo, kube nzima ukuqikelela amanani obhaliso lwabafundi. Kuninzi esekwensiwe ukwandisa inani labafundi be-*Levels* 1- 4 kusetyenziswa iiprogram zamaphulo okunka inkxaso ngamandla (*advocacy programmes*).

► PM602: Inani lootitshala abaqeshwe kumaZiko e-ABET karhulumente

Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 962

Ithagethi: 1 250

Elona kanye: 1 039

Inkcazo: Ootitshala mabaqeshwe ngokomlinganiselo wobhaliso lwabafundi kwiziko ngalinye nangokusekelwe kwakhona kwiiinkalo zezifundo ababhalisele zona. Emva kokubhengezwa liSebe i-DBE kokutshitshiswa kwekharityhulam endala yeBakala 12 kumaZiko e-AET ngo-2014, iSebe iWCED liqgibe ukuba lifundise iBakala 12 kumaZiko e-AET akhethiweyo (ii-GRADE 12 HUBS) kuphela. Ngenxa yoku, bambalwa ootitshala abaqeshwe kumaziko, oko kube negalelo koku kungangqinelani kwingcaciso elapha ngasentla.

## **Inkcazo**

### **Ubhaliso Iwabafundi**

Abafundi ababhalisileyo ngoku bayi-18 934 kwi-ABET *Levels* 1-4, abayi-14 008 ngabafundi beFET nabafundi abayi-3 641 abenza iiprogram ezimfutshane zokuzixhobisa ngezakhono (*short skills programmes*). Abafundi be-ABET bande nge-3 309 xa kuthelekisa no-2010, ukwanda kakhulu kube kwiNqanaba 4 ngabafundi abayi-2 423.

Uqhelaniso nomsebenzi (*learnerships*) Iwabafundi abayi-48 lwenziwe eCentral Karoo, ngokusebenzisana ne-ETDP SETA. Kufundiswe iiprogram zezakhono ezivuniweyo (*accredited programmes*) kwii-CLC ezsibhozo ekuxhamle kuzo abafundi abayi-282 ngokusebenzisana neekholeji zeFET ezintathu. Iiprogram ezifundisiweyo zibandakanya uBuchweli (*Carpentry*), iZakhono zase-Ofisini (*Office Skills*), ezeMpilo noKhuseleko, ezingokuNika iNkonzo kwiiNdwendwe (*Hospitality*), ezoMbane nezobuMakhenikhi, izifundo zoShishino nokuKhuliswa kweZityalo (*Entrepreneurship and Plant Production courses*). Amanye amahlakanu abandakanya uPetroSA, uNestle noMasipala waseWitzenberg.

Ezi zikolo zilandelayo zitsha zeMfundu noQeqesho IwaBadala zabhalisa ngo-2011: Bongolethu (South), Aurora (Piketberg), Broodkraal (Piketberg), Dasbosch, Le Jardine, Septemberkraal, Paardekraal, Berghof (zonke zisePorterville), Mount Hope, Highlands, Alpine, Life Changes, Morgenster (zonke zise-BALCO-South), Ma Africa (Delft), De Rust Ventura (Overberg), Mfuleni (North); Pelandaba (George); Bitterfontein (West Coast), ngokunjalo naseKoekenaap naseLutzville.

Amaziko eFET eBakala 12 asekwa ngo-2011 e-Eden and Central Karoo (1), Winelands (1), East (3), North (2), South (2), Central (1), West Coast (1), Overberg (1).

iSebe iWCED liqhubekile ngokufundisa kwalo iiProgram zeMfundu yaBadala kubaqeshwa bamaSebe kaRhulumente amaPhondo nakaZwelone. Ngoku kukho abafundi abayi-714 ababhalisileyo oko kusenziwa ngamalungiselelo eenkqubo zokusebenzisana ngamandla eziyi-15. Kukho iinkqubo zokusebenzisana ezelishumi zephondo ezilawulwa yi*Memoranda of Understanding (MOUs)* kunye namanye amasebe ephondo kwakunye nala masebe kazwelone: iSebe lezeMisebenzi kaRhulumente, elezokuSingqongqileyo nelezeeNkonzo zoLuleko. Ngezi nkqubo zokusebenzisana, abaqeshwa bamasebe ephondo banikwa ithuba lokufumana isatifikethi i-GETC. Selusetyenziswa uxwebhu i-“*Transversal Policy for the Delivery of ABET to Employees of Provincial Governments*”. linkqubo zokusebenzisana zenziwa kwiphondo nakumaziko. Kusayinwe i-MOU noMasipala

waseTheewaterskloof kwahlaziwa ne-MOU ne-South African Navy ukwenzela ukuba ibonise ukwandisa kwekharityhulam efundiswa abaqeshwa babo eSimonstown Naval Base.

Iphulo leKhari Ri Gude Mass Literacy lokufundisa iZakhono zokuFunda nokuBhala kwaBafundi aBaninzi liqaliswe ngo-Apreli 2008 ngenjongo yokunika amathuba abantu baseMzantsi Afrika abayi-4.7 yezigidi ukuba bakwazi ukufunda nokubhala nokubala ngolunye lweelwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni ngo-2012. Abafundi bafundiswa ukufunda nokubhala ngolwimi lwabo lweenkobe ngokungqinelana nemigangatho yejunithi ye-A(B)ET yenqanaba 1. Abafundi kufuneka bagqibe imisebenzi yovavanyo engamashumi amabini (eyi-10 kwizifundo zolwazi lokufunda nokubhala eyi-10 ibe kwizifundo zolwazi lokubala) kwiiPhothifoliyo zoVavanyo zaBafundi (*Learner Assessment Portfolios*) (LAPS). li-LAPS zimodareyithwa zingqiniswe yiSAQA. Ngo-2011 kwabhaliswa abafundi abayi-12 948 ababethathe inxaxheba kwiprogram ka-2011 (babeyi-16 520 ngo-2010). Azikafumaneki iziphumo.

### Inkxaso enikwayo

Ulwabiwo lweengxowa-mali ngokwee-Norms and Standards funding Iwawo onke amaZiko eMfundo oLuntu ayi-103 kwiphondo Iwavunyuwa ngo-Oktobha 2011 kwaza kwakhutshelwa iziko ngalinye ileta. Olunye ulwabiwo-mali olongezelelalo ngokwee-Norms and Standards funding Iwabonelelwa ii-CLC ngoJulayi 2011, ngoAgasti 2011 nangoMatshi 2012.

### Iziphumo zovavanyo

	2010	2011
Inani elibhalise kwiNkalo yeSifundo engaphezulu kwenye	2 376	3 343
Itotali yenani lababhalise kwiNkalo yeSifundo	9 551	14 149
Inani lababhalala uviwo IweNkalo zeZifundo	6 753	10 160
Abaviwa boviwo IweNQF iNqanaba 4	1 783	3 343
(Ireyithi) eyokuPasa kwi-ABET ngo-Oktobha kwiNqanaba 4	1 483 abaviwa (80.7%)	2 226 abaviwa (66.6%)

Ukunyuka ngokubanzi nangokukodwa, nokunyuka kwinani labaviwa abaphumeleleyo kuyanomeka. Ukunyuka kwenani labafundi ababhalisileyo (okuphantse kwaphinda-phindana) kube nefuthe kwireyithi yokupasa. Ukungangqinelani kwengcaciso yereyithi yokupasa yinto eqhelekileyo kweli candelo apho amanani abaviwa ababhalayo emancinane xa ethelekiswa. Ireyithi ngo-2010 yayiphezulu ngokukodwa (ingu-62% ngo-2008 yangu-65% ngo-2009).

“ISiqinisekiso seMatriki” sangaphambili sasifanele ukuba sibhaliswe okokugqibela ngo-2011, kodwa kuvunyelwene ngomhla ohlaziywero ka-2014. Kuzwelonke, uMgaqo-nkqubo oyidrafti usabhalwa (*draft White Paper*), kwakunye nesiqinisekiso esitsha esiya kuthatha indawo yeSiqinisekiso seMatriki. Oku kuya kulungiselela ukualiswa kwesiqinisekiso esijolise kwiimfuno zabadala. Esi siqinisekiso siya kufuna ukuba kwensiwe izifundo ezimbalwa kunexesha langaphambili.

### UPuhliiso IweZakhono zooTitshala

Bonke aBaphathi bamaZiko naBaquuzeleli bamaZiko babenikwe iiNkalo zeziPhumo eziPhambili (*Key Result Areas*). Ezi ziyingxene yemvumelwano yabo neSebe iWCED.

Uxwebhu i-Monitoring Instrument for AET /IMG Managers lathunyelwa kuwo onke amaZiko eMfundo oLuntu (*Community Learning Centres*) ngoJulayi 2011. Lubandakanya ezi nkalo zilandelayo: ukugaywa kwabafundi, isicwangciso ngobuchule, ukuphathwa kwamaziko, ulawulo lwezibonelelo zoncedo, ulawulo novavanyo lwekharityhulam, ukugaya inkxaso yoluntu ngamandla, ukuthunyelwa kwengcaciso.

NgoAgasti 2011 kwagqitywa ukubhalwa kweNcwadana eSetyenziswayo yoLawulo IwezeKharityhulam yaBaphathi bamaZiko (*Curriculum Management Manual for Centre Managers*).

Kubaluleke kakhulu ukugaya abasebenzi abaneziqinisekiso ezifanelekileyo kweli candelo ngeephakheji zemivuzo encumisayo. Ukuqeshwa kwabasebenzi be-AET kuxhomekeke ekubhengezweni kwemithetho elawula abasebenzi yaye kukho ukulibaziseka kule nkubo. Ukphunyezwa kwe-Norms and Standards Funding for Adult Learning Centres egazethiweyo kuya kufuna ukuba amaziko axhotyiswe ngcono ukwenzela ukuba abe nokwenza inkonzo yokufundisa engaphezulu ayenzele abahlali.

## IProgram 7: UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo

**Injongo:** Ukufundisa i-ECD kwiBakala R nakumanqanaba asekuqaleni ngokungqinelana ne-*White Paper 5*

### Iprogram ye-ECD inez program zisekelayo zilandelayo:

*IBakala R kwizikolo zikarhulumente*

- ukubonelela izikolo ezithile zikarhulumente eziqhelekileyo ngezibonelelo zoncedo ezifunekayo kwiBakala R

*IBakala R akumaziko oluntu*

- ukunika inkxaso amaziko oluntu athile kwinqanaba leBakala R

*linkonzo zokufundisa*

- ukunika inkxaso amaziko e-ECD

*Uphuhliso Iwezakhono zabasebenzi*

- ukubonelela ngophuhliso lokuqequeshelwa umsebenzi kootitshala nabangezotitshala kwizikolo ze-ECD

### Injongo ecwangciswe ngobuchule

<b>INjongo eCwangciswe ngoBuchule 7.1</b>	Ukubonelela izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithile nezikolo eziqatshelweyo ezizimeleyo ngezibonelelo zoncedo ezifunekayo kwiBakala R nokwenza iimeko ezikhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziseke iiklasi zeBakala R kwiiklasi ezikhoyo ezifumanekayo okanye kwiiklasi zeBakala R ezintsha nokuquuzelela uqequesho Iwenqanaba 1, 4 no-5 Iweeprakthishina ze-ECD ukuba zisebenze ngobuchule ukunyamekela ngokweemvakalelo, ngokwasengqondweni, ngokwasempilweni nangokwasemzimbeni abantwana nokwenza indawo ekhuthaza ukuthanda ukufunda kubantwana abaneminyaka yobudala engu-0-4 .
---	---

### Iprogram yophuhliso Iwemigaqo-nkqubo ngo-2011/12

Ayikho

### Injongo ezicwangciswe ngobuchule nezalathisi

<b>IMilinganiselo yeProgram yeNtsebenzo (imilinganiselo kazwelone)</b>
PPM701: Inani labafundi ababhalise kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente
PPM702: Inani lezikolo zikarhulumente ezifundisa iBakala R

ST701	UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo – Imiba ephambili	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye
<b>lintlawulo zeprogram esekelayo (R'000)*</b>					
7.1 IBakala R kwizikolo zikarhulumente	174,502	220,579	212,588	210,186	
7.2 IBakala R kumaziko oluntu	45,869	45,288	46,838	46,838	
7.3 linkonzo zokufundisa	0	0	0	0	
7.4 Uphuhliso Iwezakhono zabasebenzi	68,249	80,028	86,360	86,031	
7.5 ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	0	0	35,010	35,006	
<b>Itotali</b>	<b>288,620</b>	<b>345,895</b>	<b>380,796</b>	<b>378,061</b>	
<b>lintlawulo ngokohlelo Iwezoqoqosho (R'000)*</b>					
Intlawulo yangoku	94,718	98,749	116,605	114,203	
Imbuyiselo yabaqeshwa	58,740	61,048	66,257	63,855	
Ootitshala	58,416	61,048	66,257	63,855	
Abangezotitshala	324	0	0	0	
Impahla neenkonzo nokunye	35,978	37,701	50,348	50,348	
limali ezihlawuliweyo ( <i>transfers</i> ) nee-nkxaso-mali	169,288	196,479	225,723	225,390	
lintlawulo zee-asethi i-capital assets	24,614	50,667	38,468	38,468	
<b>Itotali</b>	<b>288,620</b>	<b>345,895</b>	<b>380,796</b>	<b>378,061</b>	
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>					
Inani lootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)*	251	237	235	224	
Inani labangezotitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	0	0	0	0	

ST701	UPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo – Izinto eziphambili	2009/10	2010/11	2011/12	2011/12
		Eyona kanye	Eyona kanye	Ithagethi	Eyona kanye
<b>Ubhaliso (oluxhaswa ngemali karhulumente kuphela)</b>					
IBakala R kwizikolo zikarhulumente	46 100	50 726	50 000	50 495**	
IBakala R kwizikolo ezizimeleyo	21 077	13 228	13 000	20 087***	
IBakala eliphambi kwelika-R kwizikolo zikarhulumente	1 820	1 213	2 000	1 215	
<b>Itotali</b>	<b>68 997</b>	<b>65 167</b>	<b>65 000</b>	<b>71 797</b>	
<b>► Imilinganiselo yeprogram yentsebenzo****</b>					
► PPM701: Inani labafundi ababhalise kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente	46 100	50 726	50 000	50 495	
► PPM703: Inani lezikolo zikarhulumente ezifundisa iBakala R	767	807	830	886	
<b>Imilinganiselo yeprogram yentsebenzo****</b>					
PPI 7.1 liklasi ezisandula ukwakhiwa zeBakala R	100	0	50	68	
PPI 7.2 likhithi ezonegezelwego ze-ECD eziya kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	150	0	100	350	
PPI 7.3 likhithi ze-ECD ezonegezelwego kwiZikolo eziZimeleyo	150	0	50	100	
Qaphela:					
1. * Aba ngaBasebenzi basePri-Prayimari bonke baqeshwe kwizithuba ezingaphezulu kwenani elabelwe iziko. Njengoko ootitshala beyeka okanye bethatha umhlala-phantsi izithuba ezo ziaphela.					
2. ** Ithagethi ka-2011/12 yayimiselwe phambi kokuba "eyona kanye" ifumaneke ngo-2010/11.					
3.*** Kwaqeshwa abasebenzi bokufaka ekhompyutheni nokungqinisia idatha kungenxa yeso sizathu ukuba ngoku le datha ibe yenyanisekileyo ngaphezulu.					
4. Amanani abafundi athathwe kwiSaveyi yoNyaka ka-2011 zezikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo zeECD.					
5.**** Kule thebile ilapha ngasezantsi kunikwe iinkcazelo malunga nokungafani kwengcaciso phakathi kweethagethi nawona manani kanyei.					

<b>IMilinganiselo yeProgram yeNtsebenzo, iinjongo ezicwangciswe ngobuchule nezalathisi: Ingxoxo ngokungangqinelani kwingcaciso</b>
► PPM701: Inani labafundi ababhalise kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente
Inani lentsusa (isiphumo esisesona kanye sika-2010/11): 50 726
Ithagethi: 50 000
Elona kanye: 50 495
Inkazo: Kukho ukunyuka kwinani labafundi beBakala R ababhalise kwizikolo zikarhulumente xa kuthelekiswa nethagethi eyayimiselwe u-2011/2012.
► PPM702: Inani lezikolo zikarhulumente ezifundisa iBakala R
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 807
Ithagethi: 830
Elona kanye: 886
Inkazo: Izikolo ezininzi kunokuba bekulindelekile ngoku zifundisa iBakala R.
PPI 7.1. liklasi ezsandula kwakhiwa
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye ka-2010/11): 0 (ngokungadityaniswanga)
Ithagethi: 50
Elona kanye: 68
Inkazo: Ziiklasi ezisi-8 kwezango-2009/10; ziiklasi eziyi-50 kwezango-2010/11 neeklasi ezili-10 kweziqatshelweyo eziyi-35 ngo-2011/12 ezaggitywayo. Kwiminyaka engaphambili kunikwe iingxelo ngokulibaziseka kwinkqubo yokukhupha iithenda, utshintsho kwii-arrhente zokwenziwa komsebenzi nezinye iingxaki ezazichaphazela izikolo ezithile. Yadluliselwa kunyaka olandelayo ibhajethi echaphazelekayo njengoko iimali zazikhutshiwe.
PPI 7.2 likhithi ezonegezelelweyo ze-ECD eziya kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 0
Ithagethi: 100
Elona kanye: 350
Inkazo: Ithenda yokusiwa kweekhithi ze-ECD zange ikhutshwe kunyaka ophelileyo njengoko kwakungekho babonelelinkonzo ababengqinelana ngokupheleleyo nayo yonke imigqaliselo yethenda. Isicelo sokukhutshwa kweemali ezidluliselwa komnye unyaka saba yimpumelelo nethenda isenokupapashwa kwakhona ukubandakanya izikolo ezazifanele ukufumana iikhithi kunyaka ophelileyo.
PPI 7.3 likhithi ezonegezelelweyo ze-ECD kwiZikolo eziZimeleyo
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 0
Ithagethi: 50
Elona kanye: 100
Inkazo: Ithenda yokusiwa kweekhithi ze-ECD zange ikhutshwe kunyaka ophelileyo njengoko kwakungekho babonelelinkonzo ababengqinelana ngokupheleleyo nayo yonke imigqaliselo yethenda. Isicelo sokukhutshwa kweemali ezidluliselwa komnye unyaka saba yimpumelelo nethenda isenokupapashwa kwakhona ukubandakanya izikolo ezazifanele ukufumana iikhithi kunyaka ophelileyo

## Inkazo

### Ubhaliso lwabafundi

Idatha yabafundi beBakala R efakwe ekhompyutheni kwiiSaveyi zoNyaka zezikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo ze-ECD ibonisa ukwanda kakhulu kubhaliso lwabafundi beBakala R. Kwaziswe ukuba ubhaliso lulonke kwiBakala R ngu-71 797 eyona totali iphezulu kakhulu ukuza kuthi ga ngoku, engaphezulu ngo-6 630 kweka-2010/11. Oku kucingwa ukuba kubangelwe ngamaphulo okugaya inkxaso ngamandla (*advocacy campaigns*) ukwazisa abazali ngenzupo eya kubanceda ixesha elide yokungenela iBakala R kwabantwana babo abancinane, nokuphucula, idatha engqinisisiweyo.

## Inkxaso ebonelelweyo

Ulwabiwo lwenkxaso-mali yabafundi beBakala R kwizikolo eziyi-886 nakwizikolo ezizimeleyo eziyi-362 lwanyuka ngo-2011 ukulungqinelanisa neemfuno zeNational Norms and Standards for Grade R funding zokuxhasa ngemali iBakala R. Inkxaso ngemali inyuke ngolu hlobo lulandelayo:

Inqanaba lentlupheko	Kumfundi ngamnye ngosuku ngo-2010	Kumfundi ngamnye ngosuku ngo-2011	Isixa esitsha ngonyaka kumfundi ngamnye
1	R17	R18	R3 600
2	R16	R17	R3 400
3	R13	R14	R2 800
4	R9	R12	R2 400
5	R5	R10	R2 000

lifom zamabango enkxaso-mali zingeniswa kwaNdlunkulu qho ngekota yaye ezi fom ziyanqinisiswa phambi kokuba kwensiwi iintlawulo ngoomatshini kwizikolo ezichaphazelekayo. Ngoku yi-46 945 abafundi beBakala R abasezikolweni zikarhulumente kuze cube ngabafundi beBakala R abayi-13 910 abakwizikolo ezizimeleyo ze-ECD abafumana inkxaso-mali.

Ngokungqinelanayo nemigqaliselo ekwisiggibo soMphathiswa seProgram yeMisebenzi kaRhulumente eYandisiweyo (*Expanded Public Works Programme*) (EPWP), eyona ntlawulo (*stipend*) esezantsi ehlawulwa zonke iiprakthishina ze-ECD yanyuswa ukusuka kwi-R1 200 ukuya kwi-R1 272. Zonke iiprakthishina ezikwiinkqubo zoqhelaniso nomsebenzi (on *learning programmes*) ziyaxhamla kwesi sibonelelo sentlawulo enyusiweyo. Olu nyuso lwentlawulo lube nempembelelo entle ekuyeni kwabasafumana uqequesho kwiiklasi zoqeqesho.

Iliklasi ezingamashumi amathathu ezingumzekelo zeBakala R zasekwa ngo-2011. Ezi klasi zisetenyenzielwa ukwabelana ngezona nkqubo zisebenza ngcono kw-iECD kwizikolo ezikufutshane. Ezi zikolo ziyi-30 ziphucule indawo yazo ekumphandle weklasi ukwenzela ukuba abafundi beBakala R bakwazi ukupuhhlisa izakhono zokusebenzisa amalungu amakhulu omzimba kwiintshukumo (*gross motor skills*). Kwabonelelwa iiklasi zeBakala R ezintsha eziyi-68 zaza izikolo kwakhona zafumana inkxaso yemali yefanitshala ne-basic start-up ECD resource pack eyenzelwe ezi klasi zintsha.

Izikolo eziyi-450 zafumana iikhithi ze-ECD zaza iiprakthishina zeBakala R ezikwezi zikolo zafumana ukuqequesha ngumboneleli-nkonzo. Uqequesho lwalugxile ekusetyenziweni ngempumelelo kwezinto zokusebenza ukwenzela ukuba kuxhamle abafundi beBakala R, ukuqulunqa nokulondoloza i-inventri nokugcinwa ngokunqatysiweyo kwezinto zokusebenza. Ezinye zezinto ezikwiikhithi zeECD zibandakanya izinto zokudlala iigeyim zolwazi lokubala nolwazi lokufunda nokubhala neephazili, neebloko zamaplanga (*wooden blocks*), iisethi zokwakha izinto (*construction sets*), iincwadi zamabali neziyinyaniso (*fiction and non-fiction*), izixhobo zomculo neethoyi ezinamavili.

## Iziphumo zovavanyo

Uphando olungephi ngo-2011 lokulungela kwezikolo ukuqalisa ukufundisa abafundi abayi-3 428 babo bafundi ababesele bethathiwe kwiBakala 1 kwizikolo eziyi-200 bafumana ukuba i-70% yaba bafundi ibingekalungeli ngokufanelekileyo ukuya esikolweni. Ngo-2012 kukho ukugxininisa ekuqinisekiseni ukuba zonke iinkqubo zeBakala R zikumgangatho ofunekayo nokuba abafundi abaneminyaka engaphantsi kwemiselweyo abafuna inkxaso yeBakala R engaphezelu banikwa unyaka ongaphezelu kwiBakala R, ukwenzela ukwandisa amathuba abo okuphumelela kwiBakala 1.

### **Uphuhliso Iwezakhono zootitshala**

Iprakthishana ze-ECD eziyi-7 680 zizonke ngoku zifumana uqequesho nokuba kukwiinkqubo zoqhelaniso nomsebenzi zeECD iNqanaba 1, 4 no-5 olunikwa kwikholeji nganye kwiikholeji zeFET zaseNtshona Koloni eziyi-6. Abancedisi beeprakthishina zeECD abayi-180 baqalise ngoqequesho lwabo lokuqhelanisa nomsebenzi wabo weECD iNqanaba 1.

Abantu abangaqeshwanga abayi-648 baxhamle kwiprogram yeePrakthishina eziNcedisayo ze-ECD nabantu abongezelelweyo abayi-8 abaye bafakwa kwimvumelwano njengabasebenzi bezolawulo abancedisayo (*administrative support staff*). Iprogram yoqequesho IweNqanaba 1 lweenyanga eziyi-10 yabonelelwa kwiikholeji zeFET. ISbe iWCED langena kwimvumelwano nomboneleli-nkonzo ukuba avelise izinto zokufunda ezivuniwego zeNqanaba 1.

### **Izibonelelo zoncedo / enye inkxaso enikwayo**

Kwenziwe incwadana esetyenziswayo yolawulo Iwezemali (*financial management manual*) ukunika inkxaso iiKomiti zoLawulo IweZikolo (*School Management Teams*) ekusetyenzisweni ngempumelelo nangobuchule kolwabiwo lweenkxaso-mali.

Amagosa kwandlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo abeka esweni ukusetyenziswa kweenkxaso-mali kwizikolo zikarhulumente eziyi-150 nezikolo ezizimeleyo ze-ECD kwaye le nkqubo yokubeka esweni iya kwandiswa kunyaka-mali ozayo.

ISbe iWCED lifake igalelo ekwenzeni isicwangciso esidibeneyo sephondo soPhuhliso IweMfundu yaBantwana aBasaqalayo ngokusebenzisana namaSebe ezeMpilo neSebe lezoPhuhliso IweNtialo. limpawu eziphambili zibandakanya ukuqequesha kweeprakthishina ze-ECD, ii-SGB, abanyamekeli babantwana (*caregivers*), abazali, iinqununu zezikolo ze-ECD, abapheki nabasebenzi basezigadini ukuqinisekisa ulawulo ngempumelelo Iwezi zikolo nokuphucula ukwenziwa kwenkonzo ukwenzela ukuba kuxhamle abantwana ukususela ekuzalweni ukuya kwiminyaka emine yobudala.

## **INkubo 8: liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo (Auxiliary and Associated Services)**

**Injongo:** Ukubonelela amaziko emfundo ngokupheleleyo ngenkxaso

**IProgram yeeNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo inezi program zisekelayo zilandelayo:**

*lntlawulo ezenziwa kwiisETA*

- Ukubonelela ngophuhliso Iwezakhono zabasebenzi ngokungqinelanayo noMthetho woPhuhliso IweZakhono *liprojekthi zegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango*
- Ukubonelela iiprojekthi ezithile zeSebe leMfundu esiSiseko likazwelonke ezisebenza kwinkqubo engaphezu kwenye nezixhaswa ngeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

*Uviwo lwangaphandle*

- Ukubonelela ngeenkonzo zoviwo ezilawulwa lisebe

*Uqeqesho lootitshala*

- ukunceda ngokubonelela ngoottishala abaqeqeshiweyo nabanochule kumsebenzi wokufundisa

### **Injongo ezicwangciswe ngobuchule nezalathisi**

#### **IMilinganiselo yeProgram yeNtsebenzo (imilinganiselo kazwelonke)**

- PPM801: Inani labaviwa boviwo lwematriki IweBakala 12 (uviwo lwematriki)
- PPM802: Inani labaviwa boviwo Iwe-ABET NQF Level 4

ST801	liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo – Imiba ephambili	2009/10 Eyona kanye	2010/11 Eyona kanye	2011/12 Ithagethi	2011/12 Eyona kanye
<b>lintlawulo ngenkubo esekelayo (R'000)*</b>					
8.1 lntlawulo eziya kwSETA	4 604	4 926	5,256	5,256	
8.2 liprojekthi zegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango	14 626	14 440	16,388	14,088	
8.3 Uviwo Iwangaphandle	107 824	105 394	112,944	112,742	
<b>Itotali</b>	<b>127 054</b>	<b>124,760</b>	<b>134,588</b>	<b>132,086</b>	
<b>lintlawulo ngohlelo Iwezoqoqosho (R'000)*</b>					
Intlawulo yangoku	122 277	118,936	126,156	123,902	
Imbuyiselo yabaqeshwa	72,886	77,839	76,184	76,184	
Ootitshala	30,611	30,968	53,826	53,826	
Abangezotitshala	42,275	46,871	22,358	22,358	
Impahla neenkonzo nokunye	49 391	41,097	49,972	47,718	
limali ezihlawuliweyo ( <i>transfers</i> ) neenkxaso-mali	4 609	5 451	8,315	8,067	
lintlawulo zee-asethi i-capital assets	168	373	117	117	
<b>Itotali</b>	<b>127 054</b>	<b>124 760</b>	<b>134,588</b>	<b>132,086</b>	
<b>Ukuqeshwa kwabasebenzi</b>					
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	7	3	10	0	
Inani labangezotitshala	91	101	110	98	

ST801	liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo – Imiba ephambili (kuyaqhubeka)	2009/10	2010/11	2011/12	2011/12
		Eyona kanye	Eyona kanye	Ithagethi	Eyona kanye
<b>► Inkqubo yemilinganiselo yentsebenzo*</b>					
► PPM801: Inani labaviwa boviwo lwematriki lweBakala 12 (uviwo lwematriki)	44 931	45 783	43 000	39 988	
► PPM802: Inani labaviwa boviwo lwe-ABET NQF Level 4	1 527	1 783	2 000	3 338	
<b>Izalathisi zeprogram yentsebenzo*</b>					
► PPI 8.1. Inani leebhasari ezinikwe abafundi abazifaneleyo, iminyaka emine yokufunda kwiziko lemfundo kwiiHEI	120	137	200	168	
*Apha ngasezantsi kunikwe iinkcazo ngokungangqinelani kwengcaciso phakathi kweethagethi namanani kanye.					

<b>Inkqubo yeMilinganiselo yeNtsebenzo, iinjongo ezicwangciswe ngobuchule nezalathisi: Inkcazo ngokungangqinelani kwengcaciso</b>
► PPM801: Inani labaviwa boviwo lwematriki lweBakala 12 (uvivo lwematriki)
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 45 783
Ithagethi: 43 000
Elona kanye: 39 988
Inkcazo: Ubhaliso lulonke lweBakala 12 lwachatshazelwa luwiso-mthetho olwaluthintela abafundi abangaphantsi kweminyaka yobudala eyi-7 ababebhalisa kwiBakala 1 ngo-1999.
► PPM802: Inani labaviwa boviwo lwe-ABET NQF Level 4
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 1 783
Ithagethi: 2 000
Elona kanye: 3 338
Inkcazo: Kuye kwaggithiswa kwithagethi.
<b>Izalathisi zeprogram yentsebenzo</b>
PPI 8.1. Inani leebhasari eznikwe abafundi abazifaneleyo, iminyaka emine yokufunda kwiiHEI
Inani lentsusa (isiphumo esisiso kanye sika-2010/11): 137
Ithagethi: 200
Elona kanye: 168
Inkcazo: Bekungekho benzi-sicelo baneleyo bazifanelayo iikhrayitheriya zokukhethwa.

## Inkcazo

### limviwo

ISebe iWCED lilawula lize liqhube iimviwo ezibalulekileyo ezintlanu qho ngonyaka ngokungqinelana nemigaqo-nkqubo nemimiselo echaphazelekayo. Ezi mviwo zezi:

- i. Uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (ngo-Oktobha/Novemba);
- ii. Uviwo lokuXabangela lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (ngoFebruwari/Matshi ngonyaka ngamnye);;
- iii. Uviwo lweMatriki (ngoMeyi/Juni ngonyaka ngamnye ukuya kutsho ngo-2014);
- iv. Uviwo lwe-ABET Level 1-4 (ngoMeyi/Juni)
- v. Uviwo lwe-ABET Level 1-4 (ngo-Oktobha/Novemba)

Ngo-2011, uVavanyo loNyaka lukaZwelonke (*Annual National Assessments*) lwabhalwa kumabakala 1-6 no-9. La maphepha emibuzo oviwo asetwa liSebe leMfundu esiSiseko athunyelwa kumaphondo ngenjongo yezolawulo.

Ukhuseleko loviwo lubalulekile kakhulu. Zonke iinkqubo nemigaqo ilawulwa ngokomthetho ochaphazelekayo. linqununu zezikolo ziqeleshelwa ukulawula inkqubo yoviwo ngendlela eya kwenza ukuba kungabikho ziganeko zenzekayo ezinokuphazamisa ukuthembakala okanye ukhuseleko loviwo. Zonke izikolo ezifundisa iMatriki zalandela ngqo umyalelo wokugesha ilungu leKomiti yoLawulo lweSikolo njengomgadi wabaviwa kuviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke sika-2011. Kwixesha elidlulileyo abagadi babaviwa babenzelotitshala esikolweni koko babeqeshwa bevela ngaphandle okanye bengabagadi babaviwa abangabahlali baloo ndawo inesikolo. Umgadi wabaviwa oqeshwe sisikolo wayenoxanduva ngokupheleleyo loviwo Iwango-2011 nalapho umgadi wabaviwa wasekuhlaleni wayesebenza njengomcebisi (*mentor*). Amashumi amahlanu eepesenti abagadi babaviwa boviwo lwebakala 12 ayeqeshwe esikolweni eso baze abanye abayi-50% babe ngabahlali baloo ndawo inesikolo okokuqala ngqa eNtshona Koloni. Kwaqhutywa uqeleshwa olubanzi nabagadi babaviwa ngo-2011 olwabonelelwabagadi babaviwa abaziintloko neenqununu ngamagosa akwaNdunkulu.

Uviwo IweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke lufuna ukulawulwa kwamaziko oviwo amalunga ne-420, ukuqeshwa kwabamakishi abayi-3 500 nokumakishwa kweempendulo zamaphepha ezimalunga ne-800 000 kwithuba leentsuku eziyi-8.

Kwaqhutya uvavanyo lobuchule kwababenze izicelo zokumakisha kwizifundo ezsixhenxe ngo-2011 kwinyathelo lokuqinisekisa ukumakishwa okuphculwego. Izifundo ekwakubhalwe kuzo uvavanyo lobuchule yayiyi-*Accounting, Business Studies, Geography, History, Life Sciences, Mathematics, ne-Physical Sciences*. Ubungqina bokuphucuka kobuchule baqapheleka ekuncipheni kweempazamo zabamakishi ngethuba lenkqubo yokumakisha kwakhona.

Akuzange kubekho zitenxo zininzi zenzekayo zichaphazela ukuthembakala koviwo.

Kwitheko lokuwonga ngamabhaso elalingoJanuwari 2012, amabhaso okuwonga nezatifikethi zanikwa abaviwa abayi-45 nezikolo eziyi-52 ngenxa yokuphumelela ngokugqwsa okanye ukuphucula kumacandelo amabhaso okuwonga acacisiweyo

#### *libhasari*

Ukwandisa inani lootitshala beMathematika neSayensi abaneziqinisekiso (*qualified*), iSebe iWCED lakhupha iibhasari zokufunda ungekaphangeli (*pre-service bursaries*) eziyi-109 njengento elaligxile kuyo ngo-2011 ngolu hlobo lulanelayo: zaziyi-19 ezabeSigaba seSiseko, ziyi-54 ezeSigaba esiPhakathi zize zibe yi-36 ezeSigaba esiPhakamileyo nezabafundi beFET. Kwabakho abayi-31 ababeneebhasari zeSebe iWCED abaggiba izifundo zabo ngoDisemba 2011.

NgoJanuwari 2012, kongezelelwa abafumana iibhasari abayi-90, oko kwanyusa itotali yaya kutsho ku-168.

libhasari zabo bafunda bengekaphangeli ngoku zixhaswa ngemali phantsi kweProgram 2, apho enye ingcaciso ngebasari idweliswe khona. Kunikwe ingxelo yayo apha ukwenzela ukuba ingqinelane nethagethi emiselweyo kwiSicwangciso seNtsebenzo soNyaka sika-2011/12.

## **I**Candelo 3 – IINgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements*)

IINgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi ( <i>Audit Committee</i> ) .....	101
IINgxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso IweMali ( <i>Accounting Officer</i> ).....	105
IINgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele ( <i>Auditor General</i> ) .....	117
IINgxelo yoLwabiwo-mali ( <i>Appropriation Statement</i> ).....	124
IINgcaciso ehamba neIINgxelo yowlabiwo-mali .....	134
IINgxelo yokuSetyenziswa kwemali ( <i>Statement of financial performance</i> ) .....	136
IINgxelo yoBume bemali ( <i>Statement of financial position</i> ) .....	137
IINgxelo yokuTshintsha kwii-asethi ii-net assets .....	138
IINgxelo yokuNgena nokuphuma kwemali ( <i>Cash flow statement</i> ).....	139
IIngxelo yemigaqo-nkqubo yokulawulwa kwemali ( <i>Statement of accounting policies</i> ) .....	140
IINgcaciso ( <i>notes</i> ) ehamba nengxelo yonyaka yokusetyenziswa kwemali.....	149
IINgcaciso echaza amatyala ( <i>disclosure notes</i> ) kwingxelo zemali zonyaka.....	158
IziHlomelo ( <i>unaudited supplementary schedules</i> ).....	174

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

#### 1. Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi (emva koku eya kubizwa iKomiti) inovuyo ukwandlala ingxelo yayo kunyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2012.

#### 2. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nokubakho kwawo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inala malungu alandelayo ekukhethwa kuwo usihlalo wayo. Onke la malungu anezakhono namava afanalekileyo yaye xa ewonke anawo amabanga emfundu namava afanelekileyo ukufezekisa imisebenzi yawo.

IKomiti kufuneka ihlangane ubuncinane amaxesha amane ngonyaka njengommiselo ovuniweyo (*terms of reference*). Enyakeni zintandathu iintlanganiso ebezibaniwe

Ilungu	Ilikhomenti	Inani leentlanganiso ekuyiweyo kuzo
Ms Z Abrams	Ilungu elinyulwe ithuba leminyaka emi-3 ukususela kwi-1 Januwari 2011	6
Prof E Calitz	Ilungu elinyulwe ithuba leminyaka emi-3 ukususela nge-1 Januwari 2010.	6
Mr RI Kingwill	Ilungu elinyulwe ithuba leminyaka emi-3 ukususela kwi-1 Januwari 2011.	6
Mr L Mdunyelwa	Ilungu eliphinde lanyulwa ithuba leminyaka emi-3 okwesibini ukususela kwi-1 Oktobha 2011	5
Mr L Nene	Ilungu elinyulwe ithuba leminyaka emi-3 ukususela kwi-1 Januwari 2011.	5

Izingxengxezo zingenisiwe zaza zamkelwa kwiintlanganiso ekungakhange kuyiwe kuzo. Ikhoram yamalungu yayikho kuzo zonke iintlanganiso.

#### 3. Umsebenzi weKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti inika ingxelo yokuba iyithobele imigaqo emalunga nemisebenzi yayo ngokwesiqendu 38(1)(a) se-PFMA ne-*Treasury Regulation 3.1*.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ikwanike nengxelo yokuba isebezise imigaqo efanelekileyo (*appropriate formal terms of reference*) njengeTshatha yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, yaye ilawule imicimbi yayo ngokungqinelana nale tshatha yaza yenza yonke imisebenzi yayo njengoko iqulethwe aphoon kuyo.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

#### 4. Ukusebenza ngempumelelo kolawulo Iwangaphakathi

Ngokungqinelana ne-PFMA nokuthathela ingqalelo i-King III Report malunga neemfuno zikaRhulumente weNtsebenziswano (Corporate Governance), uPhicotho-zincwadi Iwangaphakathi (*Internal Audit*) lunika iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (*Audit Committee and Management*) ingqiniseko yokuba iinkqubo zolawulo zangaphakathi (*internal controls*) zifanelekile yaye ziyimpumelelo. Oku kufezekiswe ngesicwangciso esisekelwe kwinkcitho eyilahleko (*risk-based Internal Audit Plan*) noPhicotho IwaNgaphakathi (*Internal Audit*) oluvavanya ukufaneleka kweenkubo zolawulo ezinciphisa inkcitho eyilahleko, nokubekwa esweni kwamanyathelo ophunyezo lokulungisa imeko ngabaphathey.

IKomiti izijongisisile iingxelo zaBaphicothi-zincwadi baNgaphakathi (*Internal Auditors*), ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele neeNxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial statements*) nengxelo yolawulo. IKomiti iqaphele ukusilela kwinkqubo zolawulo Iwangaphakathi ekubhekiswa kuzo kule ngxelo yaye iyaqhube ka nokubeka esweni ukuphunyeza kwamanyathelo okulungiswa kwemeko ngabaphethey.

##### 4.1 **linkalo ezigxininiweyo ukulungiselela ukuphuculwa luPhicotho IwaNgaphakathi (Internal Audit)**

Apha enyakeni, ukungasebenzi kakuhle kolawulo kwaqtshelwa luPhicotho IwangaPhakathi (*Internal Audit*) kwezi nkalo zilandelayo:

- IsiCwangciso i-Labour Unrest Contingency Planning
- Ulawulo Iweemviwo
- limali ezihlawulwa ngoamatshini (*Transfer payments*)
- lingxelo zoKusetyenziswa kweMali zeThutyana (*Interim Financial Statements*)
- Ulawulo Iwamatyala.

Amanyathelo okulungisa imeko sele kuvunyelwene ngawo ngabalawuli nabekwe esweni yile Komiti.

##### 4.2 **Umgangatho weengxelo zokubeka esweni neengxelo zenqubela zenyanga/zekota (the quality of in-year-monitoring and monthly/quarterly progress reports) ezingeniswa ngokwe-Public Finance Management Act (PMFA) ne-Division of Revenue Act**

IKomiti ijongsise ukubeka esweni okwenziwa liSebe lwalla maxwebhu (*in-year monitoring (IYM)*) nengxelo zekota ii-quarterly performance report (QPR) yaye ezi ngxelo ziyangqinelana neemfuno zoMthetho we-PFMA ne-Division of Revenue Act njengoko kufanelekile. lingcebiso ezenziwe kwiSebe ziyalandeletwa ekuhlolweni kweengxelo okuya kulandela. lingxelo zekota kwiikota ezintathu zokuqala zandlaliwe (*have been tabled*) kwiintlanganiso zekomiti yophicotho apha enyakeni. linkalo zokuphucula imeko malunga neenjongo esezi zimiselwe (*predetermined objectives*) ezacetyiswa nguMphicothi-zincwadi Jikelele, ziya kubekwa esweni qho ngekota.

##### 4.3 **I-Enterprise Risk Management (ERM)**

Kwensiwe inkqubela ngakumbi apha enyakeni malunga nokuphunyeza kwe-Enterprise Wide Risk Management (ERM) nokungqinelana kwayo neenkitho eziyahleko ephambili zeSebe. IKomiti iya kubeka esweni inkqubela engaphezelu qho ngekota kwiphulo layo lokusukela inkqubo yoqinisekiso ehlanganisiweyo.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

#### 5. Ukuholowa kweNgxelo zoKusetyenziswa kweMali

IKomiti :

ihlolisise yaza yaxoxa noMphicothi-zincwadi Jikelele neGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ngeeNgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements*) eziza kubandakanywa kwiNgxelo yoNyaka;

- ihlolisise i-Auditor-General's *Management Report* nempendulo yabaphathi ngokubhekiselele kuyo;
- ihlolisise iinguqu kwimigaqo-nkqubo yeze-akhawuntingi neenkqubo njengoko kwenziwe ingxelo kwiiNgxelo-mali zoNyaka;
- ihlolisise iinkqubo zeSebe zokungqinelana nemigaqo nemithetho elawulayo (*legal and regulatory provisions*);
- ihlolisise ingcaciso emalunga neenjongo esezi zimiselwe njengoko kucacisiwe kwingxelo yonyaka;
- ihlolisise uhlenga-hlengiso olubalulekileyo olubangelwe lolu phicotho yaye
- ihlolisise yaye apho kufanelekileyo yacebisa ngeenguqu kwiingxelo-mali zethutyana njengoko zandlalwe kwiSebe okweenyanga ezintandathu eziphele nge-30 Septemba 2011.

IKomiti iyavumelana yaye iyazamkela iziggibo zoMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neNgxelo-mali yoNyaka. IKomiti iyazamkela iziphumo zokungathotyelwa kwemimiselo kaNondyebo kwirejista yee-asethi (*asset register*) ngenxa yemigaqo-nkqubo yeze-akhawuntingi etshintshiwego ngokumalunga neeklasi eziziimobhayili, kodwa ikwaqaphela ukuba iSebe alikhange lifumane naziphi na iziphumo zophicothi-zincwadi zokungathotyelwa kwemimiselo xa kusetyenziswa umgaqo-nkqubo wangaphambili, nowawufuna ukucaciswa kweendleko okupheleleyo kwee-asethi ezilolu hlobo kunyaka wokuthengwa kwazo. IKomiti iyaziqaphela iikhomenti zoMphicothi-zincwadi Jikelele ngokumalunga nendima yokongamela yale Komiti yaye iqhuba iingxoxo zokufumana ingcaciso ecace gca ngezinto ezilindeleke kuMphicothi-zincwadi Jikelele. Ngaphandle koko, le Komiti iphakamisa ukuba iiNgxelo-mali zoNyaka eziphicothiweyo mazamkelwe yaye zifundwe kune nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

Ngokususela ekuhlolisisweni nakwiingxoxo ezikhankanywe kwimihlathi engaphambili, IKomiti yoPhicothi-zincwadi yacebisa ukuba iingxelo-mali eziphicothiweyo mazibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka yeSebe kunyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2012.

ISebe lingenise isicwangciso sokuza kwenziwa ukujongana nokuqhube kakubikwalo olubenesiphumo sophicothi-zincwadi olunamakhwiniba (*qualified audit*) yaye iKomiti iya kubeka esweni ukuphunyezwu kwaso.

#### 6. Uphicothi-zincwadi Iwangaphakathi

IKomiti inika ingxelo yokuba iinkalo ezine kwezisixhenxe ezicwangcisiweyo zesicwangciso esivuniweyo se-*Internal Audit plan* zandlalwa ukususela nge-31 March 2012. Kwezi ngxelo ziseleyo, ezimbini zandlalwa emva kokuphela konyaka yaye intsaleda yadluliselwa kumjikelo wokunika ingxelo olandelayo.

Njengoko kunikwe ingxelo kunyaka ongaphambili, IKomiti inoluvo lokuba kufuneka olunye uphicothi-zincwadi (*further audit coverage*) nokuba kukho imfuno yokongezwa kwabasebenzi ukunika inkxaso eyandisiweyo kwiinkalo zenkcitho eyilahleko ezizezinye okwandileyo (*increased coverage of further high risk areas.*)

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

#### 7. UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene noMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*Auditor-General South Africa*) ukuqinisekisa ukuba akukho mibandela ingasonjululwanga ethe yabangelwa yimithetho elawula uphicotho (*regulatory audit*). Amanyathelo okulungisa imeko ngeziphumo ezicacisa iinkukacha ezininzi (*detailed findings*) ezibangelwe yimithetho elawula uphicotho olukhoyo njengangoku (*current regulatory audit*) aya kubekwa esweni yiKomiti qho ngekota.

#### 8. Umbulelo

IKomiti inqwenela ukuvakalisa umbulelo kumagosa eSebe, kuMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*Auditor-General South Africa*) nakwiYunithi yoPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi (*Internal Audit Unit*) ngentsebenziswano nengcaciso abayinikileyo eyenze sabanako ukwenza le ngxelo.



Estian Calitz  
USihlalo  
weKomiti yoPhicotho-zincwadi  
weSebe leMfundu leNtshona Koloni  
14 Agasti 2012

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Ingxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso IweMali eliyenza kwiSigqeba soLawulo (*Executive Authority*) nakwiNdlu yoWiso-mithetho yePhondo (*Provincial Legislature*) yeRiphabliko yoMzantsi Afrika.

**1. Ukuphononongwa ngokubanzi kwemiba yemali**

ISebe iWCED lajongana noxinzelelo Iwezemali kwithuba eliphantsi koqwalaselo ubukhulu becalo ngenxa yokwanda kwebhili yemivuzo (*salary bill*) okubangelwe luhlenga-hlengiso olunxulumene nokuhla nokunyuka kwamandla emali (*inflation adjustments*). Oku kube nesiphumo sokuba kuhlolisise imiba ephambili. Ngokukhupha izintlu ezintlanu zezithuba nokunciphisa ukufumba komsebenzi ongekenziwa kwiimeko zePIL/R, kubekho impumelelo eyenzakayo ngokumalunga noku. Isebe likwahlolisise iiprojekthi ebelizilawula laze laqwalasela ifuthe lazo kwiziphumo zokufunda. Oku kwensiwa ukuze kuthathelwe ingqalelo igalelo lazo ekuphuculeni umgangatho wokufunda nokufundisa.

Ekuqaleni konyaka wesikolo ka-2012 bekukho ukwanda kumanani abafundi. Oku kwanda kongeze umthwalo wezemali ongaphezulu kwizibonelelo zesebe.

ISebe liya kuqhubeka ngokwabela izinto eziphambili imali, ekuzezi, iziseko zophuhliso, iincwadi zezfundo nabasebenzi ngokungqinelana neenjongo ezicwangciswe ngobuchule ezimiselwe lisebe kwiminyaka emithathu eyadlulayo.

Xa kujongwe imeko yezoqoqosho, izikolo ezikumanqanaba entlupheko 4 no-5 kuzwelonke zaseNtshona Koloni ziqaqhubeka nokujongana noxinzelelo Iwezemali ngenxa yokuhla nokunyuka kwamandla emali nangenxa yezinye iimeko zezoqoqosho. ISebe lacima amatyala athile izikolo ezikhethiweyo ukwenzela ukuba zibenako ukuhlangabezana nemisebenzi eziimbopheleleko zazo zethuba eliphakathi. Umgao-nkqubo omalunga nembuyiselo kwiintlawulo zokuxolelwu ukuhlawula iifizi waphunyezwa nawo yaye wabangela ukuba izikolo zamanqanaba 4 no-5 entlupheko zizibuyise iindleko ezithe zenzenka. Ukuthengwa kweencwadi zezfundo ezininzi ngaxeshanye (*bulk buying*) kumabakala athile kuncede izikolo ukuba zinciphise uxinzelelo oluthile ngokumakunga neendleko.

ISebe lichithe i-99,9% yebhajethi ehlenga-hlengisiweyo. Ithagethi emiselwe nguNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury*) kukuba amasebe afanele angachithi iimali ngaphantsi okanye ngaphezulu kwebhajethi nkqu nange-1%. Inkitho ebengaphantsi kokulindelekileyo (*under expenditure*) ifikelele kwizigidi ezingama-R15,9m

*Izizathu zokungachithi yonke imali zezi zilandelayo:*

- Yi-R804 000 kwigranti ephuma ngokwemiqathango ethile yeProgram yoKutyisa aBantwana yeZikolo (*National School Nutrition Programme*). Isixa esabelwe iziqhamo nemifuno ezifreshi ezabonelelwu ngenyanga ka-Matshi 2012, kodwa ii-invoyisi azange zangeniswa ngexesha ukuze zihlawulwe.
- Isixa esizizigidi eziyi-R6.914m kwiiprojekthi zokwakha izikolo (*capital projects*) ezingakhange zigqitywe phambi kokuphela konyaka-mali. Ezi mali zabelwe iiprojekthi ezikhoyo zendawo ezii-ofisi ii-Education District Central offices.
- Izigidi eziyi-R2.292m kwi-LTSM (iincwadi zezfundo) ngenxa yee-invoyisi ezingangeniswanga ezifunyenwe mva nezingafakwanga kwi-BAS phambi kwe-31 Matshi 2012.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Makuqatshelwe ukuba zonke ezi ziiprojekthi ziiprojekthi ezabelwe imali (*committed projects*) yaye isicelo sokuduliselwa kunyaka olandelayo kweemali ezichithwe ngaphantsi kokulindelekileyo singeniswe kwi-Ofisi kaNondyebo wePhondo.

*lntlawulo:*

UNondyebo wePhondo uvume ezi ntlawulo zilandelayo phakathi kwamacandelo amakhulu kwiMali eyabiwego:

Ukutshintshwa kwe-R25 099 000 ukusuka kwiprogram 1 ukuya kwiprogram 2 ngenxa yolondolozo olungxamisekileyo lwezakhiwo neemfuno zeLTSM kwizikolo zikarhulumente.

Ukutshintshwa kwe-R13 718 000 isuswe kwiprogram 4 isiwe kwiprogram 2 ngenxa yokwandisa kweeklasi, ifanitshala yezikolo engxamisekileyo nemfuno yezixhobo kwizikolo zikarhulumente.

Ukutshintshwa kwe-R821 000 isuswe kwiprogram 6 isiwe kwiprogram 2 ngenxa yeemfuno zolondolozo lwezakhiwo olungxamisekileyo kwizikolo zikarhulumente.

Ukutshintshwa kwe-R 7 680 000 isuswe kwiprogram 7 isiwe kwiprogram 2 ngenxa yeemfuno zokwandisa kweeklasi kwizikolo zikarhulumente.

Ukutshintshwa kwe-R922 000 isuswe kwiprogram 8 isiwe kwiprogram 2 ngenxa yeemfuno zolondolozo lwezakhiwo olungxamisekileyo kwizikolo zikarhulumente.

## **2. Inkonzo eyenziwa lisebe**

### **2.1 Umgaqo-nkqubo wentlawulo (*Tariff policy*)**

ISebe libiza imali ngeenkonzo ezinxulumene neemviwo, ezinjengokumakishwa kweencwadi zeependulo, izicelo zekopi zesatifikhethi sematriki, njl.njl., ntlawulo ezo ezimiselwa liSebe leMfundu esiSiseko.

### **2.2 Inkonzo zasimahla**

Isebe alenzi nayiphi na inkonzo yamahala ebinokuthi yenze ingeniso ebonakalayo.

### **2.3 li-inventri (*Inventories*)**

I-inventri eyayikho ekupheleni konyaka-mali yayibandakanya iMisebenzi esaQhubekayo (*Work-in-Progress*) (*WIP*) enxulumene neemvumelwano zokwakha. I-WIP engumsebenzi osaqhubekayo ichazwa njengeemvumelwano zokwakha ekwenziwe inkonzo zazo. Nakuba kunjalo, iimali ezsagciniweyo kusafuneka zihlawulwe, njengoko kwakuvunyelwene nomthengisi ngokumalunga nemigqaliselo yemvumelwano. Isixa-mali se-WIP zizigidi eziyi-R555,9m kulo nyaka-mali uphantsi koqwalasel.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO  
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

**3. Izithintelo ekuphumezeni umsebenzi (*Capacity constraints*)**

Izikolo zijongene nemingeni yokufumana izakhono nabasebenzi abaqeqeshwe ngokufanelekileyo kwizifundo ezithile. Izifundo ezifana nemathematika nesayensi zijongene nokunqongophala okuxhomisa amehlo. ISebe likwanesikim sebhasari esihlangabezana nalo mngeni ngokuyinxeny. Nakuba kunjalo iSebe leMfundu esiSiseko likwaphanda ngezisombululo ezinokusetyenziswa kule meko. Kwithuba elifutshane isebe libonelela ngeprogram eyi-*telematics broadcast programme* ukunika uncedo abafundi beBakala 12 kwezo zifundo zibaluleke gqitha. Ukufakwa ezithubeni kwababenikwe ibhasari *ii-Fundza Lushaka bursary holders*, abanezo zakhono kufumana uqwalaselo oluhlaziywego. Isebe lenze idrafti yesicwangciso se*Mathematics and Science*, esinokunceda koku.

**4. Ukusetyenziswa kweezipho-mali zabaxhasi (*donor funds*)**

ISebe leMfundu alifumananga naziphi na iimali zabaxhasi ezibonakalayo.

**5. Amaziko ezoshishino namaziko karhulumente (*Trading entities and Public entities*)**

ISebe leMfundu alinawo nawaphi na amaziko anjengala maziko.

**6. Amaziko asele ekhutshelwe iintlawulo**

Uluhlu Iwamaziko enzelwe iintlawulo kunikwe ingxelo ngawo kwisiHlomelo 1A - D seeNgxelo-mali zoNyaka.

Iintlawulo zenziwa kumaziko emfundu ngokweMithetho yePalamente echaphazelekayo elawula zona. Umzekelo, iintlawulo zihlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokwemimiselo nemigangatho, njengoko kumiselwe kuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act*), ofakelwe izilungiso. Uyacelwa ukuba ufunde isiHlomelo 1B ukufumana ingcaciso engaphezulu ngoohlolo ngalunye Iwamaziko emfundu.

ISebe lisebenzisa ngokungqongqo iSiqendu 38(i)(j) se*PFMA* aphi amaziko emfundu afumana iintlawulo, kufuneka eze nobungqina bokuba ayisebenzisela loo mali iinjongo ebikhutshelwe zona. Apha amaziko emfundu achaphazelekayo kufuneka avakalise oku aze asayine isatifikethi esilolu hlobo phambi kokuba kwensiwe iintlawulo ezilandelayo. Ngaphezulu, ngokomthetho ochaphazelekayo ophathelele kwelo ziko lemfundu, akwanoxanduva kanjalo lokungenisa iingxelo zemali eziphicothiweyo (*audited financial statements*) zawo ungadlulanga umhla obekiwego wokuphonononga nokuthotyelwa komthetho. li-Ofisi zeZithili zeMfundu zinika ingqwalasela eyodwa uphuhliso lwezakhono zokwenza lo msebenzi ezikolweni yaye zikwanika nenkxaso eqhubeka okokoko. Le nkqubo ibekwe esweni okokoko.

**7. Intsebenziswano namaziko abucala norhulumente (*public private partnerships*) (PPP)**

ISebe alikangeni kuyo nayiphi na imvumelwano elolu hlobo.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO  
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI  
Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

**8. Iimvumelwano zolawulo lwamaqumrhu (*Corporate governance arrangements*)**

Ukungqinelana neNgxelo *iKing III Report*, uphicotho-zincwadi lwangaphakathi lulanlele inkqubo yokulwa ilahleko ukunceda abalawuli ekufikeleleni kwiinjongo zesebe.

Inkqubo yokulwa ilahleko ifuna ukujongwa kwayo yonke ilahleko eqaphelekayo, kodwa ayiphelelanga ekujoliseni kwilahleko yosetyenziso lwemali nelahleko engabangela iingxaki kwizicwangciso.

Uhlolo lwenkcitho eyilahleko olucwangciswe ngobuchule (*strategic risk assessment*) lwagitywa lwaza lwaqwalaselwa ngabaphetheyo. Lwaggitywa uhlolo lweNkcitho eyiLahleko (*Operational Risk Assessment*).

ISBebe linayo ikomiti yoPhicotho-zincwadi (*Audit Committee*), enamatlungu azimeleyo. Njengangoku ikunyaka wayo wesibhozo (8) isezenza. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi ihlangana qho, kwaye ibamba iingxoxo nabalawuli abakhulu neSigqeba soLawulo (*Executive Authority*).

Umsebenzi weYunithi yoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi (*Internal Audit Unit*), i-Ofisi yoMphicothi-zincwadi Jikelele neYunithi i-*Forensic Investigative Unit*, kukunika ingxelo ngqo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi njengababoneleli-nkonzo bengqinisekiso (*assurance providers*).

ISBebe line-*Enterprise Risk Assessment Unit*. ISBebe lineKomiti i-*Enterprise Risk Management committee* eyenziwa yiNtloko yeSebe namasekela-balawuli jikelele. Ihlangana kube kanye ngekota ukuthathela ingqalelo ilahleko ezijongene nesebe yaye iqulunqe izicwangciso zokunciphisa oku. Kukwaqwalaselwa ngexeshanye ilahleko zokwenziwa komsebenzi (*operational risks*). ISBebe lenza iRisk Policy Framework lidibene noNdyebo wePhondo. Umgaqo-nkqubo wokulawula ilahleko uya kutshintshwa ubo ngumgaqo-nkqubo wophengululo lwelahleko ebangelwa lurhwaphilizo (*fraud risk assessment policy*). Isebe linesicwangciso sokuthintela urhwaphilizo (*fraud prevention plan*).

Qho ngonyaka okanye njengoko iimeko zitshintsha, kufuneka abaphathi abakhulu bazalise baze bangenise ingxelo ebhalwe ‘Akukho kungqubano kweemfuno zokudlelela abanye’ (*No conflict of Interest*) njengoko ziye zitshintshe iimeko. Onke amalungu ekomiti yokhuphiswano ngamaxabiso nabasebenzi beCandelo loLawulo lokuThengwa kweeNkonzo neeMpahla (*Supply Chain Management*) kufuneka kwakhona baxele naluphi na ungqubano lweemfuno zokudlelela abanye. ISBebe ngoku likwafuna ukuba zonke inkampani ezikhuphisana ngamaxabiso (*bidders*), zivakalise unxulumano lwazo olunokubakho kunye nabaqeshi okanye nabaqeshwa. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nawo kufuneka angenise iingxelo zavo ezithi ‘Akukho kungqubana kweemfuno zokudlelela abanye’.

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mngeni uphambili kwaye iSebe limisele iikomiti zentsebenziswano namanye amasebe ephondo achaphazelekayo ukujongana nalo mba. Ukuthatha inxaxheba kwabahlali kuhlala kungumba ophambili kumlo ochasene nobundlobongela obuchaphazela izikolo zethu ezisengozini. ISBebe lineekhamera ii-CCTV cameras kwizikolo ezithile ukwenzela ukuba iinqununu zezikolo zibeke esweni okuqhubekeyo.

**9. Imisebenzi eyekiwego / imisebenzi ekungasazi kuqhutiekwa nayo**

Ayikho

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

**10. Imisebenzi emitsha /ecetywayo**

Ayikho

**11. Ulawulo lwee-asethi**

ISebe liziphumeze zonke izigaba ezibalulekileyo (*milestones*), njengoko kucaciwiwe kwii-Asset Management Reforms. Inkubo yokungqinisiswa kwee-asethi yenziwa qho kunyaka wesibini ukuqinisekisa ukuphucula okokoko imeko. Zonke ii-asethi ziye zafakwa kwirejista yee-asethi yaze imeko/ubume nge-asethi nganye yarekhodwa.

**12. Iziganeko zasemva komhla wokufakwa kwengxelo**

Azikho

**13. Ingaciso ngokwenziwa komsebenzi**

Ingaciso ngokwenziwa komsebenzi irekhodwa qho ngekota ize ingeniswe kwi-Ofisi kaNondyebo wePhondo. Ukuphucula ukwazi ukuphendula ngoxanduva lwalo nokwenzela izinto ekuhleni (*accountability and transparency*), ISebe lenze izalathi-nkqubela zalo ukongeza kwezo zifunwa nguNondyebo wePhondo. Ezi zalathi-nkqubela zibekwe esweni rhoqo. Nakuba kunjalo, uninzi lwazo ziithagethi zaqho ngonyaka.

Ilistim ezikhoyo ngoku ikakhulu yi-Central Education Management Information System (CEMIS) ebonelela ngedatha yabafundi, iPERSAL ebonelela ngedatha yeenombolo zabasebenzi (*personnel numbers*) nenkcitho. I-Basic Accounting System (BAS) isetyenziselwa ukubonelela ngedatha yenkcitho neyengeniso.

**14. Izigqibo zeSCOPA**

Izigqibo zeSCOPA kunyaka-mali omiyo njengoko zndlaliwe.

Okubhekiselele kwingxelo yangaphambili yokuphicothwa kweencwadi nezigqibo zeSCOPA	Umba	Iziphumo zenkqubela eyenziweyo
Ingxelo yeSCOPA yomhla we-25 Matshi 2010	ISebe kungafuneka liphendule malunga nee-akhawunti ezicinyiweyo ( <i>write-offs</i> ) ngokumalunga nenkcitho engenanzuzo neyilahleko ebhekiselele kwiiprojekthi zeziseko zophuhliso ( <i>infrastructure projects</i> ). Isiphumo sokuggibela salo mbandela asinakuqinisekisa njengangoku kwaye akukho malungiselelo ayo nayiphi na inkcitho engenanzuzo neyilahleko ( <i>fruitless and wasteful expenditure</i> ) engakhona kwiingxelo zemali. Ilahleko ngenxa yokurhoxiswa kweem-vumelwano ithathwa njengenkitho engenanzuzo neyilahleko.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. Isebe libandakanye amanqaku kwingxelo yezemali ngokubhekiselele ekubeni isixamali esiyi-R1,75 yezigidi, sele siqtshelwe njengenkitho engenanzuzo neyilahleko enokwenzeka. Oku sele kuza kugqitywa.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Okubhekiselele kwinxelo yangaphambili yokuphicothwa kweencwadi neziggibo zeSCOPA	Umba	Iziphumo zenqubela eyenziweyo
	<p>Kuye kwakho ubunzima ngethuba lophicotho-zincwadi ngokubhekiselele ekulibazisekeni okanye ekungafumaneki kwengcaciso efuniweyo.</p> <p>Oku kubonisa imeko yokungabikho kwenqubo yokubeka esweni neyokusuphavayiza eqhubeka okokoko kwakunye nokungabikho kwemisebenzi yolawulo ngempumelelo emalunga nokufumaneka kwengcaciso elindelekileyo. Amaxwebhu emvumelwano kunye okanye eethenda angaduka (<i>misplaced</i>) kuze kwenziwe intlawulo engangqinelaniyo neemfuno zemvumelwano okanye nengcaciso yokhuphiswano ngamaxabiso (<i>bid information</i>) okanye namaxwebhu eethenda.</p>	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. ISebe liphumeze ulawulo ngokumalunga nokuqokelelwa kwamaxwebhu emithombo ( <i>source documentation</i> ), nokukwabekwe esweni qho ngenyanga.
	Iziggibo zeSCOPA azikaphunyezwa ubukhulu becalo. Ukuba amanyathelo olungiso awathathwanga ngokweziggibo zeSCOPA, kunokwenzeka ukuba iimpazamo neenkubo zangaphambili ziphinde zenzeke.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. ISebe lenze inkubela ebonakalayo ngokumalunga noku
Ingxelo yeSCOPA yomhla we-30 Juni 2011	Ukulibaziseka ekusiweni kweziseko zophuhliso makuphandwe yaye kuqwalaselwe ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. Isebe liziphucule iinkqubo zalo malunga nokucwangcisela isiseko zophuhliso ukuthintela ulibaziseko.
	Umba wabaqeshwa abaqhuba ushishino norhulumente weNtshona Koloni makuqwalaselwe yaye kuggitywe ngawo ngokukhauwulezileyo ukuthintela nakuphi na ukwenzeka koku kwixa elizayo.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	Ukufilela kwigumbi le-server ( <i>server room</i> ) kufanele ukuba nemiqathango umzekelo ngokuthi kufakelwe ifasilithi i-swipe card facility. liloko ii-magnetic card locks kufanele zifakte kwiingcango zamaziko edatha ( <i>data centre doors</i> ) ukuthintela ufilelo kwakunye neekhamera zokubeka esweni abasebenzi abangena kwi-server room. Yonke idatha kufanele ikhutshelwe igcinwe kwenye imo ( <i>be backed up</i> ) yonke imihla, qho ngeveki naqho ngenyanga. lindlela zokugcina idatha mazivavanywe ngamathuba athile ukuqinisekisa ukuba idatha egcinwe kwenye imo ( <i>backup data</i> ) iyasebenza.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Okubhekiselele kwingxelo yangaphambili yokuphicothwa kweencwadi neziggibo zeSCOPA	Umba	Iziphumo zenqubela eyenziweyo
	lifom zabasebenzi kufanele zicacise amalungelo abasebenzisi ayimfuneko nasetyenzisiweyo.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. ISBe alikhange lomeleze ezinye iinkubo zolawulo.
	lifom zabasebenzi kufanele zicacise amalungelo abasebenzisi ayimfuneko nasetyenzisiweyo.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. ISBe alikhange lomeleze ezinye iinkubo zolawulo.
	lisethiingi ii-standardised logical security settings maziphunyezwé kwii-network and other relevant applications.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti. ISBe alikhange lomeleze ezinye iinkubo zolawulo.
Ingxelo yeSCOPA yomhla we-9 Matshi 2012	I-backup log kufanelwe igcinwe kuzo zonke ii-backups ezenziweyo kwii-database servers ezigcinwe e-SITA Western Cape. I-log kufanelle ibandakanye i-backup restoration and testing eyenziwa ngamathuba athile yaye mayijongisiswe kwakhona ngokuzimeleyo ngamathuba athile ukuze ubungqina boko bugcinwe.	
	lisistim zolawulo Iwangaphakathi ii-internal control systems nolawulo Iweeprojekthi IweSebe maluphuculwe;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	Isabe liyanelseka kukuncipha kwereyithi yezithuba zengqesho ngokwento yonke (overall vacancy rate); nakuba kunjalo lica-cise inkhalabo yalo ngezithuba zengqesho ezingenabantu kwizithuba zabalawuli abakhulu umzekelo ese-DDG: Corporate Services esiphinde saqwalaselwa kwakhona ngo-Novemba 2011. Kukwakho izithuba nokunqongophala kwezakhono kwiSebe lezeMali. ISebe kufuneka likuqwalasele ukuzaliswa kwezithuba zengqesho ngeliso elibukhali njengoko kuneftuthe ekwenziweni kweenkonzo ;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	Ngenxa yokungasebenzi ngendlela kwenkubo yokubeka esweni ulawulo Iwekhefu (leave administration), iKomiti yaggiba ekubenai makubekho isistim ethembekileyo esebenzayo ukubeka iliso kwinkqubo yekhefu elithathiyewo kunye/okanye imali yekhefu (leave encashment) ukuze kuthintelwe abaqeshwa ekuthatheni naluphi na udidi Iwekhefu, (ikhefu lonyaka, ikhefu lokugula, ikhefu lokujongana neengxaki zosapho, njl.njl.) ngaphandle kwezi nkqubo zomgaqo-nkqubo zilandelayo ;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Okubhekiselele kwingxelo yangaphambili yokuphicothwa kweencwadi neziggibo zeSCOPA	Umba	Iziphumo zenqubela eyenziweyo
	ISebe lifumana ingcaciso kuMphicothi-zincwadi Jikelele ngophando lwe- <i>Advisory Service</i> kuMphathiswa weMfundu yaye ingcaciso mayinikwe yiKomiti;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	ISebe maliphumeze iinkqubo eziluqilima ngokuphathelene kuLawulo IwaBathengi naBathengisi ;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	limfuno ezingummiselo ze- <i>Preferential Procurement Policy Framework Act (PPPFA)</i> mazisetyenziswe ;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	Ngenxa yokuba i- <i>Financial Management Improvements Plan</i> ingawuqwalaseli umba ongunobangela wokusilela kolawulo Iwangaphakathi oluqatshelwe kunyaka-mali ka-2009/2010; iKomiti icela iSebe lihlaziye i- <i>Financial Management Improvement Plan</i> ngokukhawuleza;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	ISebe libambela ngokuthe ngqo kwizicelo zeKomiti yaye linika iKomiti iingxelo ezintlanu zophicotho Iwangaphakathi, ingakumbi ingxelo yoThutho Iwabafundi ( <i>Learner Transport report</i> ), ngaphandle kokulibazisa;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	Impazamo kwiingxelo-mali ( <i>Material misstatements</i> ) ezine zalungiswa ngethuba lenqubo yophicotho-zincwadi.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	<ul style="list-style-type: none"> <li>ISebe lawa phantsi ekuqapheleni inkitho engagunyaziswanga (<i>irregular expenditure</i>) yezigidi eziyi-R14.6 m, neyabangelwa yinkqubo engafanelekanga. Le mpazamo yaqatshelwe kuphela ngethuba lenqubo yophicotho-zincwadi ;</li> </ul>	
	<ul style="list-style-type: none"> <li>Inkcitho eyi-<i>Capital expenditure</i> ye-R38 338 000 yabangelwa kukuhlelwa kwakhona kwengcaciso okwakubandakanyiwe kwiingxelo-mali;</li> </ul>	
	<ul style="list-style-type: none"> <li>Intlawulo ze-<i>Capital commitments</i> eziyi-R1.6 bn ngenxa yeenqubo ezingasebenzi ngokufanelekileyo ukuqwalasela ingcaciso zibandakanyiwe kwiingxelo-mali yaye oku kwakuqatshelwe ngethuba lenqubo yophicotho-zincwadi.</li> </ul>	
	<ul style="list-style-type: none"> <li>ISebe malibe neenkubo ezisebenzayo ukuthintela oku kungentla kungehli kwixa elizayo.</li> </ul>	

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Okubhekiselele kwingsxelo yangaphambili yokuphicothwa kweencwadi neziggibo zeSCOPA	Umba	Iziphumo zenqubela eyenziweyo
	Amabhaso awanikwa aBathengisi ayengasuselwa kumanqaku okukhethwa kuqala awabiwayo aza abalwa ngokungqinelana neemfuno ezingummiselo ze- <i>Preferential Procurement Policy Framework Act, 2000 (Act No. 5 of 2000)</i> nemimiselo ye- <i>National Treasury Instruction Note ye-15 Septemba 2010.</i> IKomiti yaggiba ekubeni makubekho inkqubo esebenzayo ukulawula ukufikelela kwabathengisi abangahlangabezaniyo ne- <i>PPPFA</i> .	
	Ulibaziseko ekwakhiweni kweeklasi;	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.
	lindleko zeenkonzo zekhompyutha ezande kakhulu kwithuba lonyaka.	ISebe iWCED liyazamkela iingcebiso zekomiti.

**15. Ulungelewaniso Iwangaphambili Iweengxelo zokuphicothwa kweencwadi**

Isebe liphumeze inkqubo yokujongana nezinto ezixhalabisayo neziphumo zoMphicothi-zincwadi. Kucelwa abaphathi abenza lo msebenzi ukuba benze isicwangciso sezinto eziza kwenziwa nesiza kuhlolwa yile komiti. Yakuba inkqubo yokuqinisekisa umgangatho igqityiwe, ukubekwa esweni kwayo kuya kuphunyezwa. Inkqubela ngalo mba ikwayingxelo eya kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

Imeko yokungathobeli imigaqo	Unyaka-mali okuqale ngawo oko	Inkqubela eyenziweyo ukuphelisa/ukusombulula lo mba
Ukubeka esweni eminye imisebenzi ehlawulelwayo ngabaqeshwa	2010/11	Zonke iithenda ezingaphezu kwe-R500 000 nangapezulu ziyyatshewa ukuqinisekisa ukuba akukho baqeshwa bachaphazelekayo. ISebe likwadrafte umgaqo-nkqubo.
Ulawulo lokuthengwa kweempahla neenkonzo neemvumelwano	2010/11	ISebe liphumeze iisistim i- <i>electronic Sourcing procurement system</i> ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo.

**16. Uxolelo (exemptions) nokutenxa kwimigaqo (deviations) okuvela kwi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke**

Ngokwesiqendu 79 se-PFMA, uNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*) wakuvuma ukuyekwa kweetheybile ii-disclosure of amortisation tables for finance lease expenditure ngokumalunga nezithuthi zikarhulumente ezifunekayo ngokwe *Departmental Reporting Framework Guide*. Kuphunyezwa amanyathelo okuqinisekisa ukuxelwa ngokupheleleyo kwenkcitho yezithuthi zikarhulumente (GG vehicle) njengengqeshiso zezemali, kubandakanywa ii-amortisation tables, kunyaka-mali ka-2012/13.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

Ngokwesiqendu 66 se-PFMA, efundwa ne-National Treasury Practice Note 5 of 2006/07, uMphathiswa weMicimbi yezeMali, uPhuhliso lezoQoqosho noKhenketho (*Economic Development and Tourism*) eNtshona Koloni uzivumile iimali ezisetyenziselwa iingqeshiso zezemali (*finance lease commitments*) ngokumalunga nenkcitho yezithuthi ze-GG ekusele kungenwe kuyo okanye ekuza kungenwa kuzo nezingaphezu kweenyanga eziyi-60.

**17. Iingxelo zeMali zeThutyan (Interim Financial Statements)**

ISebe lenze iingxelo zemali zethutyan njengoko zifunwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo. Ezi ngxelo zethutyan zaye zahlolwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo laza iSebe iWCED lenza utshintsho kwezo ndawo zithathwa njengezfanelekileyo.

**18. Ezinye**

Azikho

**19. Imiba engeziseko zophuhliso: Iltyala likaMagqwaka**

ISebe libe neengxoxo ekudala ziqhube kaSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works*), malunga netyala likaMagqwaka. Sisalinde iziphumo zokugqibela zenkqubo yenkundla yomthetho (*legal process*) ukuba kunikwe ingxelo ngayo nayiphi na inkcitho engenanzozo neylahleko ebe sisiphumo soku.

**20. Impendulo kwiNgxelo yoPhicotho (Audit Opinion)**

ISebe leMfundu leNtshona Koloni (*WCED*) lifumene iziphumo zophicotho ezingancumisiyo (*negative audit*) emva kweminyaka emihlanu yeengxelo zophicotho ezingenamakhwibiba (*unqualified audits*). ISebe iWCED liyazivuma iziphumo zophicotho yaye liya kuthatha amanyathelo afanalekileyo okomeleza iinkqubo zethu.

Le ngxelo isisiphumo sophicotho ibangelwe kukuba iSebe iWCED linerejista yee-asethi engaggitywanga yeeklasi eziziimobhayili. Oku kokuqala ngqa isebe kufuneka liphendule ngerejista yee-asethi elolu hlobo. Kwiimeko ezinqwenelekayo isebe lifanele ukuba nerejista yee-asethi yeeklasi eziziimobhayili (*asset register of mobile classrooms*), apha icacisa khona ngokuthe gca ukuba yintoni na enokubalwa njeneklasi emobhayili neenkqubo ezisetyenziswayo zokuqatshelwa nokulawulwa kweeyuniti eziziimobhayili. Oku kufanele ukuba kuphicothwe ngumphicothi-zincwadi wangaphakathi ukuqinisekisa ukuba zonke iinkqubo zolawulo eziyimfuneko zifanelekile.

Ingxelo yoPhicotho ikwafumene imizekelo emine yokungathotyelwa kwemimiselo ngokumalunga nemigaqo nemimiselo yeSCM.

**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

**Izicwangciso zokulungisa iziphene ezifunyanwe kuphicotho-zincwadi**

*lilkasi eziziimobhayili*

NgoJulayi 2012, iSebe iWCED labala ngokubanzi iiyunithi eziziimobhayili lisebenzisa inkcazo ekuvunyelwene ngayo. Kwinyanga ezimbini ezizayo kuya kuthathwa la manyathelo alandelayo:

- 1) Kuya kwenziwa iikhrayitheriya eziya kucacisa xa iyunithi ithathwa ngokuba isisisigxina nokuba ngaba iyikasi eyimobhayili. Kuya kwenziwa isistim yokwahlula iiklasiezeBakala R eziziimobhayili, iiyunithi zamakhitshi neeyunithi zelayibrari.
- 2) ICandelo le-Supply asset management liya kwenza isicwangciso seprojekthi esicacisa indima eza kufikelelwa nobude beprojekthi yokubala nokungqinisa iiyunithi. Oku kunokubandakanya ukufakwa kweebhakhowudi kwiiyunithi. Isicwangciso seprojekthi siya kuggitywa nge-10 Agasti size isicwangciso siggitywe ekupheleni kuka Septemba 2012.
- 3) ISebe iWCED liya kwenza isistim yokulandeleta xa zisuswa iiyunithi.
- 4) ISebe iWCED liya kuphendula ngezo yunithi zithengwe yi-DTPW yaye liziphathe ngokungqinelana nezikhokelo ze-NT guidelines.
- 5) Ezo yunithi zithengwe zii-SGBs kuya kufuneka ziboniswe kwiirejista zee-asethi zezikolo yaye ii-ofisi zezithili zemfundo ziya kucelwa ukuba zincedise ngokumalunga nalo mba.
- 6) Amaxwebhu emithombo aneenkcukacha zomcimbi (*transaction*) ngamnye kwirejista yee-asethi aya kuba yinkxalenyen yongqinelwaniso olwenziwego.
- 7) Imvumelwano emakufikelelwe kuyo ne-DTPW ngokumalunga neeyunithi ezithathwa ngokuba zisisigxina nokuba yeypifi na indima eya kuyidlalwa liSebe iWCED. Oku kuya kubandakanya kwi-Service Delivery Agreement ne-DTPW.
- 8) Kuya kubonwa ukuba uphicotho Iwangaphakathi lusayne amaxwebhu kule nkqubo kwakunye ne-AGSA ngokumalunga nenqubo ezilandelwa lisebe.
- 9) ISebe iWCED liza kucela kwakhona i-AGSA ukuba yenze uphicotho Iwethuttyana elifutshane ukuqinisekisa ukuba iingxaki ezinokubakho, zinokusingathwa nazo kwangethuba.
- 10) Le nkqubo ingentla iya kuggitywa ungdilulanga owe-30 Oktobha 2012.

*Ukungathotyelwa kwemimiselo yiSCM*

I-AGSA yaqaphela ukungathotyelwa kwemithetho nemimiselo yeSCM. I-AGSA iqaphele ithuba lokungathotyelwa kwemithetho nemimiselo phambi kokuphunyezwka kwe-Source-link ngoDisemba 2011. Akukho miba iqatshelwego ukususela ekuphunyezwani kweSource-link.

Ngoko ke ukulungisa le meko makuthathwe la manyathelo acetyiswayo:

- 1) Ukwensiwa komgaqo-nkqubo ngenkcitho engagunyaziswanga (*irregular expenditure*) ngokususela kuluhlu lweendidi zenkcitho ezikhutshwe nguNondyebo kaZelwonke.
- 2) Isetyhula eya kubo bonke abasebenzi iya kukhutshwa noluhlu lwenkcitho engagunyaziswanga.
- 3) Umlawuli ngamnye makaqaphela umsebenzi ophambili omakathwale uxanduva IweSCM nomakaye kumasfundisane ongoqequeso kwiimfuno ezingummiselo ze-SCM. Iya kuba ngulo mntu kuhela oya kuthwala uxanduva lokuthengwa kweempahla neenkonzo kwicandelo ngalinye.
- 4) Ukuhlolwa kwestraktsha seSCM secandelo leziseko zophuhliso nezithili zemfundo ukuqinisekisa ukuba zixhasa ukurekhodwa kwemicimbi okusemgangathwani.


**IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO**  
**INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI**  
**Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012**

- 5) Uqequesho olwenziwa yiSCM lungaba yinxalenye ebalulekileyo yokuthintelwa kweNkcitho eGunyaziswanga nengenaNzuzo neyiLahleko (*Irregular and Fruitless and Wasteful expenditure*).
- 6) I-SCM kufanele ithathelo ingqalelo ukukhutshwa kweethemplethi ukunceda abasebenzi, njengoko imimiselo yeSCM iye intsonkotha ngakumbi. I-PT sele ikhuphe iithemplethi zeSCM nomhla wophunyezo uwangciselwe ukuphela kukaSeptemba 2012.
- 7) Ukusetyenziswa kwezikolo ngenjongo *yokuphepha* imimiselo yeSCM *okunokwenzeka*, kuya kupheliswa.
- 8) Makubekho umasifundisane owenziwayo yiSCM okanye ngamagosa ePT ngemiba yesebe yangaphakathi *ii-house keeping matters* njengovavanyo lweAGSA *olujolise kwimithombo engamaxwebhu*.
- 9) Uphicotho Iwangaphakathi sele lubandakanyiwe kwinkcitho engagunyaziswanga kwisicwangciso sophicotho (*audit plan*) ngo-2012/13, ngako oko iinkqubo zokunika ingxelo kufanele zomelezwe kwezo nkalo zingabandakanywanga koku kungentla. lingcebiso ezilandela emva kwengxelo elolu hlobo ziya kuphunyeza ngokukhawuleza.
- 10) Ekupheleni konyaka onke malungu eSMS makasayine izatifikethi ngokumalunga nenkcitho engagunyaziswanga neyilahleko kwibhajethi yabo.
- 11) ISebe iWCED liya kumisela iYuniti yoLawulo eyi-high level Internal Control Unit ekupheleni kuka-Agasti 2012. I-Control Unit iya kuqequesha ize inike inkxaso amagosa eSCM kwicandelo ngalinye.
- 12) Onke amaxwebhu anxulumene no-Source-link aya kungqinisiwa yi-Internal Control Unit.
- 13) ISebe iWCED liya kuthathela ingqalelo yokucela i-AGSA yenze uvavanyo lwethutyana lwenkcitho engagunyaziswanga ukuthintela imingeni yokuphela konyaka.

Inkazo ngokuhubekayo eyenziwa qho iya kunikwa uMphathiswa neKomiti yoPhicotho-zincwadi ngokumalunga nenqubela yamanyathelo athathiweyo.

**21. Ukuvunywa**

liNgxelo-mali zoNyaka ezichazwe kumaphepha 124 kuye ku-181 zivunywe liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (*Accounting Officer*).



PA Vinjevold

INtsumpa Jikelele

Umhla: 31 Agasti 2012

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE AYENZE KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI ENGEENGXELO ZEMALI NENGCACISO YOKULAWULWA KOKUSETYENZISWA KWEBHAJETHI NO. 5: YESEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI**

#### INGXELO ENGEENGXELO ZEMALI

##### Intshayelelo

1. Ndiziphicothile ezi ngxelo zemali zihamba nala maxwebhu zeSebe leMfundu leNtshona Koloni ekuzezi, ingxelo yowlabiwo lwemali (*appropriation statement*), ingxelo yobume bemali njengoko injalo nge-31 Matshi 2011, nengxelo engokusetyenziswa kwemali, ingxelo engokutshintshwa kwee-asethi *ii-net assets*, nengxelo yokungena nokuphuma kwemali (*cash flow statement*) yonyaka-mali ogqiba kuphela, kunye nesishwankathelo semigaqo-nkqubo ephambili yokulawulwa nokusetyenziswa kwemali namanye amanqaku achazayo (*explanatory notes*), njengoko kucacisiwe kumaphepha 124 kuye ku-181.

##### Uxanduva Iwegosa elimele ukuphendula ngokuphathelele kwiingxelo zemali

2. Igosa lolawulo lwemali linoxanduva lokulgiselela nokucaciswa kakuhle kwezi ngxelo zemali ngokwe *Departmental financial reporting framework* njengoko kumiselwe yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke, neemfuno ezingummiselo zoMthetho woLawulo IweeMali zikaRhulumente, ka-1999 (UMthetho No. 1 ka-1999 (*Public Finance Management Act, 1999*) (*Act 1 of 1999*) (*PFMA*) kunye noMthetho woKwahlulwa kweMali waseMzantsi Afrika, ka-2008 (*Division of Revenue Act of South Africa (DoRA)*), (UMthetho No. 6 ka-2011) nokwenzela ukugcinwa kolawulo Iwangaphakathi okufanelekileyo ukuya kutsho ekulungisweni nokwandlalwa ngendlela efanelekileyo kweengxelo zemali ezingenampazamo ziqaphelekayo zokungaqondeki kakuhle (*misstatement*) nokuba ngaba oko kubangelwe lurhwaphilizo (*fraud*) okanye yimpazamo.

##### Umsebenzi oluxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele

3. Umsebenzi oluxanduva Iwam kukuvalisa ulovo Iwam ngezi ngxelo zemali zisekelwe kuphicothi-zincwadi olwenziwe ndim. Ndilwenzile uphicotho-zincwadi Iwam ngokwe *Public Audit Act of South Africa, 2004 (Act No. 25 of 2004)* (*PAA*), nangokwe Saziso Ngokubanzi (*General Notice*) esakhutshwa ngokwe Migangatho yaMazwe ngaMazwe yokuPhicotha iNcwadi (*International Standards on Auditing*). Loo migangatho ifuna ukuba ndizithobele iimfuno ezingummiselo ngokwemigaqo (*ethical requirements*), ndenze izicwangciso zophicotho-zincwadi ukuze ndifumane ingqinisekiso efanelekileyo malunga nokuba ngaba iingxelo zemali azinampazamo ziqaphelekayo zokungachaneki kakuhle (*material misstatement*).
4. Ukuphicothwa kweencwadi kubandakanya ukulandelwa kwemigaqo ukuze kufunyanwe ubungqina beezixa-mali neenkazo ezichaza amatyala (*disclosures*) kwiingxelo zemali. Imigaqo ekhethiwego ixhomekeke kwisigqibo somphicothi zincwadi, kubandakanya uphengululo Iwezinto ezingabangela iingxaki zeengxelo-mali ezingachanekanga (*material misstatement*) nokuba ngaba oko kwenzeka ngenxa yorhwaphilizo na okanye ngenxa yempazamo. Ekwenzeni olo phengululo Iwezinto ezingabangela iingxaki, umphicothi-zincwadi uthathela ingqalelo ulawulo Iwangaphakathi olululo oluchaphazela ukwazi kwezikoukulungiswa nokwandlalwa ngendlela efanelekileyo kweengxelo zemali ukuze kuveliswe imigaqo neenkubo zokuphicothwa kweencwadi ezifanelekileyo kwiimeko eziqhubekeyo, kodwa kungabi ngenjongo yokuvakalisa ulovo ngokusebenza ngempumelelo kolawulo Iwangaphakathi Iweziko. Ukuphicothwa kweencwadi kwakhona kubandakanya ukuvavanya ukufaneleka kwemigaqo-nkqubo yokulawulwa kwemali esetyenzisiweyo nokufaneleka kweengqikelelo zokulawulwa kwemali okwenziwa ngabaphathi, kwakunye nokwandlalwa ngokupheleleyo kweengxelo zemali.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YOMPHICOTHI-ZNCWADI JIKELELE kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

5. Ndi kholelwa ekubeni ubungqina bophicotho lweencwadi zemali endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukuba bube sisiseko sokuvakaliswa kolovo lwam ngophicotho lweencwadi zemali.

#### Izizathu zokuvakalisa uluvo olubonisa amakhwiniba (*Basis for qualified opinion*)

#### Li-asethi ezinokushenxiseka eziphathhekayo (*Tangible movable assets*)

6. ISebe alikhange libenazo iisistim ezifanelekileyo ezisebenzayo ekurekhoden iiyunithi eziziimobhayili, njengoko kubonisiwe kwingaku lenkcazo 29 kwiingxelo-mali, endinokungqiyama ngazo. lirekhodi zesebe azikhange zikuvumele ukusetyenziswa kweenkubo ezifanelekileyo ezizezinye ngokumalunga neeyunithi eziziimobhayili. Ngenxa yoku, andibanganako ukufumana ubungqina obaneleyo nobufanelekileyo obanelisa mna ngobukho bazo, ukuxatyiswa nokugqitywa kweeyunithi eziziimobhayili ezifikelela kwizigidi eziyi-R56 m.

#### Ukuvakalisa uluvo olubonisa amakhwiniba

7. Ngokoluvo lwam, ngaphandle kwefuthe elinokubakho lomba ochazwe kumhlathi wezizathu zokuvakalisa uluvo olubonisa amakhwiniba **yu**(*Basis for qualified opinion paragraph*), ezi ngxelo zemali zichaza ngokwanelisayo ubume bezemali beSebe leMfundu leNtshona Koloni njengoko bekunjalo nge-31 Matshi 2012, kunye nengxelo yokusetyenziswa kwemali, ukuphuma nokungena kwayo kulo nyaka ogqiba kuphela, ngokungqinelana ne-*Departmental Financial Framework* emiselwe yi-*National Treasury* kunye nangokweemfuno ezimiselwe yi-PFMA) neDoRA.

#### Ukugxininiswa kombra

8. Ndicela ukuba kukhe kuqwalaselwe le miba ilandelayo apha ngezantsi. Alukatshintshi uluvo lwam ngokumalunga nawo:

#### Ukungaqiniseki okubalulekileyo (*Significant uncertainties*)

9. Ngokubhekiselele kwingaku lenkcazo 18 kwiingxelo-mali, isebe linyanzelekile ukuba lizihlawule zonke iimali zee-akhawunti ezingekahlawulwa zizikolo. ISebe alinako ukuqinisekisa isixa esichanekileyo setyal emalihlawulwe ngokupheleleyo ngethuba lonyaka okanye eliza kuhlawulwa ngokupheleleyo njengoko ezinye zee-akhawunti zihlawulwa zizikolo ngqo. Imeko nganye iqwalaselwa yodwa yaye akukho malungiselelo alo naliphi na ityla elinokuba sisiphumo sokuba kwensiwe iingxelo-mali.

#### Ukucaciswa (*Restatement*) kwamanani angqinelanayo

10. Njengoko kuchaziwe kwingaku lenkcazo 29 kwiingxelo-mali, amanani angqinelanayo e-31 Matshi 2011 aphinde acaciswa kwakhona ngenxa yempazamo efunyenwe ngethuba lonyaka-mali omiyo ngokunxulumene neeyunithi eziziimobhayili ekungakazange kwanikwa ngxelo ngazo kwiingxelo-mali zesebe nekungazange kwanikwa ngxelo ngazo kwirejista yee-asethi zesebe.

#### Li-Material Impairments

11. Isebe linee-receivables ezimalunga nabasebenzi kwakunye namanye amatyala azizigidi eziyi-R71 nge-31 Matshi 2012 njengoko kuchaziwe kwingaku lenkcazo 28 kwiingxelo-mali, ebezingeckahlawulwa kwithuba elingaphezu kweminyaka emithathu. Ukubuyisa kwezi zixa-mali kuyathandabuzeka.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE  
kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

### Inkcitho engagunyaziswanga

12. Inqaku lenkcazo 25 kwiingxelo-mali, inkcitho engagunyaziswanga yezigidi eziyi-R52 eziqatshelweyo nengathathwa njengebalulekileyo njengoko kusaqwalaselewa le nkictho ukuba iqinisekiswe.

### Imiba eyongezelelweyo

13. Ndicela ukuba kukhe kuqwalaselwe le miba ilandelayo apha ngezantsi. Alukatshintshi ulovo lwam ngokumalunga nale miba:

### Lishedyuli ezongezelelweyo ezingaphicothwangwa (*Unaudited supplementary schedules*)

14. Ingaciso eyongezelelweyo ecacisa kumaphepha 174 kuye ku-181 ayiyonxaleny yezi zicwangciso zengxelo zemali kwaye yandlalwa njengengcaciso eyongezelelweyo. Andiziphicothanga ezi shedyuli kwaye ke ngoko akukho zizathu ndingazibekayo ngokoluvo lwam.

### Inkqubo-sikhokelo yokunika ingxelo yezemali

15. Inkqubo-sikhokelo yokunika ingxelo yezemali emiselwe yi-*National Treasury* nesetyenzisa lisebe yinkqubo-sikhokelo yokuthobela imimiselo. Ukucacisa ulovo lwam malunga nenkqubo-sikhokelo yokuthobela imimiselo kufanele kubonise xa iingxelo zemali ebesele zilungisiwe ngokwale nkqubo-sikhokelo kungekuko ukuba zicaciswe ngokwamkelekileyo. ISiqendu 20(2)(a) se-PAA, nakuba kunjalo, sifuna ukuba ndiveze ulovo lwam ngokucaciswa okwamkelekileyo kweengxelo-mali. Ukucacisa ulovo lwam ke ngoko kubonisa le mfuno ingummiselo.

## INGXELO EMALUNGA NEZINYE IIMFUNO ZOMTHETHO KUNYE NEMIQATHANGO YOMTHETHO

16. Ngokwe-PAA nangokwe-General Notice ekhutshwe ngokumalunga nayo, ndenza ingxelo yokuba ezi ziphumo zilandelayo zichaphazela intsebenzo xa ithelekiswa neenjongo eseles zimiselwe, ukuthobela imithetho nemimiselo nolawulo lwangaphakathi, kodwa injongo yoku asikokuveza izimvo zam.

### Injongo ezimiselwe kwangaphambili

17. Ndenze iinkqubo zokufumana ubungqina malunga noncedo nokuthembeka kwengcaciso kwingxelo yentsebenzo yonyaka njengoko kucacisiwe kumaphepha 7 kuye ku-99 ale ngxelo yonyaka.
18. Intsebenzo ekunikwe ingxelo ngayo xa ithelekiswa neenjongo eseles zimiselwe yahlolwa ithelekiswa neekhrarytheriya zonke eziluncedo nezithembekileyo. Ukuba luncedo kwengxelo yentsebenzo yonyaka kunxulumene nokuba ngaba icacisa hazwa ngokungqinelana nemigqaliselo yokunika ingxelo koNondyebo kaZwelonke kwanokuba ngaba intsebenzo ekunikwe ingxelo ngayo iyangqinelana na neenjongo ezicwangcisiweyo. Ukubaluncedo kwengcaciso kunxulumene ngakumbi nokuba ngaba izalathinkqubela neethagethi ziyalanganiseka kusini na (o.k.t. umahluko ochazwe kakuhle onokungqinisiswa othe ngqo nonako ukulinganiseka oqingqelwe ixesha) nokufanelekileyo njengoko kuyimfuneko oko kwi-*National Treasury Framework* yokulawula ingcaciso yentsebenzo yeeprogram.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

19. Ukuthembeka kwengcaciso ngokumalunga neeprogram ezikhethiweyo kuvavanyelwa ukuqinisekisa ukuba ngaba ingcaciso iyibonisa ngokwaneleyo le miba (o.k.t. ukuba isemthethweni, ichanekile yaye iphelele).
20. Bekungekho ziphumo zelahleko kwingcaciso yezemali (*material findings*) kwingxelo yentsebenzo yonyaka ngokumalunga nokubaluncedo nokuthembeka kwale ngcaciso.

#### Imiba eyongezelelwego

21. Nakuba kungekho ziphumo zizii-*material findings* malunga nokubaluncedo nokuthembeka kwentsebenzo yengcaciso beziqatshelwe kwingxelo yentsebenzo yonyaka, ndifuna kuqwalaselwe lo mba ulandelayo.

#### Impumelelo yeethagethi ezicwangcisiwego

22. Kwinani eliyitotali leethagethi ezicwangcisiwego, ziyi-42 kuphela ezaphunyelelwayo kulo nyaka uphantsi koqwalaselo. Oku kumele ii-34% yetotali yeeethagethi ebezierwangcisiwe ezingazange ziphunyelelwe kulo nyaka uphantsi koqwalaselo.
23. Oku bekubangelwa kukuba izalathi-nkqubela neethagethi bezingenziwanga ngokufanelekileyo ngethuba lenkqubo yokucwangcisa (*strategic planning process*) nangenxa yokuba isebe lingakhange lithathelle ingqalelo iisistim ezichaphazelekayo neemfuno ezibubungqina ngethuba lenkqubo yokucwangcisa.

#### Ukungqinelana nomthetho nemigaqo

24. Ndiphicothe iinkqubo ukufumana ubungqina bokuba iziko liyithobele na imithetho nemimiselo emalunga nemiba yezemali, ulawulo lwezemali neminye imiba emalunga noku. Iziphumo zophicotho ngemiba yokungathotyelwa kwemiba ethe ngqo kwimithetho nemimiselo ephambili enokusetyenziswa njengoko imiselwe kwi-General Notice ekhutshwe ngokwe-PAA zezi zilandelayo:

#### lingxelo-mali zonyaka, iingxelo zentsebenzo neengexelo zonyaka

25. lingxelo-mali ezingeniselwe iinjongo zophicotho bezingalungiswanga ngokumalunga nayo yonke imiba yophicotho ngokungqinelana neemfuno ezingummiselo zesiqendu 40(1) sePFMA. lingxelo-mali ezineempazamo zokungaqondeki kakuhle eziqatshelwe ngabaphicothi azilungiswanga ngokwaneleyo, nto ke leyo ebenesiphumo sokuba isebe lifumane inkcazo yengxelo enamakhwiniba (*qualified audit opinion*)

#### Li-asethi nokungamatyala (*liabilities*)

26. Isistim zolawulo ezifanelekileyo ukunqanda nokugcina ii-asethi bezingaphunyezwanga, njengoko kuyimfuneko kwisiqendu 38(1)(d) se-Public Finance Management Act and Treasury Regulation 10.1.1(a).

#### Ulawulo lokuthengwa kweempahla neenkonzo neemvumelwano

27. limpahla neenkonzo ezinemicimbi ekwixabiso elingaphantsi kwe-R500 000 zathengwa ngaphandle kokufumana iikowuteshini zexabiso ezifunekayo ngokwe-Treasury Regulation 16A6.1.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

28. limvumelwano neekowuteshini zanikwa abathengisi abanemibandela yezerhafu engachazangwa ziiNkonzo zeRhafu zoMzantsi Afrika njengemi kakuhle yiMimiselo kaNondyebo (*Treasury Regulations*) 16A9.1(d) neMimiselo ii-*Preferential Procurement Regulations*.
29. Inkubo yamanqaku okukhethwa kuqala (*preference point system*) yayingasetyenziswanga kuzo zonke iiimpahla neenkonzo ezithengiwego ezingaphezu kwe-R30 000 njengoko kuyimfuneko ngokwesiqendu 2(a) kwi-*Preferential Procurement Policy Framework Act and Treasury Regulations 16A6.3(b)*.
30. limvumelwano neekowuteshini zanikwa abakhuphisana ngamaxabiso (*bidders*) abangakhange bangenise ingxelo ngokuba ingaba baqeshiwe na ngurhulumente okanye banonxulumano naye nawuphi na umntu oqeshwe ngurhulumente, nefunelwa ukuba kuthotyelwe ummiselo kaNondyebo 16A8.3.
31. Abaqeshwa besebe benza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kokujeshwa kwabo kwisebe bengenayo imvume ebhaliwego kwabasemagunyen'i abachaphazelekayo njengoko kuyimfuneko ngokwesiqendu 30 soMthetho weNkonzo kaRhulumente (*Public Service Act*) nesiqendu 33(1) soMthetho wezeNgqesho yooTitshala (*Employment of Educators Act*).
32. Abantu abasenkonzwensi yesebe abachaphazelekayo kumashishini amaqumrhu nawezoshishino kwiimvumelwano ezikhutshwe lisebe abaphumelelanga ukuchaza ukuchaphazeleka kwabo okulolu hlobo, njengoko kuyimfuneko kwi-*Treasury Regulation 16A8.4* kune/okanye kwi-*Public Service Regulation 3C*.
33. Abantu abasenkonzwensi yesebe abaneentsapho zabo ezichaphazelekayo kumashishini nakumaqumrhu abucala kwiikhontrakthi ezikhutshwe lisebe abaphumelelanga ukuchaza ukuchaphazeleka kwabo okulolu hlobo, njengoko kuyimfuneko ngokwe-*Treasury Regulation 16A8.4*.
34. Ukuhlolwa okufanelekileyo kweprojekthi zokwakha eziphambili (*major capital projects*) akuzange kwensiwe ngaphambi kwesigqibo sokugqibela kwiprojekthi ngokweemfuno zesiqendu 38(1)(a) se-PFMA.

#### Ulawulo Iwenkcitho

35. Igosa elimele ukuphendula ngemicimbi yezemali alikhange lithathe amanyathelo asebenzayo ukuthintela inkcitho engagunyaziswanga, njengoko kuyimfuneko ngokwesiqendu 38(1)(c)(ii) se- *Public Finance Management Act and Treasury Regulation 9.1.1*.
36. Akufunyanwanga bungqina bophicotho-zincwadi bufanelekileyo baneleyo nokuba amanyathelo oluleko asebenzayo nafanelekileyo athathwa ngakuloo magosa awenza okanye avumela inkcitho engagunyaziswanga enxulumene ngokukodwa nenkcitho engagunyaziswanga eqatshelwe kunyaka-mali wangaphambili ngokwesiqendu 38(h)(iii) se-*Public Finance Management Act ne-Treasury Regulations 9.1.3*.

#### Ulawulo IweNgeniso

37. Igosa elimele ukuphendula ngokusetyenziswa kwemali alikhange lithathe amanyathelo angawo nasebenzayo okuqokelela zonke iimali ezifanele ukuqokelela, ngokwesiqendu 38(1)(c)(ii) se-*Public Finance Management Act and Treasury Regulation 9.1.1*.

## IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

### INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE kunyaka ophele nge-31 Matshi 2012

#### Ukwensiwa kweenkonzo

#### Igranti *iTechnical Secondary Schools Re-capitalisation grant*

38. Ngaphandle kwezo zikolo zobugcisa eziponise ukuba zinabo abasebenzi, iisistim neenkubo zolawulo lwenkubo yokuthengwa kweempahla neenkonzo, le nkubo ayikhange ilawulwe Iphondo, ngokwe-Division of Revenue Grant Framework, Gazette No. 34280.

#### Ulawulo Iwangaphakathi

39. Ndithathelo ingqalelo ulawulo Iwangaphakathi olufanelekileyo kumsebenzi wam wokuphicotha iingxelo zemali, ingxelo kwiinjongo esele zimiselwe nokuthobela imithetho nemimiselo. Imiba ekunikwe ingxelo ngayo phantsi kwemiba engundoqo kulawulo Iwangaphakathi apha ngezantsi iphelela kuphela kwizinto eziqatshelwego ezisileleyo ezibe ngunobangela wolovo Iwengxelo enamakhwiniba yophicotha ngokumalunga nokungqinelana nemithetho nemimiselo ebandakanywe kule ngxelo.

